
ISEBE lemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo
INgxelo yoNyaka 2011/2012

Gqr I H Meyer

UMphathiswa wePhondo wemiCimbi yeNkcubeko, nezemiDlalo

Ndiyazingca ngokungenisa le Ngxelo yoNyaka yeSebe lemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo kunyaka oqala ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi ngowe-2011 ukuya kowama-31 kweyoKwindla ngo-2012.



BRENT WALTERS

31 kweyeThupha 2012

IziquLatho

ICANDELO 1: INGCACISO JIKELELE	1
1.1 Umbono, uMnqophiso neeNdlela zokuziphatha	1
1.2 Ubume beSebe.....	2
1.3 IsiGunyaziso sezomthetho	3
1.4 Amaziko akhoyo aNika iNgxelo kuMphathiswa.....	9
1.5 INgxelo yoMphathiswa.....	10
1.6 Isishwankathelo esenziwa liGosa eliNika iNgxelo.....	11
ICANDELO 2: IINGCACISO NGEENJONGO EZIQINISEKISIWEYO.....	13
2.1 Umsebenzi uwonke	13
2.2 Indlela yokusebenza yenkqubo	38
ICANDELO 3: IINGXELO ZEMALI ZONYAKA	70
3.1 INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi yonyaka ophela ngowama 31 kweyoKwindla 2012	70
3.2 INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo.....	73
3.3 INgxelo yoMphicothi-ziNcwadiJikelele woMzantsi Afrika	83
3.4 Iingxelo zemali zonyaka	87
• Ingxelo yolwabiwo-mali olulungiselelwe unyaka ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla-2012.....	87
• Amanqaku eNkcazelo yoLwabiwo-mali lonyaka ophela ngomhla wama 31 kweyoKwindla 2012 101	
• Inkcazelo yokusebenza kwemali ngonyaka ophela ngowama 31 kweyoKwindla 2012	103
• Inkcazelo ngesimo semali ngowama 31 kweyoKwindla 2012	104
• Inkcazelo yotshintsho kwii-asethi ezishiyekileyo yonyakwa ophela ngowama 31 kweyoKwindla 2012	105
• Inkcazelo yokuhamba kwemali yonyaka ophela ngowama 31 kweyoKwindla 2012	106
• Imigaqo-nkqubo yobalo-mali oluphele ngowama-31 kweyoKwindla 2012	107
• Amanqaku engxelo yemali yonyaka ophela ngowama 31 kweyoKwindla 2012	113
• Amanqaku enkcazo kwingxelo-mali yonyaka ophela ngowama-30 kweyoKwindla 2012	123
• Izihlomelo kwingxelo-mali yonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2012.....	133
ICANDELO 4: ULAWULO LWEZIBONELELO ZABASEBENZI	144
Izishunqulelo	179
Iinkcukacha zoqhakamshelwano.....	181

ICANDELO 1: INGCACISO JIKELELE

1.1 Umbono, uMnqophiso neNdlela zokuziphatha

Umbono

INTshona Koloni enoluntu oluhlangeneyo, oluneziphiwo nolusebenzayo.


Umnqophiso

Sikhuthaza ukugqwesa kwezemidlalo nokubandakanyeka koluntu kwezemidlalo nakwezenkcubeko ngokusetyenziswa ngokufanelekileyo, ngokwanelisayo nangendlela ezinzileyo kwezibonelelo zethu, nangokudala intsebenziswano nabanye abantu. Ukukhokelela ukuba sibe nokugqwesa, siza kudala iimeko zokufikelela koluntu nokuthatha inxaxheba kwesininzi, ukufunyanwa kweziphiwo nokuphuhliswa kwezakhono.

Iindlela zokuziphatha

- Imfezeko;
- Ukuthabatha uxanduva;
- Ikhono;
- Ukusabela; kunye
- Ulolongo.

1.2 Ubume beSebe



1.3 IsiGunyaziso sezomthetho

ISebe lisithabatha isigunyaziso sezomthetho njengesibophelelayo apho konke ukusebenza kwalo okupheleleyo kusekwe khona, ingakumbi ukusebenza kakuhle, ubulungisa kunye nokufumaneka konikezelo lwenkonzo, okusekwe kwiPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo ekugququlweni kokuNikezelwa kweNkonzo kaRhulumente, ebizwa ngokuba "Iqalelo leBatho Pele".

ISebe lisebenza kwizigunyaziso ezisemthethweni nomgaqo-nkqubo ochazwe apha ngasezantsi.

Izigunyaziso somgaqo-nkqubo

Icandelo	Uxanduva oluthe ngqo leSebe olulungiselelwe ukuQinisekisa uHambelwano
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996	
ICandelo 6(3) kunyene(4): ULwimi	URhulumente weNtshona Koloni kufuneka, ngokomthetho kunye neminye imiqathango, ulawula yaye ubeka iliso ekusebenziseni kwalo iilwimi ezisesikweni. Zonke iilwimi ezisesikweni kufuneka zifumane ukufaniswa yaye kufuneka ziphathwe ngobulungisa. IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni, ngentsebenziswano neSebe lemiCimbi yeNkcubeko nezeMidlalo, inoxanduva yokubeka iliso novavanyo lomiliselelo loMgaqo-nkqubo woLwimi wePhondo leNtshona Koloni, owamkelwe ngowama-2001, yaye kufuneka inike ingxelo kwiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo leNtshona Koloni ngesi sigunyaziso mhlawumbi kube kanye ngonyaka.
ICandelo 30: ULwimi neNkcubeko	ISebe liququzelela amathuba alungiselelwe abantu eNtshona Koloni ukuba basebenzise ulwimi lwabo namalungelo enkcubeko ngokusetyenziswa kweenkqubo neeprojekthi elimeleyo nelixhasayo.
ICandelo 31: Uluntu lwenkcubeko, lwenkolo nolwimi	ISebe kufuneka liqinisekise ngento yokuba iinkqubo zalo neeprojekthi ziyayihlonipha iyantlukwano yenkcubeko yabemi beNtshona Koloni.
ICandelo 41: Imithetho-siseko yentsebenziswano karhulumente nobudlelwane noorhulumente	ISebe lisebenzisana nawo onke amacandelo karhulumente. Ngokuhambelana nezigunyaziso ezithe ngqo, iSebe lisebenza ngokusondeleyo neSebe lesizwe loBugcisa neNkcubeko, amacandelo oluntu esizwe nawephondo, noomasipala baseNtshona Koloni.
ICandelo 156(4): Ulwabiwo namagunya	ISebe kufuneka labe okanye linikezele amagunya kumasipala ngesivumelwano yaye kuxhonyekekwe nakuyiphi na imiqathango, ulawulo lombha odweliswe kwiCandelo A seShedyuli 4 okanye iSahlulo A seShedyuli 5 ebhekiselele kumasipala, ukuba — (a) umba lowo uya kulawulwa ngokulungileyo kwingingqi; yaye (b) umasipala unesakhono lokuwulawula. ISebe liququzelela ukunikezela ngeenkonzo zamathala encwadi karhulumente, athi ngoko umasipala akubone njengesigunyaziso esingaxhaswa ngemali. Ezi nkonzo zinikezelwa ngentsebenziswano neCandelo loLawulo-mali leSizwe kunye neSebe leSizwe loBugcisa neNkcubeko ngokusetyenziswa koMnikelo woXhomekelo olungiselelwe amaThala eeNcwadi oLuntu, ngenkxaso engaphezulu evela kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo leNgxowa-mali kaMasipala yoTshintsho.
IShedyuli 4: IMimandla eSebenzayo eVumelanayo noBuchule beNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe neyePhondo	Imicimbi yeNkcubeko: <ul style="list-style-type: none"> ISebe lisebenza ngokusondeleyo kwiSebe lesizwe lezoBugcisa neNkcubeko kunye namacandelo anxulumeneyo karhulumente ngokubhekiselele kuvumelwano lobugcisa, inkcubeko nemiba yamafa. UMgaqo-nkqubo woLwimi nomthetho weelwimi ezisesikweni ukuya kutsho kwinto yokuba izibonelelo zecandelo 6 loMgaqo-siseko unikezelwe ngokucacileyo kubuchule obusemthethweni beNdlu yoWiso-mthetho yePhondo leNtshona Koloni : <ul style="list-style-type: none"> ISebe lisebenza ngokusondelelana neSebe lesizwe loBugcisa neNkcubeko kunye namacandelo anxulumeneyo karhulumente abhekiselele kwimiba yomgaqo-nkqubo yolwimi.

Icandelo	Uxanduva oluthe ngqo leSebe olulungiselelwe ukuQinisekisa uHambelwano
<p>IShedyuli 5: IMimandla eSebenzayo yoBuchule oBubodwa obuseMthethweni bePhondo</p>	<p>IiNdawo zokugcina amafa ezingezizo iindawo zokugcina amafa zesizwe:</p> <ul style="list-style-type: none"> ISebe ligunyazisiwe ukuba liyile umthetho wephondo obhekiselele kwiindawo zokugcina amafa ngaphandle kwezo ndawo zokugcina amafa zesizwe ukulungiselela ukulawula uyilo lwalo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngeNdawo zokugcina amafa zephondo neNkonzo yeeRekhodi. <p>Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe:</p> <ul style="list-style-type: none"> ISebe ligunyazisiwe ukuba liyile umthetho wephondo obhekiselele kumathala eencwadi ngaphandle kwaloo mathala eencwadi esizwe ukulungiselela ukulawula uyilo lwalo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngeThala leeNcwadi lephondo neNkonzo yeNgcaciso nokusebenza ngokusondeleyo noogunyaziwe bethala leencwadi likawonke-wonke ekunikezeleni ngenkonzo yethala leencwadi likawonke-wonke. <p>IiMyuziyam ngaphandle kweemyuziyam zesizwe:</p> <p>ISebe ligunyazisiwe ukuba liyile umthetho owodwa wephondo obhekiselele kwiimyuziyam ngaphandle kwezo myuziyam zesizwe ukulungiselela ukulawula uyilo lwazo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngeNkonzo yeMyuziyam yePhondo nokusebenza ngokusondeleyo neemyuziyam ezizibandakanyileyo ekuxhaseni ezi myuziyam.</p> <p>Imiba yenkcubeko yephondo (kubandakanywa ulawulo lwezibonelelo zamafa namagama engingqi):</p> <ul style="list-style-type: none"> ISebe libonelela iLifa leMveli yeNtshona Koloni (izibonelelo zogunyaziwe zamafa ephondo) ngabasebenzi kunye nenkxaso yolwabelwano lwemali nenkxaso yolawulo kubalawuli nokuphatha isigunyaziso salo esisemthethweni. UMphathiswa ngokunjalo unamagunya athile asemthethweni yaye ungugunyaziwe oqeshelwe ukubhena kumthetho. <p>ISebe libonelela ngobuchule nenye inkxaso kwiKomiti yaMagama ngokweNgingqi yeNtshona Koloni ukuququzelela uthethwano loluntu kwiNtshona Koloni ngokubhekiselele kulungelelwaniso notshintsho kumagama engingqi nokwenza iingcebiso kwiBhunga leNgingqi yoMzantsi Afrika. ISebe libonelela ngobuchule nenye inkxaso kule Komiti.</p> <p>ISebe linoxanduva lokuncedisa ngokwenza indawo esingqongileyo ibe nako malunga nezemidlalo yephondo nezinto zokuzonwabisa.</p>
<p>ICandelo 195: Iinqobo zesiseko nemithetho-siseko elawula ulawulo lukarhulumente.</p>	<p>Amagosa karhulumente anoxanduva lokuhambelana nezibonelelo zecandelo 195. Eli candela libonelela ngenkcazelo yeenqobo zedemokhrasi nemithetho-siseko elawula amagosa karhulumente. ICandelo 195(1)(b) lidinga ukukhuthazwa kooqoqosho olusebenzayo nokusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezibonelelo. Oku nje kukodwa kuthetha into yokuba iinqubo eziqalisiweyo kwicandelo likarhulumente zinganakho ukuvelisa izibonelelo ezipheleleyo ngeendleko eziphantsi kakhulu.</p>
<p>ICandelo 92 & 133</p>	<p>Ugxininiso lokokuba "amalungu eKhabhinethi anoxanduva ngokuhlangeneyo nangokuzimela ngokwawo kwiPalamente ukulungiselela ukusebenzisa amagunya awo nokwenza imisebenzi yawo". Lichaza ngaphezulu into yokuba kufuneka "anikezele kwiPalamente iingxelo ezipheleleyo nezenziwa rhoqo ezibhekiselele kwimicimbi ephantsi kolawulo lwawo". ICandelo 133 liyalwandisa olu hlobo lokuthwalwa koxanduva kwiMEC yephondo.</p>
<p>UMgaqo-nkqubo weNtshona Koloni, 1997 (uMthetho woku-1 we-1998)</p>	
<p>ICandelo 5</p>	<p>Ukulungiselela iinjongo zoRhulumente weNtshona Koloni:</p> <p>(a) Iilwimi ezisesikweni isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa kufuneka zisetyenzisiwe; yaye</p> <p>(b) ezi lwimi zifumana ilunga elilinganayo.</p> <p>URhulumente weNtshona Koloni kufuneka, ngokusetyenziswa komthetho neminye imiqathango, alawule nokubeka iliso kukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa.</p> <p>URhulumente weNtshona Koloni kufuneka ngokunjalo amilisele imiqathango esebenzayo nefanelekileyo ukuphakamisa iwonga nokuqhubela phambili kokusetyenziswa kwezo lwimi zemveli zabantu beNtshona Koloni awonga lwalo nokusetyenziswa kuthe kwacima ngokwembali.</p>

Icandelo	Uxanduva oluthe ngqo leSebe olulungiselelwe ukuQinisekisa uHambelwano
ICandelo 70	<p>Indlu yowiso-mthetho yePhondo kufuneka ibonelele ngokusekwa nenkxaso efanelekileyo, kwizibonelelo ezikhoyo zePhondo, zebhunga lenkcubeko okanye amabhunga oluntu okanye uluntu lweNtshona Koloni lusabelana ngelifa lenkcubeko nolwimi. ISebe linegunya lokongama kwiKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ngokubhekiselele noyilo lomthetho owawunqulunqwe ukulungiselela le njongo.</p> <p>Ukubhaliswa nenkxaso kumabhunga enkubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> • IKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni, elinye lamacandelo karhulumente wephondo elithe iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lanoxanduva linikwe umsebenzi wokubhalisa, ukuxhasa, kumabhunga enkubeko abhalisiweyo.
ICandelo 81	<p>URhulumente weNtshona Koloni kufuneka amkele aze amilisele imigaqo-nkqubo ngokukhuthala ukulungiselela ukukhuthaza nokugcina intlalo-ntle yabantu beNtshona Koloni, kubandakanywa imigaqo-nkqubo ejolise ekufezekiseni:</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukukhuthaza kwentlonipho yamalungelo enkubeko enkolo nawolwimi lwabantu kwiNtshona Koloni ; kunye • nokhuselo nokulondolozwa kwamafa embali, embali yenkcubeko, inzululwazi ngezakudala nenzululwazi ngokwakha yeNtshona Koloni ukulungiselela isibonelelo sesizukulwana esikhoyo nesixa elizayo. <p>ISebe limilisele imigaqo-nkqubo ethe ngqo ukuxhasa ezi zibonelelo.</p>
ICandelo 82	<p>Iminyalelo yemithetho-siseko yomgaqo-nkqubo wephondo kwiSahluko 10 (icandelo 81) ayinakho ukunyanzeliswa ngokwasemthethweni, kodwa ikhokhela uRhulumente weNtshona Koloni ekwenzeni nokusebenzisa imithetho.</p>

IziGunyaziso zoMthetho

UMthetho weSizwe	Isikhokhelo	Uxanduva olungundoqo olubekwe kwiSebe
Ngokubanzi		
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999	UMthetho woku-1 we-1999	Ulawulo lwesebe
UMthetho oHlonelweyo weMicimbi yaBasebenzi, wama-2007	UMthetho 30 wama-2007	UMthetho wenza isibonelelo esilungiselelwe umbutho nolawulo lweSebe, umthetho wemiqathango yengqesho, isithuba sokuba seofisini, ululeko, umhlalaphantsi nokugxothwa kwamalungu enkonzo yabasebenzi, nemiba enxulumeneyo.
UMthetho weCandelo leNgeniso, wama-2011	UMthetho 6 wama-2011	ISebe lifumana iminikelo yoxhomekeko ngokwemiqathango yoMthetho weCandelo leNgeniso (DORA)yaye linoxanduva yolawulo lwezi ngxowa-mali.
IMicimbi yeNkcubeko, iNkonzo zeThala leeNcwadi		
UMthetho wamaZiko eNkcubeko we-1998	UMthetho 110 we-1998	ISebe kufuneka linxibelelane yaye lisebenzisane kunye namaziko enkubeko abhengezwe kwisizwe abhekiselele kubugcisa, inkubeko nemiba yamafa.
UMthetho wokuKhuthaza kweNkcubeko, we-1983	UMthetho 35 we-1983	Lo mthetho wabelwa iNtshona Koloni yaye iSebe linoxanduva lokuhambelana nezibonelelo zoMthetho.
UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (Indlu yoWiso-Mthetho), 1989	UMthetho 65 we-1989	Lo mthetho wabelwa iNtshona Koloni yaye iSebe linoxanduva lokuhambelana nezibonelelo zoMthetho.
UMthetho wezaMafa kunye neNkonzo yeeRekhodi zeMzantsi Afrika, we-1996	UMthetho 43 we-1996	ISebe linoxanduva lokunyula ummeli wephondo leNtshona Koloni kwiKomiti yeNgcebiso elungiselelwe ezaMafa eSizwe. ISebe linoxanduva lokuhlangabezana nesithethe nemigangatho ethiwe thaca ngokuhambelana nalo mthetho.
UMthetho weBhunga loBugcisa leSizwe, we-1997	UMthetho 56 we-1997	ISebe linoxanduva lokunyula ummeli wephondo leNtshona Koloni kwiBhunga loBugcisa leSizwe, ukulungiselela intsebenziswano nolungelelwaniso neBhunga loBugcisa leSizwe, nokulungiselela inkxaso-mali yeBhunga loBugcisa leSizwe ukulungiselela uphuhliso lobugcisa nenkcubeko kwiNtshona Koloni.
UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli yweSizwe, we-1999	UMthetho 11 we-1999	ISebe linoxanduva lokunyula ummeli wephondo leNtshona Koloni kwiBhunga laMafa leSizwe (NHC), nokulungiselela intsebenziswano nolungelelwaniso lwemisebenzi enxulumene nenkxaso-mali neprojekthi ezithi ziqhutywe yi-NHC kwiNtshona Koloni.

UMthetho weSizwe	Isikhokhelo	Uxanduva olungundoqo olubekwe kwiSebe
UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli leSizwe, we-1999	UMthetho 25 we-1999	ISebe liqinisekisa ngohambelwano ngokubeka iliso kukunyulwa kommel i wephondo leNtshona Koloni, ingakumbi abe lilungu leBhunga laMafa eMveli leNtshona Koloni, kwiBhunga leArhente yeZibonelelo zeLifa loMzantsi Afrika (SAHRA). ISebe liqinisekisa ngohambelwano nomthetho kwinto yokuba uMphathiswa kufuneka atyumbe iBhunga leLifa leMveli yeNtshona Koloni, eliza kuba ngugunyaziwe welifa lemveli yephondo leNtshona Koloni. ISebe ngokunjalo linoxanduva lokunxibelelana ze lisebenzisane neSAHRA, iLifa leMveli yeNtshona Koloni noomasipala ngokubhekiselele kulawulo lwezibonelelo zelifa. ISebe lincedisa uMphathiswa kwimiba apho kungeniswe izibheno kuMphathiswa kuchaswa izigqibo zeLifa leMveli yeNtshona Koloni.
UMthetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika, we-1995	UMthetho 59 we-1995 (candelo 8(a))	ISebe linegunya lokongamela iKomiti yolwimi yeNtshona Koloni, ethathelwa ingqalelo yePanSALB njengekomiti yayo yolwimi lwephondo leNtshona Koloni.
UMthetho weBhunga lamaGama eNgingqi yoMzantsi Afrika we-1998	UMthetho 118 we-1998	ISebe linoxanduva lokuhambelana nezibonelelo zomthetho zokutyumba ummeli kwiBhunga lephondo lamaGama eNgingqi eNtshona Koloni, ukuphanda namagama engingqi kwiNtshona Koloni ukuqinisekisa ngokubeka emgangathweni yaye, apho kuyimfuneko, ukuququzelela uthethwano olubhekiselele kwiinguqu ezicetywayo kula magama.
UMthetho weNgqungquthela yeLifa leMveli yeLizwe, 1999	UMthetho 49 we-1999	ISebe linoxanduva lokuhambelana kunye nezibonelelo zomthetho zokutyumbela ummeli wephondo leNtshona Koloni kwiKomiti yeNgcebiso yeLifa leMveli yeLizwe yoMzantsi Afrika. Ngokunjalo linoxanduva lokuhambelana nezibonelelo zoMthetho kunye neNgqungquthela yeLifa yeLizwe ngokubhekiselele kukutyunjwa kweziza ezingathi zifumaneke kuLuhlu lweThutyana loMzantsi Afrika kwiKomiti yeLifa leLizwe leUNESCO.

IMidlalo

UMthetho wezeMidlalo noLonwaboweSizwe, we-1998	UMthetho 110 we-1998	Ukunikezela ngenkuthazo nophuhliso lwezemidlalo nolonwabo nolungelelwano lobudlelane phakathi kweSASCOC [uManyano lweMidlalo yoMzantsi Afrika neKomiti yeOlimpiki], iMidlalo noLonwabo yoMzantsi Afrika (SRSA), iimanyano zemidlalo, amabhunga emidlalo nezinye iiarhente. Ukunikezela ngemiqathango ejolise ekulungiseni ukungalingani kwimidlalo nolonwabo, ukukhuthaza ubulungisa nedemokhrasi kwimidlalo nolonwabo; nokunikezela kwiindlela zesisombululo sempixwano kwimidlalo ukulungiselela ukuba uMphathiswa enze imithetho nokubonelela kwimicimbi enxulumene nale miba.
--	----------------------	--

UMthetho wePhondo	Isingqiniso	Uxanduva olungundoqo olubekwe kwiSebe
IMicimbi yeNkcubeko, iNkonzo zeThala leeNcwadi nezaMafa		
UMthetho weLwimi zePhondo leNtshona Koloni, we-1998	UMthetho 13 we-1998	ISebe linegunya lokongamela iKomiti yolwimi yeNtshona Koloni. UMphathiswa unoxanduva lokuqesha kwakhona iKomiti ukulungiselela isithuba sengqesho esilandelayo seofisi. Linikezela ngokunjalo ngobuchule nenye inkxaso kwiKomiti.
UMthetho weeKomishini zeNkcubeko zeNtshona Koloni namaBhunga eNkcubeko, we-1998	UMthetho 14we-1998	ISebe linegunya lokongamela iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni. UMphathiswa unoxanduva lokuqesha kwakhona iKomiti ukulungiselela isithuba sengqesho esilandelayo seofisi. Linikezela ngokunjalo ngobuchule nenye inkxaso kwiKomishini.
IMithetho yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli yeNtshona Koloni	PN 336 yama-25 kweyeDwarha 2002	ISebe linegunya lokongamela yeLifa leMveli yeNtshona Koloni, ugunyaziwe wezibonelelo zelifa lephondo. UMphathiswa unoxanduva lokuqesha kwakhona iKomiti ukulungiselela isithuba sengqesho esilandelayo seofisi. Linikezela ngokunjalo ngobuchule nenye inkxaso kwiBhunga.
IMithetho yoLawulo lweZibonelelo zeLifa yeMveli yeNtshona Koloni, we-2003	PN 298 yama-29 kweyeThupha 2003	ISebe linegunya lokongamela yeLifa leMveli leNtshona Koloni, ugunyaziwe wezibonelelo zelifa lephondo. UMphathiswa unoxanduva lokuqesha kwakhona iKomiti ukulungiselela isithuba sengqesho esilandelayo seofisi. Linikezela ngokunjalo ngobuchule nenye inkxaso kwiBhunga.
UMthetho wooVimba bePhondo neNkonzo yeeRekhodi zeNtshona Koloni, 2005	UMthetho 3 wama-2005	ISebe linoxanduva lokumilisela izibonelelo zalo Mthetho.

IMidlalo

Ayikho

IMimiselo yePhondo: IMicimbi yeNkcubeko neeNkonzo zeLifa leMveli		
UMmiselo weeMyuziyam, 1975	UMmiselo 8 we-1975	ISebe linoxanduva lokumilisela nokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo.
UMmiseloweOude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (Tulbagh), we-1979	UMmiselo 11 we-1979	ISebe linoxanduva lokumilisela nokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo.
UMmiseloweNkonzo yeThala leeNcwadi wePhondo, we-1981	UMmiselo 16 we-1981	ISebe linoxanduva lokumilisela nokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo.

Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo

UMgaqo-nkqubo	Uxanduva olungundoqo olubekwe kwiSebe
IMigaqo-nkqubo yeSizwe	
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo loBugcisa, iNkcubeko neLifaleMveli(1996)	Iphepha lomgaqo-nkqubo linikezela ngesicwangciso-nkqubo sesizwe esilungiselelwe umgaqo-nkqubo ohlangeneyo wesizwe nawo onke asithoba amaphondo ukulungiselela ubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli nethala leencwadi neenkonzo zelifa lemveli emva kweenkqubo zothethwano olubanzi zoluntu.
IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo weeLwimi zeSizwe (2003)	UMgaqo-nkqubo unikezela ngesicwangciso-nkqubo sesizwe esilungiselelwe ukumilisela kwezibonelelo zoMgaqo-siseko nezigunyaziso zomthetho kuwo onke amasebe karhulumente, kubandakanywa iSebe. Uthi thaca ngokunjalo imithetho-siseko namaqhinga omiliselo ekufuneka elandelwe.
UMgaqo-nkqubo woLawulo lweRekhodi weSizwe (INcwadana yoMgaqo-nkqubo woLawulo lweRekhodi 2007)	UMgaqo-nkqubo ulawula imida ethe ngqo apho amaqurhu karhulumente kufuneka asebenze kuyo ngokubhekiselele kulawulo lweerekhodi zawo nendlela iSebe ekufuneka longamele ngayo ulawulo lweerekhodi zamaqumrhu karhulumente eNtshona Koloni.
ULawulo lweRekhodi ezikwiKhompuyutha kumaQumrhu kaRhulumente: UMgaqo-nkqubo, iMithetho-siseko neMfuno (2006)	UMgaqo-nkqubo ubonelela ngesikhokhelo kumaqumrhu karhulumente ukuwanceda ukuba ahambelane neemfuno ezisemthethweni ezibhekiselele kwiirekhodi ezikwikhompuyutha njengexalenye ebalulekileyo yolawulo lwezibonelelo lweerekhodi. ISebe kufuneka lihambelane nemigangatho emiselweyo yesizwe neyehlabathi, apho kufanelekileyo, yokugcinwa kwengcaciso esephepheni, kwiinkqubo zekhompuyutha nokugcinwa kwengcaciso epapashwayo ukulungiselela ulondolozo lwelifa.
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo wezeMidlalo	UMgaqo-nkqubo ubhekiselele "Masenze isizwe sidlale" ze uqaqambise oku kulandelayo: <ul style="list-style-type: none"> • Ukwandisa amanqanaba okuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo; • Ukuphakamisa imbonakalo yemidlalo kuthelekiswa nempixwano yemiba engundoqo ekujongenwe nayo; • Ukwandisa uthlekiso lwempumelelo kwimicimbi ebalulekileyo; kunye • Nokubeka imidlalo phambili kwiinzame zokulwa amanqanaba olwaphulo-mthetho. Uxanduva olupheleleyo olulungiselelwe ubonelelo lomgaqo-nkqubo nonikezelo lwemidlalo nolonwabo luzinze kwiSebe lesizwe lezemmiDlalo noLonwabo (iMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika).
UMgaqo-nkqubo weMidlalo yeZiko loweNtshona Koloni (2002)	ISebe kuya kufuneka lithabathe uxanduva olukhulu ukuqinisekisa ngokukhula nophuhliso lwemidlalo yezikolo.
IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo sokuBekwa kweliso noVavanyo sikaRhulumente ngokubanzi.	Injongo yeNkqubo yokuBekwa kweLiso noVavanyo kaRhulumente ngokubanzi kukunikela kuphuculo lolawulo nokwandisa ukusebenza kakuhle kwemibutho yecandelo likarhulumente namaziko. Olu xwebhu lubonelela ngesicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo esibanzi esilungiselelwe inkqubo yokubekwa kweliso novavanyo eMzantsi Afrika. Ivuselela ngokunjalo uphuhliso nenkqubo yokubekwa kweliso novavanyo nokukhuthaza ulawulo olusekwe kwiziphumo.
IPhepha loGayo-zimvo kuLawulo lweNdlela yokuSebenza kukuBekwa kweliso noVavanyo	Umba ongundoqo kwindlela kunika ingqwalasela kokuphambili urhulumente athe wenza isigqibo ngako kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga lesiThuba esiPhakathi. Oku kujolise ekuvuseleleni amagosa karhulumente kunye nogunyaziwe olawulayo ekubeni bajolise ekufezekiseni imiphumela nemiqathango yeziphumo ethiwe thaca ngurhulumente. Inkqubo ixhibe ukukhokhela indlela yokusebenza yesebe nomntu ngamnye kuwo onke amanqanaba.

UMgaqo-nkqubo	Uxanduva olungundoqo olubekwe kwiSebe
IziKhokhelo zamaSebe eSizwe nawePhondo esilungiselelwe uLungiselelo lwesiCwangciso-nkqubo seM&E	Izikhokhelo zibonelela ngophuhliso lwesicwangciso-nkqubo sokubekwa kweliso novavanyo kuwo onke amaziko karhulumente. Zimelwe ukuba zisebenzi njengesixhobo sokuvavanya inkqubela yamaziko ithlekiswe neenjongo zawo ezichaziweyo. Le nkqubo idinga amasebe ukuba abe nengqiqo ebanzi yazo zonke iinkqubo zenkcukacha zolawulo, iinkcukacha zolwazi zolawulo ezibekiweyo kunye nemigqaliselo yendlela yokusebenza. Imigqaliselo kufuneka inxulunyaniswe kwizigunyaziso ezithe ngqo zomgaqo-nkqubo nohlalelo loluhlu lwemigqaliselo kufuneka luqhutywe ukumisela ubudlelwane nesizathu nomphumela.
IsiBhengezo se-Indaba seMidlalo noLonwabo yeSizwe	Oku kudinga ulungelelwaniso lweenjongo ezingundoqo zeSebe kunye nekujoliswa kuko kweqhinga kwesibhengezo esithi thaca umbono wemidlalo nolonwabo olulungiselelwe iminyaka esibhozo elandelayo.
Imiqaqo-nkqubo yePhondo	
UMgaqo-nkqubo weNkonzo yeThala leeNcwadi wePhondo leNtshona Koloni	UMgaqo-nkqubo unikezela ngezikhokhelo ezilungiselelwe iinkqubo zeqhinga zocwangciso nemisebenzi eyahluliweyo eyenziwa kwiNkonzo yeThala leeNcwadi. Ubonelela ngokunjalo ngenkqubo yolawulo elungiselelwe icandelo.
UMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni (opapashwe kwiGazethi yePhondo njengePN 369/2001 yomhla wama-27 kweyeNkanga 2001)	ISebe, nawo onke amanye amasebe ephondo, linyanzelekile ukuba limisele izibonelelo zomgaqo-nkqubo. Ukwangezelela, iSebe linikwe umsebenzi wokunikezela ngeenkonzo zeelwimi kuRhulumente weNtshona Koloni ngeyunithi yeelwimi ekwindawo enye.
UMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali olungiselelwe uBugcisa neNkcubeko (2009)	UMgaqo-nkqubo wenkxaso-mali ukhokhela ulwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yenkcubeko.
INkqubo yeNkxaso-mali yeMidlalo neNkcubeko (2003)	UMgaqo-nkqubo wenkxaso-mali ukhokhela ulwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yemidlalo.
UMgaqo-nkqubo oYilwayo olungiselelwe ukuThiywa kwakhona kweMbonakalo yeNdawo (2007)	UMgaqo-nkqubo oYilwayo uthi thaca iinqobo ekufuneka ziqwalaselwe kunye neenkqubo emazilandelwe liSebe neKomiti yamaGama eeNdawo eNtshona Koloni (iqumrhu lengcebiso) xa liququzelelayo yaye lithethana nabachaphazelekayo noluntu ngokubekwa emgangathweni, ukuthiya ngokutsha, okanye ukutshintshelwa, kwamagama eendawo asele ekho. La maqumrhu angenza iingcebiso kwiBhunga lamaGama eeNdawo loMzantsi Afrika kunye noMphathiswa wesizwe wezoBugcisa neNkcubeko.
Iqhinga (eliyilwayo) leNkqubo yokuBekwa kweLiso noVavanyo wePhondo liphela	Olu xwebhu lusebenza njengependulo yephondo kwiNkqubo eBanzi yeM&E kaRhulumente. Ijolise ekuphuculeni ukunikezelwa kwengxelo yolawulo ze ngamathuba ngamathuba inikezele ngokwenziwa kwezigqibo okusekwe kubungqina ukulungiselela ukulungiswa kakuhle komgaqo-nkqubo nolwabiwo lwezibonelelo ukulungiselela ukuphucula ulawulo.
UMgaqo-nkqubo oYilwayo weNkcubeko weNtshona Koloni (2004)	UMgaqo-nkqubo oYilwayo waphicothwa kakuhle ngokusetyenziswa kweendibano zengxoxo zothethwano zengingqi njengesandulela kuvavanyo kwakhona lwesizwe lomgaqo-nkqubo wobugcisa, inkcubeko nelifa. Akukho namnye osele uqakunjelwe kumgaqo-nkqubo wovavanyo ngokutsha wesizwe noMgaqo-nkqubo oYilwayo weNkqubeko weNtshona Koloni.
UMgaqo-nkqubo oYilwayo weMyuziyam weNtshona (2012)	UMgaqo-nkqubo oYilwayo ubonelela ngesiseko esilungiselelwe umntu ngamnye noluntu ukusekwa nokugcinwa kweemyuziyam zeNtshona Koloni kwizibonelelo zoMgaqo-nkqubo. Ucebisa ngokunjalo ngesicwangciso-nkqubo esilungiselelwe umthetho omtsha wemyuziyam wephondo leNtshona Koloni oya kuthi ubekwe endaweni yoMmiselo weMyuziyam ophelilewe lixesha, we-1975 (ongunombolo 8 we-1975).

Amaqinga	Uxanduva olungundoqo olubekwe kwiSebe
Amaqinga esizwe	
IsiCwangciso-nkqubo esilungiselelwe uManyano kuLungiselelo, uLungelelwaniso noLawulo lweMidlalo yeZikolo eMzantsi Afrika (17 kweyoKindla 2004)	Ukunceda ngokuyilwa kobume obuvumayo obulungiselelwe imidlalo yezikolo.
UMnikelo woXhomekeko: INkqubo yokuHlaziya kwamaThala eeNcwadi ukulungiselela ukwandiswa kweenkonzo zethala leencwadi zoluntu.	ISebe linoxanduva lempumelelo yomiliselelo nolawulo lweprojekthi yomnikelo woxhomekeko kwiNtshona Koloni.

Amaqinga ePhondo	
IsiCwangciso-Qhinga loPhuhliso lweentlobo (2008)	Libonelela ngesicwangciso-nkqubo esilungiselelwe uphuhliso, ukukhuthazwa nokulondolozwa kweentlobo zobugcisa kwiphondo.
IsiCwangciso-Qhinga seForam yeNkcubeko	Ukwandisa intsebenziswano phakathi kweSebe noluntu ngokusekwa nokuthotyiswa kweeforam zenkcubeko.
IPhepha lesiVumelwano leMidlalo yeZikolo phakathi kweSebe leMicimbi yeNkcubeko yeMidlalo neSebe leMfundo leNtshona Koloni(kuCanzibe 2007)	Ukusebenza ngokuhlangana neWCED ukunceda ngonikezelo lwemidlalo yezikolo kwiNtshona Koloni.

1.4 Amaziko akhoyo aNika i ngxelo kuMphathiswa

La maziko alandelayo aphenhula kuMphathiswa wezemiCimbi yeNkcubeko, ezemiDlalo noLonwabo:

Igama leziko elikhoyo	UMthetho	Ubume beshishini
IKomishini yeNkcubeko yaseNtshona Koloni	UMthetho weKomishini yeNkcubeko noMthetho wamaBhunga eNkcubeko ka-1998 (uMmthetho 14 ka1998)	IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni inoxanduva ngokwasemthethweni lokubhalisa nokucima amabhunga enkcubeko. Ikwanikwe umsebenzi nguMphathiswa wePhondo ukongamela ulawulo lwamaziko athile enkcubeko anikwe wona nguMphathiswa wePhondo ukuba abe phantsi kolawulo lwayo.
IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni	UMthetho weLwimi zePhondo leNtshona Kolonika-1998 (UMthetho 13 ka-1988)	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni inoxanduva lokwenza imigaqo-nkqubo yolwimi yephondo, ukubeka iliso nokuvavanya ukuphuyezwa komgaqo-nkqubo wolwimi, nokunika ingxelo ngalo mba uMphathiswa. IKomiti ngokunjalo inoxanduva lokubonelela ngeengcebiso kwamanye amalungu eKhabhinethi yeNtshona Koloni nakumasebe namaziko ephondo ngalo mba.
ILifa leMveli eNtshona Koloni	UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli yeSizweka-1999 (UMthetho 25 ka 1999)	Ezamafa eNtshona Koloni zinikwe uxanduva oluthile lwezomthetho njengabanegunya kwizibonelelo zezamafa kwiphondo laseNtshona Koloni.

1.5 INgxelo yoMphathiswa

URhulumente weNtshona Koloni uzibophelele kuyilo kuluntu olunamathuba avulelekileyo. Umsebenzi weSebe kwisithuba esiphantsi kovavanyo wajoliswa ekubeni unike amandla kule mbophelelo nomphumela kumbono weSebe "wokuyila iNtshona Koloni esebenzayo nemanyeneyo". INgxelo ngoko ibonakalisa ingqiqo yobungakanani elithe iSebe laphumelela ngabo ekwandiseni ukuthatyathwa kwinxaxheba kwimidlalo, ulonwabo nobugcisa nenkcubeko nokubonelela ngelungelo lokufumana amathala eencwadi, oovimba, iimyuziyam, kunye neenkonzo zolwimi nezelifa lemveli.

INgxelo yonyaka ngokunjalo ibonisa ubungakanani ezithe iinkqubo zethu zaphuhlisa amakhono ingengawo kuphela awabo abathabatha inxaxheba kwimicimbi yemidlalo nenkcubeko, kodwa ngokunjalo abo babandakanyekayo kulawulo, ubunkokheli nolawulo lwamaziko ethu nemibutho yemidlalo neyencubeko.

Okuphambili okubalulekileyo kwesi sithuba sonyaka siphantsi kovavanyo yokukumilisela kweqhinga lethu lemidlalo yezikolo. ISebe ngoko libonelela ngengqiqo kumilisele lwamacandelo afana neMOD (ukuThatyathwa nguWonke-wonke; Ithuba nelungelo lokufumana; uPhuhliso nokukhula) amaZiko emidlalo, namaZiko eSHARP (Imidlalo yezikolo; ukukhuthazwa kwempilo, ukuQhubela phambili ngokusetyenziswa kweNkqubo zoLonwabo, angathi nje kuphela abeke isikolo kumbindi wemidlalo yezikolo, kodwa ngokunjalo abonise ukuqaliswa kozinzo olukhulu olulungiselelwe imidlalo yesikolo.

ISebe liyinika ingqwalasela imfezeko ze likhuthaze ubandakanyo lwentlalo ngokusingatha amaBhaso onyaka ezemiDlalo yeNtshona Koloni, amabhaso oBugcisa, eNkcubeko, eMyuziyam, aweLifa leMveli, awolwimi neenkonzo zoVimba, namaBhaso eLivo

Le Ngxelo yoNyaka ngokunjalo ibonelela ngengqiqo kubungakanani elithe iSebe laba nakho ukuqinisekisa ngento yokuba imimandla yasemaphandleni yeNtshona Koloni ifumana isabelo sayo esifanelekileyo samathuba athi anikezelwe ngamacandelo emidlalo nenkcubeko.

Ndibulela nakwiNkulumbuso nakoogxa bam abakwiKhabhinethi ngenkokelo nenkxaso yabo, iKomiti ejongene nemiba yoKhuseleko loLuntu, imiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo, abo isebe lisebenzisana nabo bachaphazelekayo, kunye nabo kusetyenziswana nabo ekuhlaleni, kurhulumente neenkokeli zasekuhlaleni abasenze sanempumelelo. Ndifuna nokubulela abalawuli abaphezulu namagosa eli Sebe ngenkxaso yabo engapheliyo nokuzinikezela kwabo ekunikezeleni ngeenkonzo kubantu baseNtshona Koloni.



GQR I H MEYER

UMPHATHISWA WEPHONDO: KWIMICIMBI YENKCUBEKO, NEZEMIDLALO

1.6 Isishwankathelo esenziwa liGosa eliNika i ngxelo

1. Kulilungelo lam ukungenisa le ngxelo yoNyaka yeSebe lemiCimbi yeNkcubeko nemiDlalo kulo nyaka kwenziwe ngawo olu hlolo.
2. Iinjongo ezicwangcisiweyo zilinike iSebe amandla okuqhubela phambili umsebenzi walo kunyaka ka-2011/12 ngale ndlela ilandelayo:
 - Ukunikezela ngeenkonzolawulo ezisebenzayo, ezifanelekileyo nezinoqoqosho.
 - Ukukhuthaza, ukuphucula nokutshintsha yonke imisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni ukuze kubekho igalelo ekwakheni isizwe, kulawulo olululo, ekuphuhliseni ubudlelane bomntu noboluntu nokudala amathuba okukhula kuqoqosho oluzinzileyo.
 - Ukuphuhlisa, ukutshintsha nokukhuthaza ukuba kubekho iinkonzozizinzileyo zamathala eencwadi, zeenkukacha noovimba abagcina amaphepha neenkukacha.
 - Ukuqalisa nokunika inkxaso kwimisebenzi nakwimibutho yezemidlalo neyezolonwabo enika ubunye ekuhlaleni.
3. Isithuba esiphantsi kovavanyo ngokubanzi sibe nenguqu kugxininiso lweKhabhinethi yoRhulumente weNtshona Koloni yokusuka kulungelelwaniso lwentlalo ukuya kubandakanyo lwentlalo. Ngokuhambelana nale nguqu, iSebe lilungelelanise ngokutsha umbono walo waya "kubandakanyo ngokwentlalo, ngokusebenza nokuyila iNtshona Koloni", ukulungiselela ukuba uqalise ukusuka umhla woku-1 kuTshazimpuziKuTshazimpuzi 2012.
4. Unyaka-mali wama-2011/12 ubonise ukwanda okubonakalayo kuhlahlo lwabiwo-mali olulungiselelwe iSebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo (DCAS), ikakhulu ukwenza sibe nakho isibonelelo seenkonzo zethala leencwadi koomasipala abakwiCandelo B3. Isibonelelo sale nkxaso-mali ingenisiweyo sithe saxhasa inkcitho yethala leencwadi yaba masipala ukuya kutsho kuma-95%. Ezi nzame zibe nomphumela kwisombululo esingaphelelang engaxhaswa ngamali ngokubhekiselele kwiinkonzozikamasipala zethala leencwadi.
5. Kwisithuba esiphantsi kovavanyo ngokunjalo kubekho ukuqokunjelwa komgaqo-nkqubo oYilwayo wemyuziyam wephondo. Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesicwangciso-nkqubo esibanzi ngolwakhiwo nobume beemyuziyam. Yinjongo yeSebe ukuthi thaca umthetho ngalo mba phambi kokuphela konyaka-mali wama-2013/14.
6. I ngxelo yoNyaka kulo nyaka iqulathe iinkukacha ezicacileyo kwimpumelelo nemisebenzi yeSebe, kodwa ndingathanda nje ukuqaqambisa ezi zilandelayo:
 - Ukuqaliswa kweNkqubo yeMOD [ukuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi; iThuba nelungelo, noPhuhliso nokukhula] enceda ulutha ukuba luthabathe inxaxheba kwimidlalo nemicimbi yenkcubeko emva kweyure zokuba sesikolweni. Isambuku esipheleleyo esamaZiko eMOD ali-176 ebesebenza kulo nyaka uphantsi kovavanyo;
 - Ukwandiswa ngaphezulu kweprojekthi zonxibelelwano kumathala eencwadi asemaphandleni ukuya kwiingingqi zoluntu zeNtshona Koloni;
 - Inkxaso kwiimanyano zemidlalo ezili-111 nakwiimanyano zobugcisa nenkcubeko ezingama-65; kunye
 - Nokundululwa kwemiboniso emithathu emitsha yemyuziyam.

7. I DCAS inobunzulu yaye ifikelela kulo lonke iphondo leNtshona Koloni. Abasebenzi beSebe benza umsebenzi wabo kumaziko angama-50 nakwizikolo ezili-176 ukuqinisekisa ngento yokuba siyadondela ngokwenene kuluntu olubandakanyayo ngokwentlalo.

Enkosi



MNU BRENT WALTERS

**INTLOKO YESEBE
ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEZEMIDLALO**

ICANDELO 2: IINGCACISO NGEENJONGO EZIQINISEKISIWEYO

2.1 Umsebenzi uwonke

2.1.1 Iimali eziVotelweyo

R'000			
Oloni Lwabiwo-mali	ULwabiwo-mali olulungelelwanisiweyo	Eyona mali ichithiweyo	Inkcitho engaphaya/enganeno
313 158	352 480	351 888	592
UMphathiswa wePhondo onoxanduva	UMphathiswa wePhondo kwimiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo		
Isebe elilawulayo	ISebe lemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo		
IGosa eliNika iNgxelo	INtloko yeSebe lemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo		

2.1.2 INjongo yeVoti

Sikhuthaza imfezeko nokubandakanywa kwimidlalo nenkcubeko ngokusetyenziswa ngokufezekileyo, ngokufanelekileyo nangokuzinzileyo kokusetyenziswa kwezibonelelo zethu, nangothelwano oluyiliweyo kunye nabanye. Ukuya kwimfezeko, siya kuyila imiqathango yelungelo lokufumana nokuthatyathwa kwenxaxheba yobuninzi, ukuchongwa kwetalente kunye nophuhliso lwamakhono.

2.1.3 Iinjongo zesicwangciso qhinga ezijoliswe kumphumela

Iinjongo zesicwangciso qhinga zeSebe zezi:

- Inkonzo yolawulo esebenzayo, efanelekileyo enoqoqosho;
- Ukukhuthazwa, ukuphuhlisa nokuguqulwa kwayo yonke imisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni ukulungiselela ukunikela kokubhekiselele kulwaziwo;
- Ukukhuthazwa, ukuphuhlisa; nokuguqulwa kwethala leencwadi elizinzileyo, ingcaciso neenkono zelifa lemveli; kunye
- Nokuqaliswa nokuxhaswa ngokwentlalo kolungelelwaniso lwamacandelo kunye/okanye imisebenzi yemidlalo neyentlalo.

2.1.4 Uvavanyo ngokubanzi kobume bokunikezelwa kwenkonzo olulungiselelwe 2011/12

INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

Kwisithuba sonyaka-mali wama-2011/12 iSebe limisele iiprojekthi phantsi kwebhanile yeNkqubo

Eyandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP). Linikezele ngamathuba alungiselelwe indlela entsha yokucinga nokumiliselwa kweprojekthi kuye wonke uMasipala weKapa kunye noomasipala bezithili

zeNtshona Koloni nokuyila amathuba omsebenzi alungiselelwe ulutsha kubugcisa, inkcubeko, ilifa lemveli, imyuziyam, oovimba kunye nemiba yolwimi.

Ngokuhambelana nombono wesizwe wesiCwangciso-qhinga woQoqosho loMzantsi, iSebe ibubona ubugcisa nenkcubeko njengomsebenzi ongaphezulu kolonwabo. Ubugcisa, inkcubeko nelifa yemveli zibonelela ngamathuba okufumana izakhono zokuthi abe nakho ukukungenisela imisebenzi yoqoqosho. Le misebenzi ithe ngokunjalo yanikela kubandakanyo lwentlalo ze yanceda ukhlanganisa iyantlukwano kumaphandle nedolophu.

ISebe liququzelele iindibano zengxoxo zoqoqosho kumanqanaba awahlukeneyo nakwimiba emininzi eyahlukeneyo yobugcisa, likhuthaza ukwandiswa kothungelwano nokuchonga italente enakho ukuba ikhuliswe ze iphuhlise. Ezinye iziphumo eziqaphelekayo apha enyakeni yaba ngumboniso wethiyetha wasemaphandleni kumaqonga abantu abanobuchule aseKapa naseOudtshoorn, ngokunjalo namathuba alungiselelwe abadlali abatsha ukuba babonakaliswe kwimiboniso yokubukelwa. ISebe libe nempumelelo ekunxibelelaniseni icandelo lobugcisa labanobuchule kunye namalinge oluntu lwase-maphandleni nokuyila amathuba ukulungiselela abasebenzi abaphuma kuzo zonke indawo ukuze banxibelelane bafunde omnye komnye.

IiNkonzo zeeLwimi zibe nakho ukunceda amasebe ephondo ngohlelo, uguqulelo neenkonzo zokutolika kwiilwimi ezisesikweni ezintathu zeNtshona Koloni ze zamilisela iiprojekthi ezininzi ukuqhubela phambili umiliselelo loMgaqo-nkqubo weelwimi weNtshona Koloni.

INkqubo yesi-3: IThala leeNcwadi neeNkonzo zooVimba

Impumelelo enkulu yenziwa ngokubhekiselele kwinkxaso-mali yeenkonzo zethala leencwadi xa iSebe lifumana izigidi ezingama-R31 770 000 apho ezingama-R31 268 000 zithe zakhutshelwa koomasipala abasesichengeni (abakwiCandelo B3) abali-15 kwiNtshona Koloni. Le nkxaso-mali yolungiselelo lukamasipala ibandakanya iindleko zabasebenzi bethala leencwadi abangama-201 kwaba masipala. Injongo yale ngxowa-mali kukubonelela ngenkxaso-mali yolungiselelo koomasipala; ngokwenza njalo, ukuqalisa ukuqwalasela umthwalo wesigunyaziso sethala leencwadi engaxhaswa ngemali, nokwandisa ukulunga kweenkonzo zethala leencwadi likarhulumente kwiNtshona Koloni.

Kwakhutshwa imiyalelo ovele kuNondyebo weSizwe woku iincwadi zethala leencwadi kufuneka zihlelwe kwakhona kusukwa kuluhlu lweencwadi ukuya kwimpahla. Umphumela waba ngowokuba iNkonzo yeThala leeNcwadi yanikwa umsebenzi liCandelo loLawulo-mali lePhondo wokubala zonke iincwadi zethala leencwadi. Le nkqubo iqalise ngeyeThupha 2011 yaye ukufota iincwadi ezimalunga nezigidi ezi-6.3kwiindawo ezingama-358 yagqitywa ekupheleni kweyoMdumba wama-2012.

INkqubo 4: EzemiDlalo noLonwabo

Unyaka ophantsi kovavanyo ungenise ukuveliswa kweCandelo eliPhezulu. IMidlalo noLonwabo kunye namaCandelo alo amabini, angala, uPhuhliso lweMidlalo nokuKhuthazwa kweMidlalo. Iingxoxo malunga nezicwangciso ezitsha zesizwe ezilungiselelwe imidlalo nolonwabo zibe ngunozala zibe ngunozala we-Indaba yeMidlalo noLonwabo ngeyeNkangawama-2011.

Inani elikhulu labantu abazange bachanatywe kwimicimbi yolonwabo elungileyo yaye oku kubenza babe sesichengeni ekubeni baqhagamshelane nemicimbi enxamnye noluntu kulwaphulo-mthetho, iziyobisi namaqela emigulukudu. Inkqubo eyaziwa njengeSiyadlala Community Map Participation Programme incedisa uLonwabo ukuba lunike ingqwalasela kule ngxaki ngokunikezela inkxaso-mali efunyenwe kwiDORA yesizwe [iSahlulo soMthetho weNgeniso] kuMnikelo woXhomekelo olungiselelwe ezemiDlalo noLonwabo.

Abantwana abaninzi abakwixabiso lokuba sesikolweni abaphili impilo elungileyo yaye bathanda ukungazithembi kakhulu yaye babe nempilo engekho emgangathweni. Ilungelo lokufumana iinkqubo zokuphuhlisa kwamakhono ngokusetyenziswa kwezemiDlalo ezikolweni kubonelela abantwana abasekwixabiso lokuba sesikolweni ngamathuba okuthabatha inxaxheba kwimidlalo ze indlela abaqhuba ngayo kwimidlalo ibase kwelinye inqanaba. Abona bathembisayo kwaba bantwana banakho, ngenkxaso efanelekileyo, ukwakha ikhono kwimidlalo, ngoko befezekisa ikhono labo kwimidlalo. Inkqubo yokuThatyathwa kwenxaxheba sisiNinzi kwiMidlalo yeZikolo inceda inkqutyana yeMidlalo yeZikolo ukuba ibonelele ngamathuba emidlalo ukulungiselela abantwana besikolo,

ngokunjalo ngokusetyenziswa kwenkxaso-mali efunyenwe kuMnikelo woXhomekeko wesizwe weDORA olungiselelwe ezeMidlalo.

Ukuphuculwa kwelungelo lokufumana amathuba ezemidlalo kudingeka kakhulu. Ngokubanzi, iimanyano nemibutho idinga uncedo kuyilo lwelungelo lokufumana amathuba alungiselelwe abadlali bayo. EzeMidlalo noLonwabo inikezele ngenkxaso kwiimanyano zemidlalo nemibutho ngenkxaso-mali nangeNkquboyoPhuhliso lweMibutho. Inkxaso-mali yeNkqubo yoPhuhliso lweMibutho ifunyanwa kuMnikelo woXhomekeko wesizwe weDORA olungisele iMidlalo noLonwabo.

2.1.5 Uvavanyo ngokubanzi yobume bombutho 2011/12

INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

UBugcisa neNkcubeko

Ubume bombutho becandelo bufudukile ekubeni busebenze ngendlela yokusebenza bodwa nobulungiselelwe indlela ethile baya kwindlela ikakhulu yeqhinga. Inkqubo zisekwe kwiziphumo kunye nezifizekiso yaye zijolise ekuziseikhoo loqoqosho lobugcisa ngaphambili. Abasebenzi abangenayo kwicandelo banamakhono obuchule nemfundo awahlukeneyo athe asetyenziswa ngokufanelekileyo ekuveliseni indlela yokucinga enika umdla nokuphucula ingqiqo yenkqubo.

Kukho isidingo sophando olungaphezulu nokurekhodwa kweendlela zokusebenza ezilungileyo ezinokuthi zandise uyilo lokusebenza olusetyenziswayo ngokwakaloku nje: Ulwamkelo lobume babasebenzi luya kuba negalelo elibonakalayo ekufezekiseni le njongo.

INkonzo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli

ISebe lisingethe intlanganiso yokulungelelanisa nokubeka emgangathweni iinkcazelo zomsebenzi ukulungiselela amagosa elifa kuwo osithoba amaphondo ngeyoMdumba 2012. Intlanganiso yayichotshelwe liSebe leNkonzo zaBasebenzi noLawulo (DPSA) yaye intlanganiso elandelayo ibekelwe apha ekupheleni kowama-2012.

liNkonzo zeLwimi

liNkonzo zoLwimi zivelelwe linani elikhulu lamagcisa olwimi anobuchule kubuguquleli kukuhlela, ukutolisa nokulungisa iziphene kumaxwebhu. Nangona kukho elinani, icandelo libe nakho ukuyisombulula le meko ngokuqesha abasebenzi bethutyana ze laqesha iinkonzo zabanikezi benkonzo abazimeleyo.

INkqubo 3: liNkonzo zeThala leencwadi noVimba

Ukuncipha kwamakhono koononcwadi, nabagcini booVimba nabalawuli beerekhodi namanqanaba emivuzo engancumisiyo abe negalelo elibi ekufunyanweni kwabagqatswa abanezakhono ezifanelekileyo ukulungiselela ezinye izithuba ezibalulekileyo kwiCandelo.

Uphando lobume bombutho nezithuba kwiCandelo lwaqunjelwa ngowama-2011/12. Inguqu enkulu kubume yasekwa kwiyunithi yolawulo lweNgxowa-mali yokuTshintsha kuMasipala. Imimandla yolawulo yoMbuthe weSithili iya kwanda ukusuka kwisithathu ukuya kwisihlanu yaye icandelo elitsha elibizwa ngokuba yiNkxaso yoLawulo lweThala leeNcwadi liya kusekwa kuMbuthe oseMbindini. Ubume obutsha ngokunjalo benza isibonelelo sokokuba iinkonzo zooVimba neeRekhodi zibe licandelo.

INkqubo 4: EzemiDlalo noLonwabo

Ubudlelane obusondeleyo baqulunqwa kunye nabachaphazelekayo kwisizwe, kwiphondo nakumacandelo engigqi. Uthethwano olusondeleyo nabantu kunye nemibutho yemidlalo yezikolo kwaqhubeka ngalo lonke ixesha.

Kulandela emva kwesivumelwano sentsebenziswano sesizwe phakathi kweSebe leMfundo yeSiseko nelemiDlalo noLonwabo loMzantsi Afrika, ulawulo lolwazelelo olutsha ukulungiselela yezikolo lwaqaliswa.

Kwisithuba sowama-2011, isiCwangciso seSizwe semiDlalo noLonwabo NSRP esilungiselelwe iminyaka elandelayo esibhozo sayilwa ze samkelwa ngabo bonke abachaphazelekayo bemidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika. I NSRP ilawule imidlalo nolonwabo kwizithuba ezibini zeOlimpiki nezithathu zeMTREF [IsiCwangciso-nkqubo seNgeniso neNkcitho yesiThuba esiPhakathi].I NSRP ichonge imimandla engundoqo eli-12 ukulungiselela unyaka waa-2012 ze wabhengeza unyaka wama-2012 njengoNyaka wemiDlalo yeZikolo.Isambuku sezindululo ezingama-76 ezineenkukacha zemiqondiso sayilwa.

ICandelo loPhuhliso lwemmiDlalo elitsha liqhube inkqubo yolungelelwaniso ngokutsha ngeli thuba liseka amacandelwana alo amabini kunye neyunithi yenkxaso yokusebenza.ICandelo lisebenza ngaphandle kooSekela-Mlawuli balo ababini.

IsiCwangciso seSizwe semiDlalo noLonwabo simisela into yokokuba iimanyano ezifanelekileyo ngabagcini beekhowudi nganye yemidlalo, ngeli thuba amabhunga emidlalo aziarhente zokubekwa kweliso novavanyo.Oku kuyile inguqu kokujoliswe kuko ukulungiselela inkqutyana yeMidlalo yeZikolo.

2.1.6 Uphuhliso lomgaqo-nkqubo olungundoqo neenguqu zomthetho

INKqubo 1: ULawulo

UMgaqo-nkqubo woLawulo lweMpahla olujongene neMathiriyeli yeThala leeNcwadi waphuhliswa ukulungiselela ukulawulwa ukufunyanwa, ukunikezelwa nokusetyenziswa kwemathiriyeli yethala leencwadi kwiindawo ezininzi zethala leencwadi.Isibonelelo sobugcwabalalana bokusebenza sasekwa yaye umgaqo-nkqubo waphuhliswa waze wamkelwa ukulungiselela ukulawula ezi mfuno kwiSebe.IQhinga loLawulo lweBango laphuhliswa ukulungiselela umiliseko kunyaka-mali olandelayo.

UMgaqo-nkqubo woLawulo lweRekhodi waphuhliswa waze wamkelwa ukulungiselela ukulawulwa nokugcinwa kweRekhodi zeSebe.ISebe liwuvavanye ngokutsha uMgaqo-nkqubo woThungelwano ngocingo lweselula ukulungelelanisa kunye nomgaqo-nkqubo wephondo ukulungiselela ulawulo lweeselula, imfono-mfono kunye namakhadi oqhagamshelwano kwikhompyutha ukulungiselela iinjongo ezisesikweni.

INKqubo 2: ImiCimbi yeNkcubeko

UMgaqo-nkqubo oYilwayo omtsha weMyuziyam

UGq.Ivan Meyer, uMphathiswa weNtshona Koloni onoxanduva lweMicimbi yeNkcubeko nezemiDlalo, waqalisa ngoMgaqo-nkqubo oYilwayo woMyuziyam weNtshona Koloni kwisithuba seNtlanganiso eyodwa yeeNtloko yeeMyuziyam ezizibandakanyileyo ngomhla we-15 kweyoMdumbawama-2012.UMgaqo-nkqubo oYilwayo ujolise ekuboneleleni ngesicwangciso-nkqubo apho umntu ngamnye noluntu lunakho ukuseka nokugcina iimyuziyam eNtshona Koloni.Uluntu lwalumenyiwe ukuba lwenze amagqabantshintshi kumgaqo-nkqubo oYilwayo yaye ungeniso oluli-15 lwamkelwa ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2012.Uthethwano olumalunga nomgaqo-nkqubo lwenzeka kunye nabameli beemyuziyam ababandakanyekayo kwisithuba sentlanganiso kweyeMdumbai wama-2012.Wakube uqkunjelwe, uMgaqo-nkqubo weMyuziyam uya kunikezela ngesicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo olungiselelwe uMthetho oYilwayo weMyuziyam wePhondo leNtshona Koloni.Olu luvavanyo ngokutsha lokuqala olungundoqo lomgaqo-nkqubo olulungiselelwe iimyuziyam kwiphondo ukususela kuphuhliso loMmiselo weMyuziyam weKapa ngowe-1975.

UMthetho oYilwayo weLwimi zoMzantsi Afrika

UMthetho oYilwayo weLwimi zoMzantsi Afrika, wama-2011,uzama ukukhuthaza ukusetyenziswa ngobulungisa kweelwimi ezisesikweni zoMzantsi Afrika, kuthatyathwa ingqalelo icandelo 6(2) loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, we-1996, elithi linike ingqwalasela kwimbali yokutshintsha kokusetyenziswa kweelwimi zemveli. UMthetho oYilwayo uzama ukulangabezana nezidingo zoluntu:ngokuthabatha imiqathango esebenzayo nefanelekileyo ukulungiselela ukulawula nokubeka iliso kukusetyenziswa kweelwimi ezisesikweni, ukukhuthaza ukulingana kwempatho yeelwimi ezisesikweni; ukuququzelela ilungelo elilinganayo kwiinkonzo nakwingcaciso; nokukhuthaza ulawulo olulungileyo lolwimi ngamasebe esizwe, namaandelo karhulumente esizwe kunye nekarhulumente wesizwe

ukulungiselela ukuhlangabezana neemfuno zoluntu. UMthetho oYilwayo ngokunjalo uzama ukunikezela ngolwamkelo lwemigaqo-nkqubo yolwimi nokuxhobisa uMphathiswa woBugcisa neNkcubeko ukukhulula naliphi na isebe lesizwe, iziko likarhulumente okanye ishishini likarhulumente ekusetyenzisweni koMthetho oYilwayo. ISebe lenze ungeniso olubhaliweyo kwiKomiti yeMicimbi yeSebe lesizwe lezoBugcisa neNkcubeko ngokuqulathwe kuMthetho oYilwayo weLwimi, liqalise iiprojekthi ezininzi ukuqhubela phambili umiliselelo loMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni, ze lathabatha inxaxheba kumaphulo okuphulaphula kuMthetho oYilwayo wesizwe athe aqhutywa kwisithuba seenyanga ezintathu zokuqala zowama-2012.

Isicwangciso-Qhinga seNkcubeko yeSizwe noKhenketho lweLifa leMveli

Isicwangciso-Qhinga seNkcubeko yeSizwe noKhenketho lweLifa laqaliswa ngeyoKwindla wama-2012. Isebenza njengesikhokhelo yaye inikezela iqhinga lomkhombandlela kuphuhliso nokukhuthazwa kwelifa nokhenketho lwenkcubeko eMzantsi Afrika; nokuqinisekisa ngolungelelwaniso nomanyaniso lwelifa nenkcubeko kubume bezokhenketho. Iimiyuziyam ezibandakanyekayo kunye nenani elikhulu leendawo zelifa eNtshona Koloni zizibonelelo eziyimfuneko ezilungiselelwe umiliselelo lweqhinga kuba zibonelela ngemixholo emininzi eyahlukeneyo apho zingathi iimveliso zokhenketho ezintsha zibe nakhoukuphuhlisa kwimimandla yasemaphandleni nasedolophini kwiNtshona Koloni.

UVavanyo kwakhona lwesiCwangciso-Qhinga loPhuhliso lweeNtlobo

IsiCwangciso-Qhinga soPhuhliso lweeNtlobo elathi lamiliselwa ngowama-2008 libonelele ngobume nesicwangciso-nkqubo ukulungiselela iqhinga nokuqaliswa kokusetyenziswa kokukhuthazwa, kophuhliso nokugcinwa kweentlobo zobugcisa ezininzi. Ukulungiselela ukwanda ngaphezulu nobunzulu bokusetyenziswa nokuvavanya ifuthe leenkqubo eziqhutyiweyo ukuza kuthi ga ngoku, iSebe liqalise ngenkqubo yokuvavanya ngokutsha iQhinga. Ubungakanani benkqubo bubangele into yokokuba uvavanyo ngokutsha liqhubeke ukuza kuthi ga kunyaka-mali omtsha. Lixhibe ukuba lisetyenziswe njengesixhobo sokuxhobisa iSebe kunye nabalawuli bobugcisa ukuba benze umsebenzi olungileyo. Okufunyenweyo neengcebiso ziya kubhalwa njengenxalenye yoyilo lokusebenza olunokuthi iSebe lube nakho ukulusebenzisa njengesikhokhelo ukulungiselela ukuphuhlisa imimandla emitsha ekujoliswe kuyo okanye ukulungiswa ngononophelo iindlela zokusebenza esele zikho kwisithuba seminyaka emi-3 ukuya kwemi-5 elandelayo.

INkqubo 3: INkonzo zeThala leencwadi nooVimba

UMthetho oYilwayo weThala leeNcwadi loLuntu nezeNgcaciso woMzantsi Afrika ube uphantsi kwengxoxo kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Umgaqo-nkqubo oYilwayo ongolawulo nokufunyanwa kweerekhodi ezingezizo ezikarhulumente wagqitywa. Ukuqulunqwa komgaqo-nkqubo oYilwayo wokufakwa kweerekhodi kwikhompyutha usaqhutywa.

INkqubo 4: EzemiDlalo AoLonwabo

Emva kwenkqubo ebanzi yothethwano, isiCwangciso seSizwe seMidlalo samkelwe ukulungiselela iminyaka esibhozo elandelayo. Isicwangciso siqulunqwe phantsi kwale mixholo ilandelayo: i) Inguqu; ii) IMidlalo yeZikolo; iii) Iindlela zeziko; iv) Uvuselelo lwesininzi; v) ULonwabo nengxowa-mali; kunye vi) neNgxoxo noMasipala.

2.1.7 INgeniso yeSebe

R '000						
	2008/09 Eyiyoyi	2009/10 Eyiyoyi	2010/11 Eyiyoyi	2011/12 Ekujoliswe kuko	2011/12 Eyiyoyi	% Yokuxhaxha kokujoliswe kuko
Intengiso yempahla neenkonzo	230	212	226	187	264	41.2

R '000						
	2008/09 Eyiyo	2009/10 Eyiyo	2010/11 Eyiyo	2011/12 Ekujoliswe kuko	2011/12 Eyiyo	% Yokuxhaxha kokujoliswe kuko
ngaphandle kwezakhiwo						
Ezikhutshelweyo ezamkelweyo			3 000	4 250	4 250	-
Izohlwayo	1 358	779	1 032	528	1 461	176.7
Inzala, izahlulo nerhente yomhlaba			1		4	-
Intengiselwano yemali kwezamkelweyo namatyala	170	52	137		107	-
Isambuku sezamkelweyo zesebe	1 758	1 043	4 396	4 965	6 086	22.6

2.1.8 Inkcitho yeSebe

R'000						
IiNkqubo	Evotelweyo 2011/12	Ezikhutshelweyo nezilungelelanisiweyo	Ukusetyenziselwa enye into	Ulwabiwo lokugqibela	Inkcitho eyiyo	Iyantlukwano
ULawulo	39 566	-111	-2 866	36 589	36 241	348
IiCimbi yeNkcubeko	70 869	4 027	-36	74 860	74 826	34
INkonzo zeThala leencwadi nooVimba	122 945	34 185	540	157 670	157 663	7
EzemiDlalo	79 778	1 221	2 362	83 361	83 158	203
IYonke	313 158	39 322	-	352 480	351 888	592

2.1.9 IiNtlawulo ezikhutshelweyo

ISebe likhuphe iifomu zokwakhela umkhanyo namaphepha-mibuzo kwiqela ngalinye elifumene ukudluliselwa kwezimali. Abo bazuzileyo bazigcwalisile baza bazibuyisa ezi fomu. Kwikota yesine ozinzileyo ngamnye kufuneka athi thaca ingxelo malunga noncedo ngezimali alufumeneyo.

INkqubo 2: ImiCimbi yeNkcubeko

Ubugcisa nenkcubeko

Kulo nyaka uphononongwayo, ukukhutshelwa kweentlawulo kwenziwa kwi-Artscape kusenzelwa umsebenzi wokulungisa izinto zemihla ngemihla kwesi sakhiwo umnini waso iliphondo. Ukwandiswa kwemali yezibonelelo ejongene nobugcisa nenkcubeko – nto leyo eyabonelela ngoncedo olukhulu noluyimfuneko kuphuhliso. Ukuthazo nolondolozo lwezobugcisa. Izibonelelo zoncedo zenziwa kwimibutho engeyiyo karhulumente (iiNGO) eyenza izicelo zobonelelo ngezimali, kwimibutho eququzelela iminyhadala yezenkubeko kwakunye neqela leebhodi ezizibandakanya neKaapse Klopse Karnaval. Ngokuhambelana nenkqubo yobonelelo ngezimali yeSebe, izibonelelo zoncedo zenziwa

ngenjongo yokuphuhlisa umsebenzi omtsha weqela yokuphuhlisa umsebenzi omtsha weqela iDance for All entitled Woelag.

INkonzo yeMyuziyam

Kunye nokudluliselwa kwentlawulo ngonyaka kwezibonelelo kunye nezibonelelo zoncendo kwiimyuziyam ezibandakanyekayo, ukukhutshelwa kweentlawulo kwenziwa kwiimyuziyam ezilithoba ezibandakanyekayo nezizi-arhente zokumilisela kusenzelwa ukunatyiswa kwenkqubo yokulilifa kwezotyalelo kwiNkqubo yeSebe ye-EPWP.

Inkqutya	Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
Ulawulo	Utyelelo lwezeNkcubeko	
	I Die Burger Suidoosterfees	100 000
	I Cape Town Festival	70 000
	I Absa Klein Karoo Nasionale Kunstfees	100 000
	I Cape Town Carnival	70 000
	INkqubo yemiSebenzi yoLuntu eYandisiweyo	
	I Robertson Museum	21 200
	I Fransie Pienaar Museum	133 502
	I Togyers Museum	70 741
	I Hout Bay Museum	317 424
	I Jan Dankaert Museum	21 200
	I Great Brak River Museum	71 161
	I Wellington Museum	70 511
	I Simon's Town Museum	70 000
	I Beaufort West Museum	89 856
	I Lwandle Migrant Labour Museum	48 678
	I Stellenbosch Museum	88 456
	I Oude Kerk Volksmuseum	89 056
	I Old Harbour Museum	48 928
	I Paarl Museum	48 678
	I Shipwreck Museum	48 928
	I Wheat Industry Museum	89 056
	I SA Sendinggestig Museum	70 486
	I SA Fisheries Museum	48 928
	IYONKE	1 786 789
UbuGcisa neNkcubeko	I Western Cape Cultural Commission	150 000
	I Artscape	142 000
	Uhlobo: Amashishini emisebenzi yobugcisa/ Yokusebenzisa iziphiwo	
	I Edu Compass Community Development	30 000
	I Nande Beading Painting & Refreshment project	40 000
	I Libere Foundation	50 000
	I Genadendal, Greyton Disability	40 000

Inkqutyana	Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
	Uhlobo: UMdaniso	
	I Cape Town City Ballet	1 500 000
	I iKapa Dance Theatre	60 000
	I Jazzart Dance Theatre	1 000 000
	I Dance Crew	50 000
	I La Rosa Spanish Dance Theatre	50 000
	I Jikeleza Dance Project	60 000
	I Stellenbosch Ballet Association	30 000
	I Zama Dance	40 000
	I Athlone Dance Studio	20 000
	I Wilvan School of Ballet	60 000
	I Dance for All	1 000 000
	I Embo Nangoku Arts Festival	30 000
	I Yad B Yad Trust	40 000
	I Phath' Izwelethu	40 000
	I SA Circle of Dance Academy	60 000
	Uhlobo: Umdlalo weqonga Drama	
	I Baxter Theatre	1 000 000
	I UNIMA – SA (Western Cape)	80 000
	I From the Hip: Khulumakahle	70 000
	I George Society of Arts	40 000
	I Cederbergfees Artikel 21 Maatskappy	15 000
	Ikhwezi Youth Theatre Development	40 000
	I Klein Libertas Theatre	30 000
	I Karos & Kambro	50 000
	I Masibambisane Youth Education Drama Organisation	50 000
	I Siyasanga Cape Town Theatre Company	50 000
	I The Magnet Theatre Educational	80 000
	I Zip Zap Circus School Trust	80 000
	I Arepp: Theatre of Life	80 000
	I Kairos Drama Group	50 000
	I The College of Magic	75 000
	Uthando for Theatre	50 000
	Uhlobo: Umculo	
	I Cape Town Opera	1 500 000
	I Bless Them All Gospel Group	50 000
	I Ceres Crusaders	80 000
	I Cape Philharmonic Orchestra	1 500 000
	I Oasis Community Projects	40 000
	I Steel Band Project (Western Cape)	90 000
	I Stellenzicht Music Project	52 000
	I Kronendal Music Academy	80 000
	I The Enlighten Education Trust	60 000

Inkqutyana	Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
	I Elgin Learning Foundation	40 000
	I Kouebokkeveld Opleidingsentrum	50 000
	I Institute for Music & Indigenous Art Development (MAD)	50 000
	I SA Association for Jazz Education	50 000
	I D-piano Lab	42 550
	I Hout Bay Music Project Trust	65 000
	Uhlobo: Ubugcisa obubonwayo	
	I AbsaKKNK	20 000
	I Mad About Art	40 000
	I Greatmore Studios	25 000
	I South African Educational and Environment Project	20 000
	I VANSAs [Visual Arts Network of South Africa]	30 000
	I Wesland Kunsvereniging	30 000
	I Snap Shop Mobile Cinema	50 000
	I Street Stories Films (SSF)	20 000
	Uhlobo: Indibanisela	
	I Art Africa Centre	50 000
	I Atlantis Kultuur Assosiasie	40 000
	I Breytenbach Cultural Centre	40 000
	I Lunchbox Theatre	40 000
	I Tygerberg International Eisteddfod	25 000
	I Baxter Theatre	44 481
	I Very Special Arts Western Cape	15 000
	IiProjekthi ezangezelelweyo	
	I Cape Philharmonic Orchestra (collaboration with WECCMA)	305 000
	I Cape Town Opera (collaboration with music organisations in Langa)	200 000
	I Dance for All (support for a new work – "Woelag")	450 519
	I Griqua National Conference (unveiling ceremony of the plaque declaring Ratelgat as a provincial heritage site)	10 000
	I South Atlantic Arts & Culture Trust (programmes associated with the Cape Town International Jazz Festival)	200 000
	Abaculi, iikwayara zeMalay namaqela aculela iKrisimesi	
	I SA Christmas Band Board	49 365
	I Kaapse Klopse	247 550
	I Cape Town Minstrels Carnival Association	157 550
	I Cape District Minstrels' Board	39 388
	I Cape Metro Minstrels' Association	39 388
	I SA United Christmas Board	127 047
	I Cape Malay Choir Board	66 802
	I Suid Afrikaanse Koorraad	26 720
	I Keep the Dream Male Choir Board	40 081
	IYONKE	12 530 441

Inkqutyana	Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
INkonzo zeMyuziyam	IiMyuziyam ezincedwa liPhondo	
	I Beaufort West Museum	166 155
	I Caledon Museum	80 940
	I CP Nel Museum	525 435
	I Drostdy Museum	314 925
	I Genadendal Mission Museum	725 899
	I Houf Bay Museum	70 680
	I Huguenot Memorial Museum	193 293
	I Montagu Museum	114 285
	I Old Harbour Museum	89 490
	I Oude Kerk Volksmuseum	155 895
	I Paarl Museum	122 265
	I SA Sendinggestig Museum	52 725
	I Shipwreck Museum	91 200
	I Simon's Town Museum	143 355
	I Stellenbosch Museum	349 088
	I Togyers Museum	54 435
	I Wellington Museum	54 150
	I Wheat Industry Museum	85 785
	I Lwandle Migrant Labour Museum	22 800
	IiMyuziyam zasekuhlaleni	
	I Great Brak River Museum	12 614
	I Jan Daekert Museum	6 306
	I Fransie Pienaar Museum	15 766
	I Robertson Museum	12 614
	IYONKE	3 460 100
Inkonzo yoLawulo lwezibonelelo zelifa leMveli	ILifa leMveli yeNtshona Koloni	1 380 000
	IYONKE	1 380 000
INkonzo yeeLwimi	IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni	220 000
	IYONKE	220 000
Ezekhaya		157 485
	IYONKE IDIBENE	19 534 815

INkqubo 3: IiNkonzo zamathala eeNcwadi nooVimba

INkqutyana	Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
Inkonzo yethala leencwadi	I South African Centre for the Netherlands and Flanders (SASNEV)	5 000
	Izibonelelo zeemeko ezithile, imali yokubuyekeza	
	UMasipala waseBeaufort West	2 100 000
	UMasipala waseBerggrivier	3 274 000
	UMasipala waseBitou	2 494 000
	UMasipala waseBreede Valley	936 000
	UMasipala waseCape Agulhas	2 639 000
	UMasipala waseCederberg	1 316 000
	IsiXeko saseKapa	21 336 000
	UMasipala waseDrakenstein	5 353 000
	UMasipala waseGeorge	1 240 000
	UMasipala waseHessequa	2 167 000
	UMasipala waseKannaland	1 145 000
	UMasipala waseKnysna	538 000
	UMasipala waseLaingsburg	303 000
	UMasipala waseLangeberg	4 874 000
	UMasipala waseMatzikama	2 917 000
	UMasipala waseMossel Bay	843 000
	UMasipala waseOudtshoorn	597 000
	UMasipala waseOverstrand	640 000
	UMasipala wasePrince Albert	528 000
	UMasipala waseSaldanha	1 664 000
	UMasipala waseStellenbosch	1 133 000
	UMasipala waseSwartland	3 823 000
	UMasipala waseSwellendam	1 825 000
	UMasipala waseTheewaterskloof	4 234 000
	UMasipala waseWitzenberg	4 547 000
	IYONKE	72 471 000
Ezasekhaya		201 000
	IYONKE IDIBENE	72 672 000

INkqubo 4: Ezemidlalo noLonwabo

INkqutyana	Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
ULawulo	Ezotyelelo lwezemidlalo	
	I Western Cape Provincial Sport Council	60 000
	I DISWEC [Disabled Sport Western Cape]	50 000
	I Cape Town Cycle Tour Trust	100 000
	I Boland Athletics	10 000
	I WPSC [Western Province Sports Council] WP Equestrian	10 000
	IYONKE	230 000

INkqutyana	Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
IMidlalo	liManyano zezeMidlalo	
	I West Coast Sport Council (Administration & Development)	70 000
	I SWD Sport Council (Administration)	40 000
	I Western Province Sport Council (Administration)	50 000
	I Western Cape Provincial Sport Council (Administration, Women & Girls, Boland Sports Council, Riaan Loots)	300 000
	I WC USSA [University Sport South Africa]	10 000
	I WC Farmworker Association	10 000
	liManyano zeSouth Western Districts (SWD)	
	I SCLTBAA	10 000
	I SC Cycling	25 000
	I SWD Biathlon	50 000
	I SWD Sport Martial Arts Association	10 000
	I WCPSC [Western Cape Provincial Sport Council]	10 000
	I SWD Sailing	60 000
	I SWD Jukskei	15 000
	I SWD Athletics	10 000
	I SWD Baseball	15 000
	I SWD Aquatics	10 000
	I SWD Gymnastics Association	10 000
	I SWD Karate	20 000
	I SWD Indoor Cricket	10 000
	I SWD Cricket Board	40 000
	I SWD Netball	25 000
	I SWD Squash Association	15 000
	I SC Bowls	30 000
	I SC Golf (Men)	20 000
	I SC Golf (Women)	35 000
	I SAFA Eden	10 000
	I SKGODU (Domino Union)	10 000
	I SWD Drum Majorettes	25 000
	I SWD Posduif Unie	10 000
	I SWD SAPD [Sports Association for the Physically Disabled]	10 000
	I SWD Sport Council	10 000
	liManyano zeWestern Province (WP)nezeNtshona Kapa (WC)	
	I WP Aquatics	40 000
	I WP Athletics	25 000
	I WP Baseball	10 000
	I WP Badminton	25 000
	I WP Blackball	20 000
	I WP Bodybuilding	25 000
	I WP Bowls	15 000
	I WP Blow Darts	25 000
	I WC Canoe Union	20 000

INkqutyana	Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
	I WP Chess	25 000
	I WP Cycling Association	30 000
	I WP Darts Board	20 000
	I WP Fancy Pigeon Federation	20 000
	I WP Fencing	20 000
	I WP Gymnastics Association	20 000
	I WP Hockey Union	25 000
	I WP Ice Hockey	10 000
	I WP Amateur Judo Association	25 000
	I WP Lifesaving	20 000
	I WP Roller Sport	30 000
	I WP SA Sailing	15 000
	I WP Softball federation	25 000
	I WP Table Tennis	40 000
	I WP Volleyball Union	25 000
	I WP Weightlifting Association	30 000
	I WP Wrestling Association	30 000
	I WP Figure Skating	10 000
	I WP Karate	20 000
	I WP Netball Union	30 000
	I WP Tug of War	30 000
	I WP Modern Pentathlon	10 000
	I WP FEDANSA	20 000
	I WP Physical Disabled	15 000
	I WP Surfing	10 000
	I WP Cricket	40 000
	I WP Basketball	10 000
	I WP Golf Union	10 000
	I WP Still Water & Life Saving	20 000
	I WP Rugby	50 000
	I WP Transplant Sport Association	10 000
	I Western Cape Dragon Boat Association	10 000
	I Western Cape Rowing	30 000
	liManyano zaseWest Coast	
	I West Coast Sport Union for All	20 000
	I West Coast Netball Union	25 000
	I West Coast Kickboxing	15 000
	I West Coast Pool Association	10 000
	I West Coast Shore Angling	20 000
	liManyano zaseBoland	
	I Boland Athletics	40 000
	I Boland Amateur Weightlifting	10 000
	I Boland Badminton	25 000

INkqutyana	Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
	I Boland Baseball	10 000
	I Boland Central Netball	20 000
	I Boland Chess Union	35 000
	I Boland Cricket Board	30 000
	I Boland Darts	20 000
	I Boland Fly Fishing	20 000
	I Boland Gymnastics	20 000
	I Boland Hockey	10 000
	I Boland Judo	20 000
	I Boland Karate	20 000
	I Boland Kickboxing	20 000
	I Boland Ladies Golf	35 000
	I Boland Netball	40 000
	I Boland Table Tennis	30 000
	I Boland Sport & Cultural	10 000
	I Boland Wrestling	20 000
	I Boland Tennis Association	10 000
	I Boland Black Pool	10 000
	I Boland Jukskei	10 000
	I Boland SAPD	10 000
	Uncedo ngemali	
	I Boland Judo Union	10 000
	I UMbutho weWP Wrestling Association	35 000
	I WP Karate Association	55 000
	I Boland Amateur Kickboxing Association	10 000
	I WP Tug Of War	70 000
	I WP International Federation of Body Building	5 000
	I WP Chess	15 000
	I WP Darts Board	25 000
	I Southern Cape Light Tackle Boat Association	5 000
	I WC Blackball Federation	45 000
	I Fencing WC	15 000
	IMisitho ebalulekileyo	
	I WP Sport Council	179 000
	I WP Netball	30 000
	I WP Athletics	10 000
	I Boland Amateur Weightlifting	10 000
	I West Coast Kickboxing	25 000
	I Boland Ladies Golf	20 000
	I SWD Sport Council (SWD Baseball and Sport Awards)	70 000
	I WP Chess	20 000
	I Boland Chess	10 000
	I WP Softball	110 000

INkqutyana	Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
	I WP Tug of War	10 000
	I WP Rowing	15 000
	I WP Cycling	15 000
	I WP Gymnastics	10 000
	I WP Judo	100 000
	I WP Lifesaving	20 000
	I WP Pentathlon Association	20 000
	I WP FEDANSA	20 000
	I West Coast Sport Council (Fish Factory Tournament and West Coast Sport Awards)	55 000
	I SA Sailing	20 000
	I WP Hockey	20 000
	I WP Weightlifting	30 000
	I SWD Karate	15 000
	I SWD Women Golf Association	15 000
	I SWD Jukskei	10 000
	I Boland Badminton	10 000
	I Boland Karate	10 000
	I Boland Darts	10 000
	I Western Province Sport Council (Sport Awards)	50 000
	I Western Cape Provincial Sport Council (Boland Sport Council sport awards)	50 000
	I Western Cape Canoe Union	40 000
	I SWD Sport for Disabled	20 000
	I WP Sport Council	11 000
	I Discovery Big Walk	100 000
	I Cape Town Routes Unlimited (sport tourism conference)	50 000
	I DISWEC	30 000
	I WPSC	20 000
	Oomasipala (izibonelelo)	
	I Oudtshoorn Municipality	1 000 000
	I Saldanha Bay Municipality	1 000 000
	IYONKE	6 875 000
IMidlalo yeZikolo	IiNkqubo zeMidlalo yeZikolo	
	IBhunga leMidlalo leWP (WCSS: Imivuzo yabasebenzi esekwe kwimidlalo)	296 000
	IBhunga leMidlalo leWC (WCSS: Imivuzo yabasebenzi esekwe kwimidlalo)	342 804
	IBhunga leMidlalo leWP (WCSS: Imivuzo yabasebenzi esekwe kwimidlalo)	2 804 553
	IBhunga leMidlalo leWC (WPSC/WCSS: Imivuzo yabasebenzi esekwe kwimidlalo)	342 804
	ISithili seSouth SSC (Iprojekthi eLingwayo)	1 071 650
	IBhunga leMidlalo leWP (WCSS: Imivuzo yabasebenzi esekwe kwimidlalo)	1 135 270
	IBhunga leMidlalo leNtshona Koloni (WCSS: IBhasari esekwe kwimidlalo)	326 700

	ISithili seCentral SSA (Iprojekthi eLingwayo)	1 071 650
	IBhunga leMidlalo leWC (WCSS: Isondlo – R1 000 000) (WECASSO: IPhondo – R830 000) (WECASSO: IziThili – R600 000) (WCSC: ULawulo– R48 569)	2 478 569
	IBhunga leMidlalo leWC (WCSS: INkxaso yeMidlalo yokusebenza yeQondo eliphezulu)	1 000 000
	IBhunga leMidlalo leWC (WCSS: INkxaso yeMidlalo yokusebenza yeQondo eliphezulu– R1 200 000) (WECASSO: Ukubaleka – R400 000)	1 600 000
	IBhunga leMidlalo leWP (WCSS: Isondlo)	500 000
	IYONKE	12 970 000
	IYONKE	20 075 000

2.1.10 AmaQumrhu kaRhulumente

IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IKomisini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) yasekwa ngowe-1998 ngokwemiqathango yoMthetho we-14 ngowe-1998 weKomishini yeNkcubeko namaBhunga eNkcubeko eNtshona Koloni. Isithuba seofisi samalungu eKomishini siphela ngomhla wama-24 kweyeNkanga wama-2011. Ukuqeshwa kwamalungu akukhange kuqunjelweekupheleni konyaka. Akukho zintlanganiso ngoko ezibanjiweyo kwisithuba sekota yesine yonyaka ophantsi kovavanyo.

Kwisithuba seofisi esingaphambili, iWCCC igunyazise uphando kuphuhliso lwesicwangciso-nkqubo esilungiselelwe ukuchonga nokukhulisa ikhono kubugcisa nenkcubeko ukunceda ekulungiseni iinkqubo ezifanelekileyo kwicandelo.

Zibe mbalwa izicelo zenkxaso-mali ezifunyenweyo kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo xa kuthelekiswa nonyaka-mali ongaphambili kwaze oku kwanomphumela kwizigqibo zeWCCC ukuxoxa nabantu kunye nemibutho ukuqinisekisa ngeqondo lokusebenza kubugcisa nenkcubeko. Isiphumo solu thethwano saba yiProjekthi eLingwayo yeCentral Karoo, eqaliswe ngokuhlangana yiWCCC neSebe.

Inkqubo esetyenzisiweyo ukuvavanya izicelo zeminikelo yoncedo ezamkelweyo incede iSebe ukuba lihlale ibango lenkxaso-mali kwimibutho yobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni nobungakanani bokuba nakho ukusabela kweli bango. Le incede iSebe ukuba libe nobuchule kwizabelo zalo ukulungiselela ukufezekisa igalelo elipheleleyo. Uluhlu lwabantu abazimeleyo olubandakanya amachulo obugcisa, izifundiswa nelungu leWCCC lwayatunjwa nguMphathiswa ukuhlola izicelo ezivela kwimibutho yobugcisa nenkcubeko nokunika iingcebiso. Oku kuqinisekise ngokuba phandle, ngobulungisa nenkqubo enobulungisa.

I WCCC icwangcise ukuba ihlaziye amaziko amathathu enkcubeko aphantsi kolawulo lwayo kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Ngenxa yohlanganiso phakathi kweSebe neSebe loThutho neMisebenzi kaRhulumente, izibonelelo ezaneleyo zanjikwa ukulungiselela ukuhlaziya amaziko amane kwisithuba esiphantsi kovavanyo. Uhlaziyo ngokunjalo lwaphucula ilungelo lokuzifumana kubantu abalimeleyo. Ngokuhambelana nohlaziyo lwamaziko, iqhinga lokuthengisa laphuhliswa ukwandisa umtsalane wamaziko kuluntu olwahlukeneyo, kubandakanywa uluntu lwasemaphandleni. Oku kwenziwe ngencwadana, iintsuku ezivuleleke kuwonke-wonke nokucelwa kwengxelo ngokusetyenziswa koluhlu lwemibuzo.

IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni

IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni (WCLC) yasekwa ngowe-1998 ngokuhambelana noMthetho weelwimi wePhondo leNtshona Koloni, we-1998 (uMthetho 13 we-1998). IKomiti iqulunqwe ngamalungu ali-11 anoxanduva oluphambili lokucebisa uMphathiswa wephondo weMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo kwimicimbi enxulumene nokusetyenziswa kolwimi eNtshona Koloni. UMthetho ngokunjalo unika iKomiti amagunya nemisebenzi ukukhuthaza kakhulu uphuhliso lweelwimi zemveli ebezivinjwe amathuba

ngaphambili, ukuqhubela phambili imithetho-siseko yokuthethwa kweelwimi ezininzi; nokubeka iliso kumiliseko loMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni. I-WCLC ibambe iintlanganiso ezine ngokwesicwangciso kunyaka-mali ophantsi kovavanyo.

Ukulungiselela lo nyaka wokunikwa kwengxelo, iKomiti igqibe ngokuqhubeka ibeka iliso kumiliseko loMgaqo-nkqubo woLwimi ngokuqhuba uphando olungaphezulu ngokunikezelwa kweenkonzo zokutolika kwiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo. Injongo yeprojekthi yayikukufumanisa indlela amalungu endlu yowiso-mthetho azifumanisa zingayo malunga nokulunga iinkonzo zokutolika kwiPalamente yePhondo. Uluhlu lwemibuzo engamashumi amane anesine lwathunyelwa kumalungu eNdlu yoWiso-mthetho ngeyoKwindla wama-2011 yaye i-16 labuya.

lingcebiso zivelile kolu phando zokokuba inkonzo inganyuswa njani isiwe kumanqanaba. Enye yeengcebiso yile yokuba iphulo lolwazi liyafuneka kwixabiso lenkonzo yokutolika elungileyo njengesixhobo esibalulekileyo sonxibelelwano kubume bokusetyenziswa kweelwimi ezininzi. Ingcebiso eyangezelelweyo yile yokuba abasebenzisi kufuneka baqeqeshwe kwimiba yobuchule kwizixhobo zokutolika ukulungiselela ukuba zisetyenziswe ngokupheleleyo. Kucetyiswe ngaphezulu into yokuba indlela yeSixeko saseKapa kufuneka yamkelwe, oko kukuthi inkonzo yokutolika ivavanywe emva kwentlanganiso. Oku kuya kunika ithuba lokuba iingxaki zibe nokuchongwa kwakamsinyane ukulungiselela into yokuba zibe nokuqwalaselwa ngaphandle kokulityaziswa.

IKomiti yeLwimi inikele ekuphuhliseni ngamandla kweelwimi ebelijongelwe phantsi ngaphambili, kubandakanywa uLwimi oluthethwa ngeminwe loMzantsi Afrika (SASL). Oku kwafezekiswa ngentsebenziswano namagosa eSebe ngokusingatha iKlabhu zoNxibelelwano zoLwimi oluthethwa ngezandla lweSA kwisikolo iNoluthando eKhayelitsha. Abathabathi-nxaxheba baqulunqwe ngootitshala, abazali, abameli babantwana abazithulu abahamba isikolo eNoluthando.

IWCLC eqeshwe yiYunivesithi yaseFree State ukuba iqalise ngovavanyo olungenqanaba lobuchule boLwimi oluthethwa ngezandla kwisikolo iNoluthando. Njengoko iSASL ikukhuphela kolwimi abathi abantwana abazithulu baluqonde xa benxibelelana bejongene yonke imihla, yaye ngoko ke kufuneka lusetyenziselwe ukufundisa nokufunda, uvavanyo lucebise into yokokuba:

- 1) uqeqesho lwesiseko kufuneka lunikezelwe kootitshala nabasebenzi abanobuchule kwisikolo iNoluthando esilungiselelwe abazithulu ngokukhawuleza;
- 2) ulwimi oluthethwayo kufuneka luqaliswe kuphela ze lugcinwe lukwimo ebhaliweyo; yaye
- 3) iqela kufuneka lisekwe ukulungiselela abazali babantwana abazithulu ukuba babe nokwazi iSASL ukulungiselela unxibelelwano lwemihla ngemihla ekhaya, kubumelwane nakuluntu ngokubanzi. Iqela labazali linokwandiswa ukubandakanya namalungu oluntu, kufuneka ligcinwe ngokwahlukeneyo neqela lootitshala kuba amanqanaba emfundo kula maqela ehlukeneyo.

Lifa leMveli leNtshona Koloni

Lifa leMveli leNtshona Koloni (HWC) lasekwa ngowama-2003 njengogonyaziwe wezibonelelo zelifa lephondo leNtshona Koloni ngokwemiqathango yoMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, we-1999 (uMthetho wama-25 we-1999). Isithuba esikhoyo seofisi seminyaka emithathu seBhunga leLifa leMveli yeNtshona Koloni siqale ngeyeThupha wama-2010. IBhunga kunye neekomiti zalo lihlalanga qho kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

I HWC iqhubela phambili imiphumela ebekwe liSebe, ngokuyintloko ngokusetyenziswa kokubhekiselelwa phambili kweNjongo yesi-8 yesiCwangciso-Qhinga sePhondo: "Ukuthatyathwa kwenxaxheba nobandakanyo". Idlala indima ebalulekileyo ekuchongeni nasekukhuseleni ilifa lemvelo oko kulixabiso kubo bonke abemi beNtshona Koloni.

Njengoko kunjalo kunye namanye amacandelo karhulumente wephondo, inkxaso yobuchule, yobugcisa nolawulo lweHWC inikezelwa licandelwanane leSebe loLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli. Ubuninzi bale nkxaso bunceda umbutho ukuba uqwalasele izicelo ezenziwayo phantsi kwezibonelelo ezahlukeneyo zoMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli. Kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, iHWC iqwalasele izicelo ezili-1 832. Kwisithuba esilinganayo nesi, iBhunga leHWC neekomiti zalo libambe iintlanganiso ezingama-61apho iinkonzo zomabhalane nenye inkxaso yanikezelwa ngabasebenzi besebe. Abasebenzi besebe ngokunjalo bancede iHWC ngenkxaso yophando, okuphambili

ukulungiselela ukuchongwa kweendawo ezintsha ezidinga ukhuselo. Lo msebenzi ukhokhelele kubhengezo lweendawo zelifa ezintsha ezimbini zephondo nokwandiswa kwenye indawo kwisithuba salo nyaka-mali.

Uphuhliso olungundoqo olulungiselelwe ilifa leMveli leNtshona Koloni necandelwana kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo ibe kukuthotywa kwamagunya athile aphantsi koMthetho esisiwa kwiSixeko saseKapa. Uthethwano sele lufikelele kwinqanaba eliphezulu yaye isivumelwano esiyilwayo sesilinde ulwamkelo siSixeko. Ukuba ngaba esi sivumelwano siqokunjelwe ngempumelelo, siya kuwunciphisa kakhulu umsebenzi wombutho ngokuhambelana nokuqwalaselwa kwezicelo ezivela kuMasipala weKapa. Oku kuya ngokunjalo kuvumela abasebenzi neHWC ukuba bangene kwimimandla yolawulo lwelifa yemveli abangenakho ngokwakaloku nje ngenxa yokunqongophala okukhoyo kwezibonelelo.

2.1.11 Iminikelo yoxhomekeko neengxowa-mali ezichongiweyo

UMnikelo weeNkonzo zeThala leencwadi loLuntu: R48 694 000

Unyaka wama-2011/12 uphawula unyaka wesihlanu wenkxaso-mali yoMnikelo woXhomekeko. Injongo yomnikelo kukugququla isakhiwo sethala leencwadi loluntu lasedolophini nelasemaphandleni, izibonelelo neenkonzo (okuphambili kujoliswe kuluntu olwaluvinjwe amathuba ngaphambili) ngokusetyenziswa kwenkqubo yohlaziyo ngokutsha kumanqanaba elesizwe, elephondo nomasipala.

ISEBE lifumene izigidi ezingama-R48,694 ezivela kwiSebe leSizwe loBugcisa neNkcubeko ezithe izigidi ezingama-R41,198 zakhutshelwa koomasipala abangama-25 kwiNtshona Koloni, ukulungiselela intlawulo engaphezulu yabasebenzi bethala leencwadi loluntu, kwathengwa izixhobo zeofisi nefanitshala, neeprojekthi zokuhlaziya nokugcina. Ekupheleni konyaka-mali, amalungu abasebenzi abangama-292 baqeshwa koomasipala abangama-25.

Isambuku sezigidi ezi-R4 (kubandakanywa nezigidi ezingama-R41 ezikhutshelwe koomasipala) sakhutshelwa kuMasipala waseDrakenstein ukulungiselela uhlaziyo lweThala leeNcwadi lasePaarl. Ii "wheelie wagons" ezintandathu zaqala ukusebenza kulo nyaka uphantsi kovavanyo. Le yinxalenye yenkonzo eyandisiweyo ukusa iinkonzo zethala leencwadi kubantu abakwimimandla esemaphandleni abanqongophelelwe lilungelo lokufumana izibonelelo zethala leencwadi. Isambuku sezinto ezingama-31 878 emathiriyeli yethala leencwadi zathengwa kulungiselelwa iinqwelo ezinamavili zokuthutha ukulungiselela ukunceda ngokumilisela ubume bokufunda kwimimandla yasemaphandleni.

Iprojekthi yoThungelwano lweThala leeNcwadi laseMaphandleni ijolise ekunciphiseni iyantlukwano yekhompuyutha kwimimandla yasemaphandleni. Esi sibonelelo sibonelela ngelungelo elisimahla kuluntu lweintanethi ukunikela kuphuhliso lwasemaphandleni nokuxhasa abantu abakwimimandla yasemaphandleni. Ilingingqi zoluntu/amathala eencwadi angama-21 abonelelwe kule projekthi kulo nyaka uphantsi kovavanyo yaye adweliswe apha ngasezantsi.

IThala leeNcwadi	UMasipala
Merweville	waseBeaufort West
Bettie Julius	waseBerggrivier
Kurland	waseBitou
Zweletemba	waseBreede Valley
EBredasdorp	waseCape Agulhas
ELamberts Bay	waseCederberg
EPaarl	waseDrakenstein
EPacaltsdorp	waseGeorge
EMelkhoutfontein	waseHessequa
ECalitzdorp	waseKannaland
EKlawer	waseMatzikama

IThala leeNcwadi	UMasipala
EFriemersheim	waseMossel Bay
ECJ Langenhoven	waseOudtshoorn
EZwelihle	waseOverstrand
EKlaarstroom	wasePrince Albert
ELaingville	waseSaldanha Bay
EKayamandi	waseStellenbosch
EDarling	waseSwartland
ESwellendam	waseSwellendam
ECaledon	waseTheewaterskloof
EWolseley	waseWitzenberg

Iindleko ze-intanethi neenkonzelo zihlawulwe yaye zigciniwe kwiindawo ezingama-80 kwiNtshona Koloni iphela. Iintlawulo ezikhutshelweyo zenziwa kwizahlulo ezithathu zengeniso njengoko kucwangcisiwe kwiiakhawunti ezamkelweyo zoomasipala. Isixa-mali se-R7 496 000 sasetyenziselwa iindleko zabasebenzi nezokuqhuba umsebenzi weyunithi elawula umnikelo kunye neeprojekthi ezilawulwa ndaweni nye ezifana neICT [itheknoloji yengcaciso nonxibelelwano], ngokunjalo nokuthengwa kwemathiriyeli yethala leencwadi.

Inkcitho yeengxelo yanyanga zonke yangeniswa kwisicwangciso sesiseko ngabo bonke oomasipala abangama-25. Utyelelo lokubekwa kweliso koomasipala lwaqhutywa ukubeka iliso kuhambelwano ngokwemiqathango yesivumelwano esisayiniweyo sokusebenza kunye nezicwangciso zoshishino. Zonke iziphumo zafezekiswa. Kumathuba apho ekujoliswe kuko kungahlangatyezwanga, kwenzeka ngenxa yokuba oomasipala bebesathethana ngotshintsho kwizicwangciso zokusebenza zabo. Isixa-mali esabiweyo ezizigidi ezingama-R48 694 000 sachithwa.

Imiqondiso yokwenziwa komsebenzi nekujoliswe kuko

Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
1.1	Inani labasebenzi eliqeshwe kumathala eencwadi oluntu	313	322	292	ISixeko saseKapa sinezithuba ezingazaliswanga ezingama-28 ngenxa yokuqeshwa isigxina kwabasebenzi boMnikelo woXhomekeko kuMasipala waseSaldanha Bay, isibonelelo esasenziwe kwisiCwangciso soshishino sowama-2011/12 sokuqesha abasebenzi ababini sarhoxiswa yaze inkxaso-mali yabiwa kwakhona isabelwa ulwakhivo lweThala leencwadi elitsha eVredenburg.
1.2	Inani leenqwelo zencwadi ezihambayo ezisekiweyo	5	7	6	-
1.3	Inani lamathala eencwadi ekufumaneka kuwo i-intanethi	60	81	80	-
1.4	Inani lamathala eencwadi elinezibonelelo zeICT	20	21	21	-
1.5	Inani lemathiriyeli yethala leencwadi ethengiweyo	26 360	21 300	31 878	Ulonolozo oluvela kwiinkqubo zeICT (ezaba nexabiso eliphantsi kunelo belilindelwe) nolondolozo kubasebenzi lwasetyenziswa ukuthenga imathiriyeli yethalayethala leencwadi eyagezelelweyo.

Umqondiso wokwenziwa komsebeni		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
1.6	Inani lamaziko ethala leencwadi elisekiweyo / elihlaziweyo	-	1	1	-
1.7	Inani lotyelelo lokubekwa kweliso	Umqondiso omtsha	56	56	-
1.8	Inani loomasipala elifumene iintlawulo ezikhutshelweyo	Umqondiso omtsha	28	25	Iintlawulo ezikhutshelweyo zenziwa koomasipala abangama-25 beNtshona Koloni endaweni yabangama-28 ngenxa yeenguqu kubume boomasipala besthili (IGazethi kaRhulumente Eyongezelelweyo yangolwesiHlanu, umhla wama-25 kweyoMdumba 2011). Umsebenzi wethala leencwadi woomasipala bezithili (Eden, Central Karoo neWest Coast) wakhutshelwa koomasipala bengingqi – eGeorge, eBeaufort West, eCederberg neMatzikama ngokulandelelana.
1.9	Inani lokugcinwa kweeprojekthi ezixhaswe ngoomasipala	Umqondiso omtsha	14	6	Zibe ntandathu kuphela iiprojekthi ezimilisweyo ngoomasipala. Ezishiyekileyo ziya kuqunyelwa kweyeSilimela wama-2012. UMasipala waseOudtshoorn urhoxise iiprojekthi ezimbini zolungiso.
1.10	Inani leeprojekthi zezixhobo zeofisi ezixhaswe ngoomasipala	Umqondiso omtsha	15	6	Iprojekthi eVredenburg yalityaziswa njengoko ithala leencwadi lisakhiwa. UMasipala waseOudtshoorn urhoxise iiprojekthi zezixhobo zeofisi. Eziseleyo iiprojekthi ziya kuqunyelwa ekupheleni kukaJuni wama-2012.
1.11	Inani leeprojekthi zohlaziyo ezixhaswe ngoomasipala	Umqondiso omtsha	9	1	Oomasipala baya kuqumbela iiprojekthi zohlaziyo ekupheleni kweyeSilimela 2012.

UMnikelo weNkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba sisiNinzi: R42 964 000

Unyaka-mali wama-2011/2012 uphawula unyaka wesi-7 wenxaso-mali yoMnikelo woXhomekelo weDORA. Injongo yomnikelo kukuqinisekisa ngento yokuba isebe linakho ukuququzelela ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo nokuxhobisakwizikolo, kwiiklabhu nombindi kuthelelwano nabachaphazelekayo abafanelekileyo.

ISebe lifumene isabelo somnikelo wama-R42 964 000 olungiselelwe inkqubo yoLuntu iSiyadlala yokuThatyathwa kweNxaxheba Sisininzi (SCMPP), inkqubo yeZikolo yokuThatyathwa kweNxaxheba siSininzi (SSMPP), kunye neNkqubo yeLifa, ethe yabandakanya inkqubo yoPhuhliso lweKlabhu (CDP).

Ilifa: Inkqubo yoPhuhliso lweKlabhu

Imiqondiso yokwenziwa komsebenzi nekujoliswe kuko

Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
1.1	Inani leeklabhu ezisekiweyo	-	50	50	-
1.2	Inani leeklabhu ezilondolozweyo	210	315	315	-
1.3	Inani lezifundo zeSiseko kwiMidlalo noLonwabo kunye noLawulo ezinikezelweyo	2	24	27	Kubekho ibango elandileyo elivela kwiiklabhu, ngoko izifundo ezangezelelwehyo zibanjwe

Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
1.4	Inani lezifundo zokuqeqesha ezithe ngqo kwimidlalo ezinikezelweyo	15	24	24	-
1.5	Inani lezifundo zabaqeqeshi/zamagosa obugcisa ezibanjiweyo/ezinikezelweyo	609	24	24	-
1.6	Inani leembaleki ezithabatha inxaxheba kwiinkqubo nemisebenzi yophuhliso lweeklabhu eyenziwa rhoqo ngeveki	5 992	8 000	8 018	-
1.7	Inani leeklabhu ezibonelelwe ngezixhobo nempahla	217	315	315	-
1.8	Inani lezivumelwano zenqanaba lenkonzo eziqukunjelweyo neemanyano zemidlalo yephondo noomasipala	6	18	18	-
1.9	Inani labantu bonxibelelwano nomanyano abaqeshiweyo	-	20	18	Xa kuqeshwa amagosa onxibelelwano, iSAFA ityumbe amagosa aqeshiweyo, oko okungahambelani nomgaqonkqubo. Oku kubangela ulibaziseko oluthetha ukuba ekujoliswe kuko akuzange kube nokufezekiswa.
1.10	Inani labalungelelanisi abaqeshiweyo	7	8	8	-

INkqubo yoLuntu yokuThatyathwa kweNxaxheba iSiyadlala

Ukulungiselela ngenkqubo yalo yokuThatyathwa kwenxaxheba sisininzi, uLonwabo luseke amaziko eMOD [ukuThatyathwa kweNxaxheba siSininzi; iThuba nelungelo; noPhuhliso nokuKhula] ukulungiselela uphuhliso lwamakhono. Ngokwakaloku nje, ngamaziko eMOD angama-70 kuyo yonke iNtshona Koloni equlunqwe ngolu hlobo lulandelayo:

- iZikolo zamabanga aphezulu ezingama-49 ezingamaZiko eMOD;
- AmaZiko oLuntu eMOD asi-8;
- Amaziko eMOD ama-5 abasebenzi baseFama; kunye
- NamaZiko oLonwabo eMOD asi-8.

Imiqondiso yokwenziwa komsebenzi nekujoliswe kuko

Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
1.1	Inani lamaziko athabatha inxaxheba	Umqondiso omtsha	70	70	-
1.2	Inani lemibindi/leeseke the/lamawodi athabatha inxaxheba	Umqondiso omtsha	50	49	-
1.3	Inani labalungelelanisi abaqeqeshwe njengabaqeqeshi	Umqondiso omtsha	200	292	Imiqathango yokunciphisa iindleko yaqaliswa ngokuthotyelwa ezantsi koqeqesho kwisithili ngasinye, oku kubangela ukuba abantu abaninzi babe nokuqeqeshwa

Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
1.4	Inani labalungelelanisi abaqeqeshwe kulawulo lweofisi kunye/okanye kulawulo lwemidlalo	Umqondiso omtsha	200	203	-
1.5	Inani labalungelelanisi abaqeqeshwe njengamagosa obugcisa	Umqondiso omtsha	110	119	-
1.6	Inani labalungelelanisi abaqeqeshwe kumakhono empilo	Umqondiso omtsha	200	231	Imiqathango yokunciphisa iindleko yaqaliswa ngokuthotyelwa ezantsi koqeqesho kwisithili ngasinye, oku kubangela ukuba abantu abaninzi babe nokuqeqeshwa.
1.7	Inani labalungelelanisi abaqeqeshwe kulawulo lwamatheko	Umqondiso omtsha	110	113	-
1.8	Inani leminyhadala namatheko abanjwweyo	Umqondiso omtsha	80	82	-
1.9	Inani labalungelelanisi abaqeshiweyo	Umqondiso omtsha	200	167	Inani ekuxhitywe lona labancedisi bemidlalo eliqeshiweyo lancitshiswa ngenxa yovavanyo ngokutsha kohlahlo lwabiwo-mali kwinqanaba lesizwe.
1.10	Inani labalungelelanisi elithengelwe impahla	21	200	167	Inani ekuxhitywe lona labancedisi bemidlalo eliqeshiweyo lancitshiswa ngenxa yovavanyo ngokutsha kohlahlo lwabiwo-mali kwinqanaba lesizwe. Oku kube nomphumela weemfuno zempahla ezincitshisiweyo.
1.11	Inani lamaziko elibonelelwe ngezixhobo zemidlalo nolonwabo	Umqondiso omtsha	70	70	-

Inkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba Sisininzi kwiMidlalo yeZikolo

Ukubonelela kwinkqubo yayo yokuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi, inkqutyana yeMidlalo yeZikolo iseke amaZiko eMOD ukulungiselela uphuhliso lwamakhono ngokusetyenziswa kwemidlalo elungisiweyo, ethe ngqo kwimidlalo nobuchule kwimidlalo. Ngokwakaloku nje, ali-106l amaZiko eMOD apha eNtshona Koloni aqulathe:

- AmaZiko eMOD eZikolo zamabanga asePrayimari angama-98; kunye
- NamaZiko eSHARP [imidlalo yezikolo; ukukhuthazwa kwempilo; Ukuqhubela phambili ngokusetyenziswa koLonwabo] asi-8.

Abaqeqeshi ababekhona iinkqubo zophuhliso lwamakhono kumaZiko eMOD banika ithuba lokuqumbela izifundo ezininzi ezisesikweni, ukulungiselela into yokuba bazifezekisile iziqinisekiso ezikwiNqanaba "O" kwiikhowudi ezisetyenziswa zimbaleki kwiZiko leMOD. Inkqubo yokuchonga italente iqinisekisa ngento yokuba iimbaleki ezinekhono ziyakhethwa ukulungiselela uqeqesho olungaphezulu kumaZiko eSHARP asekw kwisithili. Apha bachanatywa kuqeqesho kunye nabaqeqeshi abasesikweni abanesiqinisekiso esikwiNqanaba 1 kwiikhowudi ezifanelekileyo.

Imiqondiso yokwenziwa komsebenzi nekujoliswe kuko

Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
1.1	Inani lezikolo/amaziko athabatha inxaxheba	106	155	106	Ukuqaliswa ebe kuxhitywe akubanga nakho ukwenziwa ngenxa yovavanyo ngokutsha kohlahlo lwabiwo-mali kwisizwe.
1.2	Inani leesekethe ezithabatha inxaxheba	49	49	49	-
1.3	Inani labancedisi bemidlalo / beefitshala eziqeqeshiweyo	204	294	294	-
1.4	Inani leminyhadala yokuchongwa kwetalente ebanjiweyo esekwe kwisiThili	16	32	32	-
1.5	Inani leminyhadala yokuchongwa kwetalente ebanjiweyo esekwe kwiPhondo	2	2	2	-
1.6	Inani labancedisi bemidlalo elithengelwe izixhobo kunye/okanye impahla	204	294	196	Inani ekuxhitywe lona labancedisi bemidlalo eliqeshiweyo lancitshiswa ngenxa yovavanyo ngokutsha kohlahlo lwabiwo-mali kwinqanaba lesizwe.
1.7	Inani labancedisi bemidlalo/lootishala abaqeqeshwe njengabaqeqeshi beNqanaba "O" kunye/ okanyebeNqanaba 1 mhlawumbi kwiiKhowudi ezintandathu zemidlalo	204	294	566	Imiqathango yokunciphisa iindleko yaqaliswa ngokuthotyelwa ezantsi kooqeqesho kwisithili ngasinye, oku kubangela ukuba abantu abaninzi babe nokuqeqeshwa.

UMnikelo weNkuthazo weNkqubo yeMisebenzi yoLuntu eYandisiweyo elungiselelwe amaPhondo: R4 000 000

Kwisithuba swowama-2011/12 iSebe liqalise ngomiliso lweprojekthi ezijolise ekuyileni amathuba omsebenzi onentsingiselo ukulungiselela abaxhamli ngezixa-mali ezabelwe iiprojekthi ezikwiCandelo lezeNdalo neNkcubeko zeEPWP. Iiprojekthi ezilishumi zeEPWP ziqalisiwe ze amathuba emisebenzi ali-152 kwiindawo ezingama-27 asekwakwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Kwezi, ama-45 ibe ingamathuba omsebenzi olungiselelwe ababhinqileyo, i-121 lolutsha labonelelwa zee mine zangamathuba omsebenzi ayilelwe abantu abalimeleyo.

Icandelo lezoBugcisa neNkcubeko leSebe liqulunqe iiprojekthi ezine. Ezi nkqubo ibe zezokuqala eNtshona Koloni yaye zibandakanya nokuxhotyiswa kolutsha kulawulo lwezobugcisa nolawulo (kuYilwa iiNgxoxo zeNkcubeko) eOudtshoorn; ukwenziwa nokudlalwa kwezixhobo zomculo wemveli eMbekweni, ePaarl; iiprojekthi yokwenziwa kwezinto ngezandla kusetyenziswa inkunkuma eGeorge; nokugcinwa kweendawo zolwaluko koomasipala baseBitou naseKnysna. Abaxhamli bolawulo lwezobugcisa nenkqubo yolawulo ziceliwe ngumasipala waseOudtshoorn ukulawula imisitho yenkcubeko eqhutywa rhoqo. I-Absa Klein Karoo Nasionale Kunstfees (KKNK) iqeshe abaxhamli benkqubo yokuYilwa kweeNgxoxo zeNkcubeko ukuba basebenze njengabaqhubi bemisitho ze ngokunjalo balungelelanisa indlela yokwenzwa komsebenzi wenkcubeko kwiinkqubo ezithile zoMnyhadala.

INkonzo yeMyuziyam ngokunjalo ilawule inani leprojekthi zeEPWP kwisithuba salo nyaka.

- Ngolwamkelo lweGRAP [iNdlela Jikelele eYamkelweyo yokuNikwa kweNgxelo] imigangatho yophicotho-zincwadi eli-103, kube sisinyanzelo into yokuba uqokelelo lwemyuziyam lulungiselelwe umiliso lwale migangatho yophicotho-zincwadi ngowama-2012/13. Iprojekthi ye EPWP incedise iimyuziyam ezisesikweni ezilithoba ukuba ziphicothe uqokelelo lwazo ngokuthi zinike abasebenzi kunye nenkxaso yobuchule. Iyile ngokunjalo ithuba ulufaka uqokelelo lwemyuziyam kwikhompyutha. Umlawuli weNkonzo zoQokelelo kwiMyuziyam uququzelele uqeqesho kuzo zolithoba iimyuziyam ze abaxhamli bathabatha inxaxheba kwisifundo esinzima sokufota ngekhamera yedijithali seveki yonke kweyoKwindla wama-2012. Iprojekthi ixhasa

ngokunjalo umilisele lwezicwangciso zophicotho-zincwadi loqokelelo kwiCape Medical Museum, kwiMyuziyam yaseSimon's Town, kwiMyuziyam yaseStellenbosch, kwiMyuziyam yaseWorcester, kwiMyuziyam yaseCaledon, kwiMyuziyam yaseDrostdy eSwellendam, kwiMyuziyam iBartolomeu Dias eMossel Bay, kwiMyuziyam yaseGeorge kunye neMyuziyam iCP Nel eOudtshoorn.

- Ukulondolozwa nokuvuselelwa kwezakhiwo zembali nezitya ekukho kuzo iimyuziyam ezamkelweyo ibe yenye yeprosjekthi emiliselwe yiNkonzo yeMyuziyam. Uninzi lweemyuziyam ezamkelweyo zikwizakhiwo ezithe zabhengezwa njengeendawo zelifa lephondo okanye kungenjalo zibe zikhuselwe phantsi koMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa, we-1999. Ngenxa yobuncinane bezibonelelo zemali namakhono ovuselelo, uninzi lwezakhiwo zemuziyam zidinga ulolongo. Iprojekthi ichonge iimfuno zeMyuziyam yaseSimon's Town, iMyuziyam yaseWorcester neMyuziyam yaseHout Bay.
- Ukurekhodwakwembali yomlomo enxulumene neendawo namaqhawe omzabalazo wethu kunye nenkululeko yethu ejolise kwiindawo ezithile kwiiCape Flats, ingakumbi eMitchells Plain, eKhayelitsha, eGugulethu, eBonteheuwel, eAthlone, eKTC nakwaLanga. Iprojekthi ibandakanya ingqokelela bobungqina bomlomo babantu abanoxibelelwano namaziko abanxulumene nawo yaye ngokwenza njalo, kuqokelelwe iimbali ebezingakhathalelwe ngaphambili namabali angeyiyo inxalenye yayo nawuphi na uvimba okanye ingqokelela yemyuziyam. Le projekthi ngokunjalo iqaqambisa ukuzibophelela kwephondo ekuguquleni imbonakalo yelifa lethu nokunikela okubhekiselele kubandakanyo lwentlalo.
- Iprojekthi yokhenketho yelifa leEPWP ibonelele ngoncedo kwiimyuziyam ezamkelweyo ezili-18 ukuba zichonge abaxhamli ukulungiselela ukunceda amaqumru alawulayo ukwandisa abatyeleli neenkonzo zemfundo. Iimyuziyam ezamkelweyo ekujoliswe kuzo zezo zinenani eliphantsi labasebenzi okanye, kwimeko yeemyuziyam zengingqi, iimyuziyam apho iSebe lingaboneleli ngabasebenzi. Iprojekthi ixhasa isiCwangciso-Qhinga lesizwe eliyilwayo loKhenketho lwaMaphandle ukuphula impilo yabantu abahlala kwimimandla yasemaphandleni ngokusetyenziswa kophuhliso loqoqosho lwezokhenketho lwamaphandle. Iintlawulo ezikhutshelweyo zenziwa kwiimyuziyam ezamkelweyo ezili-18 ukulungiselela umilisele lweprojekthi yokhenketho lwelifa leMvelo leEPWP.

I-EPWP ibonelela ngethuba elifanelekileyo lokufaka kwikhompyutha zonke iirekhodi zeKomishini yeSizwe yaMatye ezikhumbuzo, iArhente yeZibonelelo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika kunye neLifa leMveli eNtshona Koloni ngokunjalo iingqokelela ethile kooVimba beNtshona Koloni noMthombo weRekhodi. Kuthelakelelwa into yokokuba iifayile ezingama-15 576 ziya kuba yinxalenye yenkqubo yokuqala yokufakwa kwikhompyutha ngokunjalo nengqokelela yamafoto nezinye iirekhodi. La maxwebhu akwikhompyutha aya kufumaneka kuluhlu lweenkcukacha zeHWC nooVimba. Ekupheleni konyakamali, iifayile zelifa ezili-1 112 zaskenwa zafakwa kuluhlu lweenkcukacha zeHWC. I Hopkins, Coburn and Green Photograph Collections kooVimba zachongwa ukulungiselela ukuba ufumaneke kubaphandi okokuqala. Ekupheleni konyaka amafoto angama-4 504 afakwa kwikhompyutha.

Ngentsebenziswano neSebe lezeMpilo, iSebe liqalise ngeprojekthi yokutolika kwizibhedlele zephondo ezihlanu eKapa ukuphucula unxibelelwano phakathi kwabasebenzi bempilo nezigulane. Iprojekthi yeEPWP ivela kuphando olwaqhutywa yiKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni ngowama-2008 ngendlela yokusebenza kolwimi kwizibhedlele ezikwiphondo. Ingxelo yophando icebise ngento yokuba iitoliki kufuneka ziqeqeshwe ukunceda ngonxibelelwano ezibhedlela nakwizibonelelo zempilo. Ezi toliki ziyakuba "yibhulorho yonxibelelwano" phakathi kwabantu abangazaziyo iilwimi eziphambili zeNtshona Koloni ezithi zisetyenziswe kwizibhedlela zikarhulumente nakwiikliniki. Ukwangezelela, ukutolika kuya kudinga isixa somvuzo wenkcubeko ukuhambisa imiyalezo ngokufanelekileyo phakathi kwezigulane nabasebenzi. Inkqubo yoqeqesho enzima yanikezelwa yiYunithi yoQeqesho lokuTolika yeYunivesity yaseStellenbosch kubaxhamli abathe baba zitoliki zoluntu kumaziko empilo. Izifundo zeSebe leNzululwazi ngengqondo nazo zanceda ekulungiseni abaxhamli abalungiselelwe lo msebenzi. Unxibelelwano phakathi kwezigulane nabasebenzi bempilo kwizibhedlela zabagula ngengqondo kunye neSibhedlela sokuBelekisa iMowbray zaphuculwa ngokubonakalayo ukususela ekumiliseni kweprojekthi. Impumelelo yaleprojekthi iqaqanjiswe yinto yokokuba, kubaxhamli abali-15 abatyunjwe kuqala, omnye wabo wamkele isithuba esisigxina kwiSibhedlela esitsha eKhayelitsha, omnye ufumene ibhasari ukuba aqeqeshwe njengeneni, yaye abali-12 baza kuqeshwa okwethutyana kwiSebe lezeMpilo yaye baya

kufumana uaqeqesho olungaphezulu. Iinkonzo zoLwimi liya kuqhuba libeke iliso kwinkqubela phambili yabo kunye nophuhliso lwammakhono abo okutolika.

Ulwabiwo oluchongiweyo: INkxaso kwiMibutho yoBugcisa neNkcubeko: R8 500 000

Ukwandisa uphuhliso, ukukhuthazwa nokugcinwa kobugcisa, izabelo ezichongiweyo bezenzelwe ukuxhobisa imibutho yobugcisa esixhenxe, okt. iCape Town Opera, Cape Philharmonic Orchestra, Jazz Art, Dance for All, the Baxter Theatre, WECCMA [uMibutho woMculo weeKwayala weNtshona Koloni] kunye neCape Town City Ballet. Nangona icandelo lalifuna ukuxhasa ngemali imibutho engama-80, inani leminikelo ixhomekeke kuhambelwano lwabenzi bezicelo neemfuno nohlobo nokulunga kwezindululo abazingenisayo. Uluhlu lweejaji oluzimeleyo luqwalasele izicelo ze lenza iingcebiso ukuba nguwuphi ekufuneka uxhaswe ngemali. Isambuku semibutho engama-236 yenza izicelo kodwa ibe yimibutho engama-65kuphela ebe nakho ukufezekisa inqobo zokukhetha zenkqubo yejaji ze yafumana iintlawulo. Inkxaso-mali elungiselelwe iWECCMA yanikezelwa kwiCape Philharmonic Orchestra (CPO) ngokuhambelana nesivumelwano esiya kuthi siqinisekise ukuba iCPO inikezela ngenkxaso nolwakhiwo lwezakhono.

Igama leziko	Isixa-mali esikhutshelweyo R
Cape Town City Ballet	1 500 000
Dance for All	1 000 000
Cape Philharmonic Orchestra	1 500 000
Cape Town Opera	1 700 000
Baxter Theatre	1 044 481
Jazzart	1 000 000
Dance for All (Woelag)	450 519
Cape Philharmonic Orchestra (WECCMA programme)	305 000
Sisonke	8 500 000

2.1.12 Utyalo-mali lwezakhiwo, ulondolozo nesicwangciso lwempahla

Ulawulo lwempahla

ISebe kufuneka liqwalasele imathiriyeli yethala leencwadi njengempahla ukulungiselela unyaka-mali wama-2011/12 endaweni yokunika ingxelo ngayo njengoluhlu lwempahla kwiNngxelo yoNyaka yeMali.

La manyathelo alandelayo athatyathwa ukulungiselela ukuhambelana nale mfuno ichazwe apha ngasentla:

- Ukubalwa kweencwadi zethala okuli-100% kwaqaliswa kumathala eencwadi ephondo nawoluntu kwama-358abandakanya iincwadi ezingaphezulu kwezigidi ezi-6.3. Lo msebenzi waqakunjelwa ngempumelelo yaye iSebe ngokwakaloku nje liphanda ngendawo ezinokuba zikuyo iincwadi ezingakhange zibe nokufunyanwa ngeli thuba kubalwayo.
- UMgaqo-nkqubo woLawulo lweMpahla ophathelelene nemathiriyeli yethala leencwadi wamkelwa yaye uya kumiliselwa kunyaka-mali omtsha.
- Incwadana yeMigaqo yokuSebenza eseMgangathweni ngokwakaloku nje isaqwalaselwa liSebe yaye iya kumiliselwa ngexesha elinye noMgaqo-nkqubo woLawulo lweMpahla.

Ngeli thuba, iCandelo loLawulo-mali leSizwe lirhoxise imfuneko yokokuba imathiriyeli yethala leencwadi kunikwe ingxelo ngayo njengempahla de kube ngunyaka-mali wama-2012/13. ISebe ngoko ligqibe ekubeni linike ingxelo ngemathiriyeli yeThala leeNcwadi njengoluhlu lwempahla ukulungiselela unyaka-mali wama-2011/12.

ISebe livelelwe luludwe lokuqhekezwa kweMyuziyam yaseWorcester ekupheleni kwalo nyaka uphantsi kovavanyo. Uninzi lolu qhekezo lube nomphumela wokubiwa kwentsimbi kwizakhiwo nakwezinye izibonelelo zeziko. Iingxoxo eziqhubekayo kunye neSebe loKhuselo loLuntu neNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika zibe nomphumela wokuphuhliswa kwesicwangciso sokhuseleko esithe samiliselwa ngokwamanqanaba. ISebe lihlenga-hlengise uhlahlo lwabiwo-mali ngokubaluleka ukuqinisekisa ngento yokuba awona macandelo asesichengeni othango olungumjikelo ozinyawo ezintandathu kwindawo ezihektare ezili-14 anakho ukuqiniswa ngothango locingo oluhlabayo lokhuseleko. Icacace gca ngexesha leengxoxo noogunyaziwe abafanelekileyo into yokuba oku kwanda kubonakalayo kulwaphulo-mthetho kwimyuziyam kuyimbonakalo yobume kummandla waseWorcester uphela yaye unxibelelane kakhulu nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi namaqela emigulukudu. Izicwangciso sele zenziwe ezilungiselela ukuhlaziya icandelo eliseleyo kwisithuba sonyaka-mali olandelayo.

Isixokelelwano sokuhlaba umkhosi (alarm system) kwiMyuziyam yaseWorcester iphuculwe yaye imiqathango imiliselwe ukuqinisa ukhuseleko kwezinye iimyuziyam.

Ukulondolozwa

Ukulondolozwa kwazo zonke izakhiwo kwenziwa liSebe leMisebenzi kaRhulumente nezothutho ngokwemiqathango yesiCwangciso soLawulo lokuSetyenziswa kweMpahla yeDCAS seminyaka emithathu. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo alithwali zindleko zankcitho zolondolozo lwezakhiwo kwisithuba sonyaka-mali ophantsi kovavanyo.

2.2 Indlela yokusebenza yenkqubo

Imisebenzi yeSebe lemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo iququzelelwa kwezi nkqubo zilandelayo:

- Inkqubo 1: ULawulo;
- Inkqubo 2: ImiCimbi yeNkcubeko ;
- Inkqubo 3: IiNkonzo zeThala leeNcwadi nooVimba; kunye
- Inkqubo 4: EzemiDlalo noLonwabo.

2.2.1 Inkqubo 1: ULawulo

Injongo

Ukuqhuba ulawulo olupheleleyo nenkxaso yolawulo kwiSebe.

Iinjongo zeqhinga

- Ukulawula nokunikezela ngeenkono zeqhinga zolawulo ezisebenzayo nezifanelekileyo kwiSebe, kubandakanywa namacandelo karhulumente;
- Ukunikezela ngenkxaso yomabhalane, yezixhobo zokusebenza, uthungelwano kulawulo/kwiofisi nakwipalamente;
- Ukungenisa kwiziko iNkqubo esebenzayo yokuPhuculwa koLawulo lweMali (FMIP); yaye
- Nokulawula nokumiliselela imigaqo-nkqubo nokungundoqo ibe ngamaqhinga okusebenza kwiSebe lemiCimbi yeNkcubeko nemiDlalo.

Imiqondiso yendlela yokusebenza nekujoliswe kuko – izifzekiso ezinganxulumananga nokujoliswe kuko kunikezelo lwenkonzo

- Izicwangciso zokuqhubeka koshishino zaphuhliswa zaze zamkelwa kulungiselelwa zonke iiofisi zeDCAS ukuze zibonise iinkqubo ngokubanzi ekufuneka zisetyenziswe xa kuthi kwakho isehlo sokuphazamisa (okanye impatho yomntu) esichaphazela ukusebenza kweSebe.

- IOfisi yezeMidlalo yeSithili saseBoland yafuduselwa kwindawo efanelekileyo ese-No. 11 van der Lingen Road, ePaarl ukulungiselela ukuba iofisi ifumaneka lula kuluntu yaye ngaphezulu ukukhuthaza ngokufanelekileyo umsebenzi weSebe.

INkqutyana 1.1: IOfisi yoMphathiswa

Umqondiso wokwenziwa komsebenzi	(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano	
		Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)		
1.1.1	lintsuku ezi-3 zokuphendula kuwo onke amaxwebhu angenisiweyo kule ofisi nembalelwano eya kuMphathiswa	lintsuku ezi-5	lintsuku ezi-3	Ezi 3 ukuya kwezisi-7	-

INkqutyana 1.2: linkonzo eziManyeneyo

Umqondiso wokwenziwa komsebenzi	(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano	
		Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)		
1.2.1	Uphuhliso/umiliseko/nokulondolozwa kwesicwangciso-nkqubo soxhobiso sabasebenzi bezemali	1	lintsuku ezi-3	Ezi 3 ukuya kwezisi-7	-

INkqutyana 1.3: linkonzo zolawulo

Umqondiso wokwenziwa komsebenzi	(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano	
		Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)		
1.3.1	Ukumiliselwa kwemisebenzi yokunikezelwa kwenkonzo okuhambelana neBatho Pele	8	6	6	-
1.3.2	Inani leemvavanyo eziqhutyweyo (ezinxulumene nokubekwa kweliso novavanyo)	3	3	3	-

2.2.2 INkqubo 2: ImiCimbi yeNkcubeko

Injongo

Ukukhuthaza, ukuphuhlisa, ukulawula nokuguqula ubugcisa, inkcubeko, imyuziyam neenkono zolwimi nokulawula ukuchongwa nokulondolozwa kwezibonelelo zenkcubeko nezembali zeNtshona Koloni ukulungiselela isibonelelo sezizukulwana ezikhoyo nezexesha elizayo ngokunikezela ngeenkono ezahlukeneyo njengoko zifunwa yaye zichazwe ngumthetho ofanelekileyon.

linjongo zesicwangciso-qhinga

- Ukuqhubela phambili amacandelo obugcisa nemisebenzi yenkcubeko ukulungiselela into yokuba zibe ngamathuba alungileyo ukulungiselela uluntu kwiNtshona Koloni;
- Ukubonelela ngenkxaso esebenzayo nefanelekileyo yobuchule neyolawulo kumacandelo karhulumente angama-31 kunye namaziko karhulumente apho iSebe linesigunyaziso sokongamela kuwo, nokubeka iliso nokuvavanya imiphumela yala maziko;

- Ukukhawulezisa inguqu kwimbonakalo yobume belifa lemveli leNtshona Koloni ngokunikezela ngeenkono ezahlukeneyo ukulungiselela ukulondoloza, ukuphuhlisa nokukhuthaza ilifa lePhondo ngokusetyenziswa kweenkono zemyuziyam ezamkelweyo kunye namaziko awamkelweyo elifa lemveli;
- Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukubuyisela isidima kokungalingani kweelwimi kwexa elingaphambili nokukhuthaza uphuhliso eNtshona Koloni kweelwimi ebezingajongelwe ntweni kwixesha elingaphambili, ngokunjalo noLwimi oluthethwa ngeminwe loMzantsi Afrika; yaye
- Nokukhuthaza imicimbi enokuthi ibe negalelo elwakhiweni lwesizwe nenguqu.

Imiqondiso yendlela yokusebenza nekujoliswe kuko - izifezekiso

ULawulo

Ingxelo ngokuqhutywa kweNkqubo Eyandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente ibonakaliswe ngasentla phantsi komhlathi 2.1.11: IMinikelo yoXhomekeko neengxowa-mali ezichongiweyo.

Ukukhuthazwa kwezobugcisa, inkcubeko nokhenketho lwelifa kubonelela ngophuhliso loqoqosho, kubonise italente yeNtshona Koloni, ze kubhiyozele ilifa lethu, kumandla kamasipala weKapa nangokunjalo kwimimandla esemaphandleni. Iintlawulo ezikhutshelweyo zenziwa kwinqanaba elithile lemibutho ukulungiselela ukufezekisa ezi njongo.

- KwiABSA KKNK yowama-2011 eOudtshoorn, ogqwesileyo kuMnyhadala weDrama yeSithili saseEden ngowama-2011/12 –yaba yiKairos Drama Group evela eHeidelberg –yanikwa ithuba lokwenza umdlalo wayo othi *Up in Smoke*, zeabalingwa ababini kulawulo lwezobugcisa banikwa ithuba lokusebenza kumalungiselelo omnyhadala.
- Inkxaso kwiCape Town Carnival (imigcobo eyenziwa esitalatweni eyenziwa ngomhla wama-24 kweyoKwindla wama-2011 kwiFan Walk kwisixeko) inikezela ngeqonga ukubonisa amagcisa asakhulayo achongwe liSebe kwimisitho emikhulu.
- leBhunga leSizwe leGriqua lifumene inkxaso yezidlo ukubhiyozelela ukubhengezwa nokutyhilwa kwelitye lesikhumbuzo elibhengeza iRatelgat kufutshane neVanrhynsdorp njengendawo yelifa yephondo. Inkqubo yemfundo iya kuqaliswa ukuqinisekisa ngento yokuba indawo ikhuselekile ukulungiselela isizukulwana sexesha elizayo nokulawula ngokuhambelana nezithethe nemigangatho ethiwe thaca liLifa leMveli leNtshona Koloni.

ISouth Atlantic Arts and Culture Trust yafumana inkxaso yokusingatha ikonsathi esimahla yomngqungqo Square ngesithuba soMnyhadala woMngqungqo waseKapa ekupheleni kweyoKwindla wama-2012. Oku kubonelele amaqela engingqi entambula namagcisa ngamathuba okudlala kunye nabadlali bentambula abasele bezinzile besizwe nabehlabathi.

- Kwisithuba sokubankwa kweDie Burger Suidoosterfees ngeyoMdumba wama-2012, iqela ledrama lasemaphandleni elivela eBeaufort West lafumana inkxaso yokubonisa umboniso walo yaye abalingwa abathathu banikwa ithuba lokufumana amava besebenza okuququzelela nokulungiselela umsitho onjalo.
- Abalingwa abathathu bafumana amava okulawula ubugcisa nolawulo lomsitho ngokunjalo namakhono obuchule ngesithuba soMnyhadala waseKapa owathi wakho kweyoKwidlawama-2012 eBellville neengingqi. ISebe ngokunjalo lincede abadanisi neemvumi ezisakhulayo ukuba zizibonakalise kuMnyhadala.

Ukukhuthaza ukulunga nokubulela iminikelo eyenziwe ngumntu ngamnye nemibutho ekwimicimbi ebanzi ekwiqonga lezenkcubeko ngowama-2011, abaxhamli abangama-22 nabameli bamaziko okanye imibutho kwiNtshona Koloni iphela abazimase umsitho wokunikezelwa kwamabhaso obugcisa bonyaka, inkcubeko, iimyuziyam, ilifa lemveli namagama endawo, amathala eencwadi, ulwimi noovimba.

AMABHASO ONYAKA OBUGCISA, INKCUBEKO, IIMYUZIYAM, ILIFA LEMVELI, ULWIMI, ITHALA LEENCWADI NOOVIMBA KUNYAKA WAMA-2010/11	
Icandelo	Abaxhamli
Ubugcisa nenkcubeko	
Umnikelo kubugcisa obubonwayo	Faiqah Abrahams, eKapa
Umnikelo wobugcisa bemidlalo: Umdaniso	Edmund Thwaites, eKapa
Umnikelo wobugcisa bemidlalo: iDrama	Zip Zap Circus School, eKapa
Umnikelo wobugcisa bemidlalo: UMculo	Music van der Caab Heritage Development, saseCape Winelands iSithili
Umnikelo womsebenzi wezandla	Frik van Jaarsveld, eVanrhynsdorp
Umnikelo wokukhuthaza abalimeleyo kubugcisa	South African Circle of Dance, eKapa
Umnikelo ekulondolozweni nokukhuthazwa kobume bobugcisa bemveli	Intsika Yamanyange, Philippi, eKapa Bitterfontein Riel Dance Group
IiNkonzo zeMyuziyam neeMyuziyam:	
IMyuziyam yonyaka eNtshona Koloni	The Whale House, Old Harbour Museum, eHermanus
Iprojekthi yeMyuziyam entsha yoNyaka eNtshona Koloni	Imiboniso emitsha "People of Beaufort West" kunye ne"Christiaan Barnard – heart transplant pioneer", kwiMyuziyam yaseBeaufort West
ULawulo lwezibonelelo zelifa leMveli	
Umnikelo obhekiselele kulwazi loluntu kunye/okanye amaxwebhu ezibonelelo zelifa leMveli leNtshona Koloni	UJohan Klaasen, eAmiston
Umnikelo obhekiselele kukukhuthazwa kweprojekthi yenzululwazi ngezakudala (kubandakanywa ubugcisa obenziwe ngelitye nolawulo) yemfundo ngezidalwa zamandulo okanye yenzululwazi ngemozulu eNtshona Koloni	UYvonne Viljoen weqela iCederberg Rock Art lesebe leNtshona Koloni leSouth African Archaeological Society
INkonzo yeeLwimi	
Ukukhuthazwa kokuthethwa kweelwimi ezininzi ngokusetyenziswa kweelwimi ezisesikweni	UGq. Michael le Cordeur, IYunivesiti yaseStellenbosch
Amagama eendawo	
Umnikelo obhekiselele ekubekweni emgangathweni nolwazi lolunzi ngamagama endawo eNtshona Koloni	Elsworth McPherson, IYunivesiti yeNtshona Koloni
Inkonzo yethala leencwadi	
Ithala leeNcwadi loLuntu loNyaka eNtshona Koloni	Ithala leeNcwadi laseRocklands, Mitchell's Plain, eKapa
Ithala leeNcwadi loLuntu loNyaka: iNkonzo elungileyo yabantwana	Ithala leeNcwadi loLuntu laseDrakenstein
IiNkonzo zoLawulo looVimba neRekhodi	
Umnikelo obhekiselele kwintengiso yeenkonzo zoovimba nezibonelelo	USebastian Pistor, eRobben Island International Historical Society
Amabhaso oMphathiswa	
Ufezekiso oluqaqambileyo lwabantu ababhinqileyo abakubugcisa, kwinkcubeko, kwilifa, kulwimi, kumathala eencwadi, kwiimyuziyam noovimba	U Rhode Snyman, Operational Manager, Absa KKNK
Ufezekiso oluqaqambileyo lolutsha abakubugcisa, kwinkcubeko, kwilifa, kulwimi, kumathala eencwadi, kwiimyuziyam noovimba	U Brandon Phillips, Ophumelele uKhuphiswano lwaBabhexeshi leLen van Zyl lesizwe lowama-2010 nelungu leCape Philharmonic Orchestra
Umnikelo wesizwe nowehlabathi kubugcisa, inkcubeko, ilifa lemveli, ulwimi, amathala eencwadi, iimyuziyam noovimba	Njing. Jan du Plessis noNjing. Christo Viljoen ngesichazi-magamaaa sabo sesiNgesi/isiBhulu esaziwa njengeDictionary on Space Terminology, eStellenbosch
Ufezekiso lobomi bonke kubugcisa, kwinkcubeko ilifa ulwimi, kumathala eencwadi, kwimyuziyam noovimba	Njing. JC (Kay) de Villiers, uSihlalo, weCape Medical Museum, eKapa

EzoBugcisa neNkcubeko

Kwisithuba sonyaka-mali wama-2011/2012, icandelo loBugcisa neNkcubeko livelelwe bubunzima bokufuna ukuxhasa ukucela koluntu oluhlangeneyo apho bonke abantu: 1) banethuba lokuphuhlisa

iitalente zabo; yaye2) bazisebenzisa ezi talente ukwenza umnikelo oneziqhamo kuluntu. Eli phulo laqhutyelwa phambili kukuzibophelela nokuzinikela kwabasebenzi ukwenzela ukuba banike intsingiselo kwimiba ephambili yesicwangciso-qhinga yeSebe: uthelelwano; uphuhliso lwetalente; ukuyilwa kwamathuba; ukubandakanywa koluntu; nokuhlanganiswa. Injongo yeenzame zabo kukufumana injongo yesingcwangciso-qhinga yokuqhubela phambili icandelo lobugcisa kunye nemisebenzi yenkcubeko ukulungiselela ukuxhaswa ukuvela kwamathuba anesakhono.

Ngesibonelelo senxaso yesebe, amagcisa athembisayo ancediswa ukuba aphakamise inqanaba labo lobuchule balise kwelilandelayo – ukusuka kuyilo ngokutsha ukuya kwisixhobo sokuzazisa ngokwabo apho banganakho ukufumana ngokunjalo isibonelelo esithe ngqo soqoqosho.

Indlela yoorhulumente yamkelwa kunye neSixeko saseKapa ukulungiselela ukuyilwa nolwamkelo lwesiCwangciso-nkqubo soLwahluko sePhondo leNtshona Koloni ze yamkelwe nguMphathiswa. Isicwangciso-nkqubo sabele indawo ezithe ngqo kwiiforam zolwaluko ezahlukeneyo yaye sisiseko esilungiselelwe ukubekwa kweliso kwinqanaba lengingqi leenkqubo zolwaluko zeEPWP koomasipala owaseBitou naseKnysna. Uqeqesho lwabalolongi lube nomphumela weendlela ezikhuselekileyo kwisithuba sexesha lolwaluko yaye akubangakho zingxwelerha ekunikwe ingxelo ngazo kwisithuba seli xesha. Uqeqesho olunikezelweyo ngokuhambelana nesi sicwangciso-nkqubo lukhokhelele ekuphuculweni kwendlela yokuqhutywa kolwaluko, ukusetyenziswa kwabasebenzi abaqeqeshiweyo, nentsebenziswano phakathi kwamalungu oluntu, imibutho yoluntu norhulumente.

Ngentsebenziswano neArtscap Theatre neBaxter Theatre incede imiboniso yasemaphandleni ukuba iboniswe kumanqwanqwa asetyenziswa ngabanobuchule. Oku kunike amagcisa akumaphandle ukuchanatywa kubasebenzi abanobuchule abathe banikezela ngoqoqosho kokubhaliweyo nakuphuhliso lwedrama, ngokunjalo noqeqesho kwimiba yobuchule besandi, ukukhanya nokulawulwa kweqonga. Le misebenzi yandisa ikhono labasebenzi basethiyetha boluntu abasaqingqayo, ibanceda ukuba bafezekise inqanaba lobuchule lendlela yokusebenza. Amagcisa amabini asemaphandleni anikwa ithuba lokuvavanyelwa ubulinganiswa kuluhlu lwebali likamabonakude u7de Laan, ze kamva bakhe babonakala ludlala kulo mboniso. Inkqubo yoqeqesho engqongqo ibe nomphumela wokuphucula imigangatho yemidlalo yeqonga. Ufezekiso olubonakalayo kule meko yaba kukuboniswa kwinqonga kwemiboniso emine kwiDie Burger Suidoosterfees ngeyoMdumba wama-2012 kunye neminye imiboniso engaphezulu emine eZabalaza Drama Festival kwiBaxter Theatre kweyoKwindlawama-2012. Kwimiboniso engama-21 ekwiZabalaza Festival, abaxhamli abathathu belinge lisebe batyunjelwa ukufumana amabhaso, angala umlinganiswa oyindoda ogqwesileyo, umlinganiswa obhinqileyo ogqwesileyo kunye nomlinganiswa obhinqileyo oxhasayo obhinqileyo. Igalelo lala mangenelo anyuse inqanaba lomdla nokuzikhathalela phakathi kwamagcisa kunye noluntu apho ahlala khona.

Imisebenzi yecandelo ibe ikukulandela isicwangciso-nkqubo esijolise ekuyileni amathuba kwangeli xesha kuphuhliswa yaye kukhuliswa italente. Le njongo iwujolise nzulu umsebenzi kuluntu yaye zonke iinjongo ezicwangcisiweyo zibe neziqhamo. Into engunobangela wempumelelo kukumisela indlela esekwe kuphando ephelileyo yaye ehlangeneyo xa kuqikelelwa iVeki yoBugcisa kwingingqi yeCentral Karoo. Olu ngenelelo lwesebe lujolise ekwakheni ikhono lobugcisa nelombutho loluntu kwiCentral Karoo, kubandakanywa iMerweville, iPrince Albert, iMurraysburg, iLaingsburg neBeaufort West. I Veki yoBugcisa ivelise uhlobo olutsha kummandla, ongulo ibalana istand-up. Le incede iqela labahlekisi abathe ngaphambili bazisebenzisela iitalente zabo ukonwabisa nje abantu abakufutshane kubo ukulungiselela ukuba bafumane ubuncinane besibonelelo soqoqosho ngenxa yekhono labo lokuhlekisa.

Intsebenziswano esondeleleneyo phakathi kweSebe, iDie Burger Suidoosterfees neZabalaza idlale indima ephambili ekuchongeni, ekukhuthazeni nasekukhuliseni italente kuluntu lwasemaphandleni obeluvinjwe amathuba ngaphambili kwiCentral Karoo. Esi siqalo sivuselele izibonelelo ezivela kwicandelo langasese kumasipala, kumaphepha-ndaba engingqi nakwiRadio Leeu Gamka ukunceda umsebenzi wobugcisa nenkcubeko olungileyo ukuba uqhube kuluntu lwengingqi. Elona galelo lingundoqo lolu ngenelelo yintsebenziswano esondeleleneyo eqhubekayo yobudlelwane phakathi kwabachaphazelekayo kwingingqi. Imisebenzi emininzi neenkqubo zenze umsebenzi wesiseko ukulungiselela uphuhliso lwezooqoqosho nololuntu lobugcisa kwiCentral Karoo.

Iindibano zeengxoxo ezahlukeneyo ezibanjwe eLaingsburg nasePlettenberg Bay ngumboniso ongaphezulu wendlela ekunokufunyanwa ngayo ikhono kumsebenzi wezandla, liphuhliswe ze kamva libe ngumthombo woqoqosho loluntu. Abathabathi-nxaxheba kule nkqubo bachanatywa kuphuhliso

Iwemveliso nokuthengisa kobu bume bezobugcisa. Izinto ezivelisiweyo zisetyenziswe njengezipho ukulungiselela umsitho wamaBhaso oNyaka, umsitho oququzelelwe liSebe ukubulela umnikelo wamagcisa nabasebenzi kubugcisa, kwinkcubeko, kwilifa, kulwimi, kumathala eencwadi, kuvimba nemiba yeemyuziyam. Abathabathi nxaxheba abaqeqeshiweyo kule nkqubo babelana ngokwakaloku nje ngekhono abalifunde nezikolo kwingqingqi emva kweeyure zesikolo.

Inkqubo eyaziwa njengeCreative Spaces luthelwano noMetrorail ngokuhambelana nendlela obuthi ubugcisa bubonakaliswe ngayo kwindawo engenanto evulelekileyo yoluntu kwiSitishi saseKapa. Oku kutsale umdla omkhulu kubakhweli yaye yayinzame eyenziwa licandelo yokufuduka kwingcingane yokuba ubugcisa bunokuboniswa kwithiyetha namaholo emiboniso. Ithe ngokunjalo yalungiselela into yokuba icandelo lipapashe imisitho yalo kwincwadana yendaba ephuma nqho ngeveki eyaziwa ngokuba yi*The Blitz* yaye inikezele ngethuba lokokuba umsebenzi oyiliweyo kwinkqubo yobugcisa ube nokupapashwa kumakhareji etreyini.

Amava afumaneka kulo nyaka uphantsi kovavanyo abonise into yokuba uluntu alunamdla nje kuphela kwixabiso lolonwabo lobugcisa, kodwa lufuna izixhobo oluzidingayo ukulungiselela ukukhula ngaphezulu nokuphuhlisa amakhono alo nobuchule. ISebe lisabele ngokuququzelela uqeqesho olulodwa olungaphezulu ukulungiselela amaqela amancinane. Imizekelo ibandakanya iiKlasi ezikwinqanaba eliphezulu zomculo ezinikezelwa yiSouth Atlantic Arts and Culture Trust ngokunjalo neendibano zengxoxo ezingokurekhoda, zokuthengisa, ilungelo lombhali lokushicilela nokuthengisa umsebenzi wakhe nothungelwano kwicandelo lomculo. Icandelo liququzelela iinkqubo zokumanyanisa ukuzisa kunye imibutho enezibonelelo yaye liqhubeka nenkqubo yalo yokulingwa.

Uqeqesho nophuhliso lwamakhono luqala kwiinkqubo zeholide kubugcisa bokusetyenziswa kobugqili bepapethi kunye nedrama ngokunjalo noqeqesho kubugcisa obubonakalayo. Inani lemisitho eququzelelweyo likudlule le obe kucwangcisiwe kujoliswe. Oku kube ngumphumela wamaqabane angaphezulu azimisele ukumanyana nokunikela ngezibonelelo zabasebenzi nezemali nje ukuba babone igalelo kunye nexabiso lwemisebenzi yecandelo kuluntu.

I The Kaapse Klopse Karnavalyenye yeendawo zokhenketho lwenkcubeko zokhenketho neminyhadala engundoqo yenkcubeko eKapa. Iqulathe inani leematshi zasesitalatweni nokhuphiswano olubanjwe yimibutho emininzi kubandakanywa iiMinstrels, Nagkore (Malay Choirs) neeKwayala zeKrismesi. ISebe libonelele ngesambuku sesixa-mali esisi-R1 999 931 ukulungiselela le migcobo. Kwesi sambuku, yaye nokulungiselela ukulungelelanisa ukuthengwa kwempahla namalungiselelo othutho abathabathi-nxaxheba ukulungiselela uNyaka Omtsha wesiBini weKhanivala yeKlopse Karnaval nezinye iimatshi, iSebe lifune isithuthi kunye neenkonzo zonyango ezisele zisemlindweni ngeendleko ezisi-R1 034 135, yaye loyise inani lemingeni elibe lijamelene nayo kwiminyaka engaphambili. Akukho nanye ibhodi kwezo zithabatha inxaxheba evakalise ukunganeliseki. Ngokwenyani, zilicomile iSebe ngendlela inobuchule nokuba phandle eliphethe ngayo inkqubo. Ukwangezelela, iSebe lenze umnikelo wemali obhekiselele kukhuphiswano olwnadulela iimatshi zasesitalatweni.

Inkqubo yokwenziwa komsebenzi ngezandla waqapashwa kwiDie Burgernakwinkqubo kamabonakude iPasella.

INkonzo yeMyuziyam

Unyaka ophantsi kovavanyo wabonakala ngezifizekiso ezininzi ezi zenza umnikelo obonakalayo ekunikezelweni kweenkonzo zemyuziyam kwiNtshona Koloni. Olunye lolu fezekiso olubonakalayo luchazwe ngasezantsi.

- *UMgaqo-nkqubo OYilwayo weMyuziyam weNtshona Koloni:* Njengoko uchaziwe kwicandelo lomgaqo-nkqubo ongasentla, umphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo undulule uMgaqo-nkqubo oYilwayo weMyuziyam weNtshona Koloni ngoFebruwari wama-2012.
- *Ukubhengezwa kwemyuziyam entsha encedwa liphondo:* ngeyoMdumba wama-2012 iKhabhinethi yeNtshona Koloni yamkele isibhengezo seLwandle Migrant Labour Museum njengemyuziyam encedwa liphondo. Le yimyuziyam entsha yokuqala ukungena kwinkqubo ukususela ngowe-1994. Umxholo wemyuziyam wabasebenzi abafudukayo emva kwexesha elithile lomsebenzi uzise umlinganiselo omtsha kwiNkonzo yeMyuziyam yaye wabonelela ngethuba lokukhuthaza imbali emtsha ebandakanyayo kubantu abamameleyo abatsha.

Iimyuziyam ifumene inkxaso-mali ngokwalameneyo evela kwiSebe yaye izithuba ezibini kwimyuziyam zixhaswe ngemali ngokobume babasebenzi beSebe.

- *Intlanganiso zabameli bezigqeba ezilawulayo neentloko zeemyuziyam:* INkonzo yeMyuziyam ibambe intlanganiso yayo yonyaka ngoJuni wama-2011. Lo msitho unikezele ngethuba kubalawuli beSebe ukuba banxibelelane noozihlalo bazigqeba ezilawulayo beemyuziyam ezamkelweyo ezingama-28 kunye nabaphathi bemyuziyam kuludwe lwemiba yenkxalabo kwicandelo. Intlanganiso eyangaphezulu kwale yabanjwa ngeyoMdumba wama-2012 ukundulula nokuxoxa uMgaqo-nkqubo oYilwayo weMyuziyam weNtshona Koloni nokuqalisa ukunika ingqwalasela kumalungiselelo ethutyana alungiselelwe iimyuziyam ezamkelweyo.
- *Ukuphuculwa kokhuseleko kwiMyuziyam yaseWorcester:* Ngenxa yemingeni enzima yokhuseleko kwiMyuziyam yaseWorcester, iSebe liphucule ukhuseleko kwindawo leyo. Oku kubandakanye uhlaziyo lwesixokelelwano sentlaba-mkhosi (ialarm) nokufakwa kocingo olusikayo kwimimandla ethe yachongwa liSebe loKhuselo loLuntu njengesesichengeni. Ukhuseleko kwimyuziyam lusele luyinkxalabo enkulu.
- *Imiboniso esuswayo:* INkonzo yeMyuziyam indulule umboniso ohanjiswa ojolise ekusetyenzisweni kwezityalo ezingamayeza kuluntu. Lo mboniso ukhuthaza izinto ezahlukeneyo zendalo nokulondolozwa kwezityalo ezingamayeza eNtshona Koloni. Bekufanelekile ukuba lo mboniso uqaliswe kwiMyuziyamyaseMontagu ngenxa yokuba yonxulumano lwemyuziyam nokukhuthazwa kolwazi kunye nokumalunga nokusetyenziswa kwezityalo ezingamayeza. Umboniso wavulwa kuCanzibe wama-2011 ngoSuku lweHlabathi lweMyuziyam nguGq. Ivan Meyer, uMphathiswa wephondo onoxanduva lokujongana neMicimbi yeNkcubeko nezemiDlalo.
- *Umboniso omtsha osisigxina kwiMyuziyam iTogryers eCeres, phakathi kwezinye izinto, engembali yokufuduswa ngenkani, Ukuhlaliswa kweNduli nembali yepoliti yokwala yedolophu:* INkonzo yeMyuziyam yenza uphando ze yaxhoma umboniso osisigxina ukunika ingqwalasela kukunqongophala kwengcaciso emalunga namabali oluntu olwaluvinjwe amathuba ngaphambili lwaseCeres, ngakumbi umnikelo owenziwa ngabantgu abaNtsundu baseAfrika nabantu bebala kuphuhliso loqoqosho lwentlalo nezopolitiko kwidolophu. Lo mboniso unikezela ngembali yomlomo yokuqala yeSakkiesbaai, ngokunjalo nomnikelo woqoqosho wemveliso yeziqhamo noshishino lokuyiguqula enxulunyaniswa ngokwembali nedolophu. Ibonelela ngokunjalo ngengcaciso emalunga nokususwa ngenkani kunye nefuthe lomthetho wocalucalulo eCeres, ngokunjalo nembali yokukhululwa neepolitiki zokwala kwingingqi. Umboniso waxhaswa ngemali liBhunga leLifa leSizwe. Iprojekthi iyile amathuba emisebenzi noqeqesho kulungiselelwa abantu abathathu abalulutsha ababengasebenzi ngaphambili. Umboniso uvulwe ngomhla wama-20 kweyeDwarha 2011 yaye incwadana eyaziwa njenge*Recording Your Community History: Nduli, a Case Study*ahdululwa kulo msitho.
- *Umboniso omtsha osisigxina kwiMyuziyam yaseBeaufort West: Abantu nenkolo eBeaufort West:* Okuqulathweyo nemiboniso yemyuziyam iguqulwe ngokuphuhliswa komboniso osigxina othi wazise yaye ufundise abatyeleli malunga ngembali yeDutch Reformed Mission Church yaseBeaufort West kunye nebandla layo. Ukusekwa kwenkcukacha zolwazi ezikwikhompuyutha ezisekwe kuluntu eziqulathe imbali yengingqi, umnombo neefoto ayinxalenye yeprojekthi yaye ziya kwandiswa yimyuziyam ngentsebenziswano kunye nabantu baseBeaufort West.
- *Uqingqo leProjekthi yeNyanga:* Eli phulo litsha leNkonzo yeMyuziyam lilithuba elilungiselelwe iimyuziyam ezamkelweyo ukubonisa uqingqo olutsha okanye ingqokelela yezinto ezincinane ezingafani ziboniswe. Umboniso omtsha uboniswa ngenyanga nganye, othi ubuyise abatyeleli abaqhele imiboniso yesigxina yemyuziyam. Iimyuziyam zizama ukwenza unxibelelwano olusekwe kumava ngokuthi zibonise uqingqo olungaqhelekanga ze babuze uluntu ukuba lukholelwa ukuba yintoni injongo okanye ukufaneleka koqingqo olo. Le ndlela itsala umdla kubabukeli abalulutsha.
- *Uphuhliso lwenkqubo yemfundo kwiimyuziyam ezamkelweyo:* Kwisithuba sonyaka-mali wama-2011/12 iNkonzo yeMyuziyam iphuhlise iinkqubo ezine zemfundo ezilungiselelwe iimyuziyam ezamkelweyo nabafundi. Ezi nkqubo zinikezela ngenkxaso ezilungiselelwe iziphumo zeNgxelo yeKharikyulam yeSizwe ze zazibeka iimyuziyam njengamaziko emfundo. Iinkqubo zibonakele zithandwa ngootitshala nabafundi ngokufanayo yaye iimyuziyam ezamkelweyo zinike ingxelo

yokokuba ukwanda okubonakalayo kwinani labathabathi-nxaxheba kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo ukuya kuma-36 750, kwelo nani ama-15 564 ebekwimyuziyam zephondo. Okuqaqambileyo kwezi nkqubo zine zemfundo yincwadana ekuphiswe ngayo liBhunga leLifa leMveliyeSizwe eyaziwa ngokuba yi*Recording Your Community History: Nduli, a Case Study*. Incwadana yangezelela inkqubo yokufunda esesikweni kuba ibonelela abafundi, abaphandi nabafak' isandla kwilifa ngezikhokhelo ezilungiselelwe ukurekhoda imbali yoluntu lwabo. Oku kusebenza njengesixhobo sokubuyisela ukungalingani kwexesha elidlulileyo ngendlela iimyuziyam ezirekhoda imbali yendawo nabantu bayo. Ezinye iinkqubo ezintathu zibe: yinkqubo yemfundo yeNobel Square; inkqubo yezityalo eziliyeza; nenkqubo yemfundo engenzululwazi ngokwakha iGeorge ukukhumbula ukusekwa kwedolophu kwiminyaka engama-200 eyadlulayo.

- *Iindawo zomzabalazo nenkululeko eNtshona Koloni* (iindlela zokhenketho lwenkcubeko): Kwintetho yakhe yohlahlo lwabiwo-mali lowama-2010/11 uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo uGq. Ivan Meyer ubhengeze into yokuba iNkonzo yeMyuziyam iya kuqulunqa uluhlu lweenkcukacha zolwazi ezikwikhompyutha zeendawo ezinxulumene nomzabalazo wenkululeko eNtshona Koloni. INkonzo yeMyuziyam iqhube iprojekthi yophando ukuchonga nokubhala kuxwebhu iindawo ezinentsingiselo eyodwa yobu bume kuluntu olwahlukeneyo. Ungeniso ngalunye luqulathe umfanekiso, idilesi yendawo kunye nesicatshulwa esifutshane sembali esimalunga nendawo. Iindawo ezibandakanywe kolu xwebhu ziyahlukana ukusuka kwiinkumbulo zemfazwe, kwizikhumbuzo, iindawo zedabi, izakhiwo, izitalato, kunye neendawo zokufuduswa ngenkani nempixwano yezepolitiko. Le ibe liinqanaba lokuqala leprojekthi yaye kulindeleke ukuba uluhlu lweendawo eNtshona Koloni ziya kwandiswa ekuhambeni kwexesha. Ingcaciso isaguqulelwa ngokwakaloku nje yaye iya kufakwa kwiwebhusayithi yeSebe ngazo zontathu iilwimi ezisesikweni.

ULawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli neeNkonzo yaMagama eeNdawo

INkonzo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli

Indima ephambili yeNkonzo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli kukubonelela ngenkxaso yobuchule, yolawulo nobugcisa kwilifa leMveli leNtshona Koloni – ugunyaziwe wolawulo lwezibonelelo zeLifa leMveli lePhondo.

Isebe, ngentsebenziswano neHWC nakumoya wokuqhubela phambili iNjongo yesiCwangciso-Qhinga sePhondo 8: "Ukuthatyathwa kwenxaxheba luluntu nokubandakanywa", lilungiselele isikhumbuzo soSuku okuKhululwa kuBukhoboka engomhla woku-1 kweyoMnga wama-2011. Imisitho yabanjwa eElim nasePniel Mission Settlements indawo equlathe ilifa elibambekayo nelingabambekiyo elinxulumene nokukhululwa kwamakhoboka. Ukwangezelela iinkonzo namanye amaziko kwiphondo liphela akhuthazwa ukuba abethe iintsimbi zawo ngentsimbi ye-12 emini maqanda ngoSuku lokuKhululwa kwamakhoboka. Kuxhitywe kwinto yokuba inani labathabathi-nxaxheba liya kuba lisanda ukususela kwiqalelo elithembisayo elithe lenziwa ngowama-2011.

Abasebenzi ngokunjalo banoxanduva lokuvelisa iphamflethi nokuzihambisa ukukhuthaza iindawo zeLifa zephondo ezisandula ukubhengezwa, okt. iCommunity House eSalt River, eKapa (engumqondiso womoya ohlangeneyo wentshukumo yesininzi yabasebenzi abathi banempembelelo ekupheliseni ucaculo) kunye ne Ratelgat (indawo yelifa leMveli ebalulekileyo yamaGriqua kufutshane neVanrhynsdorp).

INkonzo yaMagama eeNdawo

Unyana ophantsi kovavanyo ubone unyaka wonke apho inkqubo yophando ngemvelaphi yamagama endawo kwiphondo yaqaliswa ngokuzinzileyo. Le nkqubo yovavanyo iyafuneka ukuqinisekisa ngokulunga kopelo nolwimi olusetyenzisiweyo kumagama asele ekho endawo nokuqinisekisa ngemvelaphi yala magama. Umsebenzi waqaliswa ngumphandi omnye obe nakho ukuvavanya amagama angama-405 apha enyakeni.

IKomiti ekhoyo yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni (WCPGNC) yatyunjwa kwisithuba sonyaka-mali odlulileyo. Isigunyaziso sayo esisemthethweni sivela kuMthetho weBhunga laMagama

eeNdawo woMzantsi Afrika, we-1995 (uMthetho 59 we-1995). IKomiti liqumrhu lengcebiso kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo nakwiBhunga leSizwe laMagama eeNdawo. Ilangene amaxesha amathathu kwisithuba sowama-2011/12.

Ngaphandle kweentlanganiso, amalungu eWCPGNC adlale indima ebalulekileyo ngokunxibelelanisa iinjongo zoMthetho kwezo masipala.

Apha enyakeni, iindibano zeengxoxo zibanjwe kumasipala ngamnye wesithili nakumasipala waseKapa ukufundisa oomasipala ngezibonelelo nokumiliselwa komthetho kwimimandla yolawulo lwabo. Iindibano zengxoxo kwinqanaba lesithili zazinyaswa ngabameli boomasipala bengingqi.

INkonzo yeeLwimi

INkonzo yoLwimi iqulathe iiyunithi ezimbini, okt. iYunithi yoMgaqo-nkqubo weLwimi neYunithi yoGuqulelo nokuTolika.

IYunithi yoMgaqo-nkqubo weLwimi inoxanduva ikakhulu lokuqinisekisa ngento yokuba uMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni umiliselwe. Inoxanduva ngokunjalo lokulawula nokumiliselwa imisebenzi yobuchule, yobugcisa nolawulo lweKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni. Izifezekiso ezibonakalayo kulo nyaka uphantsi kodvavanyo zichazwe ngasezantsi.

- *Ukunikezela ngeenkono zenkxaso kwiKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni ngokwemiqathango yoMthetho we-13 we-1998: weLwimi zePhondo leNtshona Koloni: IKomiti yeeLwimi yahlangana ngomhla wama-25 kweyoKwindla, we-17 kweyeThuphanangomhla we-16 kweyeNkangawama-2011 zeyaphinda ngomhla wama-26 kweyoKwindla 2012. Ngomhla wama-20 kweyoMdumbawama-2012, IKomiti yakhumbula uSuku lweHlabathi lolwimi lweNkobe ngokubiza inkomfa yosuku lonke enesihloko esithi "Ubume bokuThethwa kweLwimi eNtshona Koloni". Abahloniphekileyo, izifundiswa neengcungela kulwimi zenza intetho kulo msitho.*
- *Ukuqinisekisa ngewonga elilinganayo leelwimi ezisesikweni zontathu zeNtshona Koloni: Oku kweziwa ngokusetyenziswa kwamalinge achazwe apha ngasezantsi.*
- *IForam yeeLwimi yePhondo (PLF): I PLF iqulathe amagcisa eelwimi aqeshwe ngamasebe kaRhulumente weNtshona Koloni. Yasekwa liSebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo ngowama-2006 ukunceda ngokuqinisekisa ngomiliselwa olusebenzayo loMgaqo-nkqubo woewimi wePhondo. Ukwangezelela kumagcisa olwimi avela kumasebe karhulumente wephondo, iPLF ibandakanya abameli abaphuma koomasipala ababini (uMasipala weSithili saseEden noweSixeko saseKapa), kwiNdlu yoWisomthetho yePhondo, kwiPalamente yesizwe kunye neofisi yephondo yePan South African Language Board. IForam yeeLwimi yePhondo ihlangana kabini ngenyanga ukuze kuxoxa imiba enomdla enxulumene nolwimi; ukusebenza kophuhliso lwesigama; ukwabelana nokufumana izisombululo kwiingxaki ezijamelene namagcisa olwimi; nokungenela uphuhliso lwamakhono noqeqesho oluqhutywa ngamagcisa awodwa. Ngomhla wama-30 kweyoMsintsi 2011 uSuku lweHlabathi loGuqulelo lwakhunjulwa yiPLF ngothelelwano neSouth African Translators' Institute (SATI).*
- *Uphuhliso lweSigama: lintlanganiso zePLF zibandakanya amathuba ophuhliso lwesigama ukulungiselela isiXhosa nesiBhulu njengomba omileyo kwijenda. La mathuba asetyenziselwa ukuqinisekisa ngokubekwa emgangathweni kwesigama esisetyenziswa kuRhulumente weNtshona Koloni nokuxoxa inzima ezikhoyo ngokubhekiselele kuguqulelo nokuhlela ezifunyanwa ngamagcisa olwimi ekwenzeni imisebenzi yawo. Uhlobo lwesikhokhelo sesiBhulu esilungiselelwe amasebe karhulumente saqulunqwa yaye isigama sesiXhosa naso sibandakanyiwe kwiinkcukacha zolwazi ezikwikhompyutha eziza kundululwa kwamsinyane.*
- *Uphuhliso lwamakhono obugcisa: I PLF isebenze njengesiseko ukulungiselela: ukunikezela ngoqeqesho lweetoliki; ukufumana ilungelo lokungena kumaziko; ukuyila ubume obulungiselelwe amagcisa olwimi ukuqinisa amakhono abo okutolika; ukubonelela ngeforam apho iingcungela kummandla wokutolika kunye zinakho ukuxoxa ngemingeni ejamelene nomsebenzi; nokwabelana ngengcaciso ngezifundo zoqeqesho zokutolika. IForam ngokunjalo inikezela ngengcaciso engezifundo zokuguqulela nokuhlela ngokunjalo neendibano zengxoxo kumaziko ezifundo zamabanga aphezulu neengcali kulwimi*

zeNtshona Koloni ngenzame eziqhubekayo zokuqinisekisa ngonikezelo lweenkonzo ezisesikweni zolwimi kumasebe karhulumente wephondo.

- *Ukusetyenziswa kweelwimi kwimpawu:* IiNkonzo zeeLwimi zimilisele iprojekthi eqhubekayo ngokusetyenziswa kweelwimi kwiimpawu kumasebe ephondo awahlukeneyo. Iprojekthi iqhutywe ngokusetyenziswa kwamalungu eForam yeLwimi yePhondo – amagcisa olwimi kwisebe ngalinye athabatha uxanduva ukulungiselela ukumiliselwa kweprojekthi kumasebe awo.
- *IiKlabhu zeNcwadi zesiXhosa:* Ukulungiselela ukukhuthaza inkcubeko yokufunda eNtshona Koloni, iSebe liqalise kwasekuqaleni kowama-2008 ngokusebenza ukuzama ukubhangisa ingxaki yokufundwa kakubi kwesiXhosa. Imingeni emikhulu kukunqongophala kolwazi nokunganeli kokuhluzwa kokubaluleka kokufunda. Amalungu eKlabhu yencwadi yesiXhosa iqulunqwe ngabafundi, abadala nolutsha olungasebenziyo oluthe lwazimisela ukujoyina iiklabhu zokufunda. Injongo yayikukuxhasa ukuvela koluntu olufundileyo nokunceda uluntu ukuba lwamkele uxanduva nokuthabatha ubunini bezi klabhu zencwadi. Oku kulindeleke ukuba kuxhobise bonke abantu abanelungelo lokungena kwezi klabhu zokufunda. Iiklabhu ngokwakaloku nje zikwicandelo lesibini lophuhliso zijolise kuvuselelelo olusebenzayo nokuba nobudlelwane obufanelekileyo nobusebenzayo nabanye abachaphazelekayo, ingakumbi abantu abalupheleyo.
- *UThungelwano lweXhosAfrika:* Ilinge loluntu elitsha elijolise kulwimi lasekwa eNtshona Koloni ngowama-2011. Libizwa ngokuba XhosAfrika, umbono walo kukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ngenjongo zokwandisa uphawu lwesiXhosa nesiBhulu kummandla woluntu. I XhosAfrika Network ikhuthaza intsebenziswano kumaqela eelwimi ezimbini, ezizezi isixhosa nesiBhulu, ngokunjalo nokwandisa, ukuphuhlisa ngaphezulu nokusetyenziswa kwesiXhosa ukuxhasa ukuveliswa kolwazi, ukuyilwa kobutyebi, nokuphuhliswa kokuzithemba. Uthungelwano luqulunqwe ngamagosa karhulumente, abameli beeNGO, amasebe karhulumente, iyunivesiti; amacandelo ophuhliso lolwimi, abapapashi namagcisa olwimi.
- *IiKlabhu zoNxibelelwano zoLwimi oluthehtwa ngeminywe:* IYunithi yoMiliselo loMgaqo-nkqubo woLwimi ibonelela ngamathuba okuziqhelanisa noLwimi oluthethwa ngeminwe lweSA kwisikolo iNoluthando esilungiselelwe iziThulu eKhayelitsha. Abathathi-nxaxheba baqulathe ootitshala ngokunjalo nabazali nabagcini babantwana abaziziThulu abahamba isikolo eNoluthando. Iinjongo zeprojekthi zibandakanya ukuphuhliswa kweSASL njengolwimi olwaluvinjwe amathuba ngaphambili, ukuyila ulwazi ngeemfuno zoluntu oluziziThulu, nokuphucula ubudlelwane ngokukhuthazwa kweyantlukwano yolwimi. Amathuba okuziqhelanisa alishumi esiseko soLwimi oluthethwa ngezandla acwangciselwa unyaka-mali wama-2011/12. Alithoba amathuba okuziqhelanisa asele eqhutyiwe ukuza kuthi ga ngoku: ngomhla wama-25 kweyeThupha, ngomhla woku-1 kweyoMsintsi, umhla wesi-8 kweyoMsintsi, umhla we-13 kweyeDwarha, umhla wama-20 kweyeDwarha, umhla we-10 kweyeNkanganomhla woku-1 kweyoMnga 2011, nangomhla wesi-2 kweyoMdumba nangomhla wesi-9 kweyoMdumba 2012. IsiThuba sokugqibela sibe ngomhla wama-23 kweyoMdumba 2012.
- *IKhalenda yoLwimi lwamaNama:* IiNkonzo zeeLwimi ziphuhlise ikhalenda yamaNama ethe yayilwa ze yashicilelwa ekuqaleni kowama-2011. Eli linge lamkelwa kakuhle zaze iiNkonzo zeeLwimi zaqhubeka nekhhalenda yesibini eyeyesiBhulu/isiNama/isiXhosa ukulugiselela unyaka wama-2012. Ngenxa yominyo kwisithuba kwikhalenda, isiNgesi asifakwanga ukuze ahambe kunye nesicatshulwa sesiBhulu neseXiXhosa. Nangona kunjalo, uhlobo lwekhhalenda yesiBhulu/isiNama/nesiNgesi luyafumaneka xa lufunwa.

IYunithi yeeNkonzo zoGuqulelo nezokuTolika inoxanduva lokubonelela ngeenkonzo zeelwimi (kubandakanya ukuguqulela, ukuhlela ukufunda ukhangela iziphene nokutolika) kuwo onke amasebe namacandelo karhulumente woRhulumente weNtshona Koloni ngeelwimi ezintathu ezisesikweni. Kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, amaxwebhu angama-638 aguqulelwe kwisiBhulu, kwisiNgesi nesiXhosa. Iyunithi inikezele ngeenkonzo zenkxaso amathuba ali-12.

Inkqutyana 2.2: UbuGcisa neNkcubeko

UKUZIQHHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo zesiseko 2010/11)	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.2.1	Inani lemibutho exhasiweyo	4	5 (liForam zesiThili zeNkcubeko ezixhasiweyo)	5	-
2.2.2	Inani lezivumelwano zenqanaba lenkonzo eliqukunjelweyo	1	2	3	ISebe liqukumbele isivumelwano esisesinye neMetrorail
2.2.3	Inani leminikelo / leebhasari ezinikezelweyo	Umqondiso omtsha	80	65	Nangona icandelo lanqwenela ukuxhasa ngemali imibutho engama-80, inani leminikelo lixhomekeke ekuhambeleni kwezicelo neemfuno kunye nobunyani nokulunga kwezindululo ezingensileyo. Iqela labantu elizimiseleyo lichophele ezi zicelo laze lenze iingcebiso ukuba nguwuphi ofanele ukuxhaswa ngemali. Imibutho engama-236 iphelele yenza izicelo kodwa yaba yimibutho engama-66 kuphela ethe yanakho ukuhlangabezana nenkqubo yokukhetha yabachongi. NgokweShedyuli yokukhutshelwa kwemali, yimibutho engama-65 ethe yaxhaswa ngemali entlawulo ikhutshelweyo.
2.2.4	Inani lemisitho eququzelelweyo	44	25	40	Intsebenziswano nabaxhamli bobugcisa nenkcubeko kube nomphumela wokuxhaswa ngemali iinkonzo zokuququzelela nokuchonga ezaxhaswa yiZabalaza Festival neBaxter Theatre. Oomasipala owaseKnysna neHessequa baxhase ngokuhlulwula iindleko zendawo; isandi selizwi nezidlo. Oku kwenze kube lula ukubamba inani lemisitho ebingazanga ibandakanywe kwisicwangciso sokusebenza. IVeki yoBugcisa yacwangciselwa kuqala iBeaufort West. Nangona kunjalo, inkxaso engeyiyo yemali evela koomasipala bengingqi benza kube lula ukubamba imisitho eyangezelelweyo eMurraysburg, eMerweville, ePrince Alfred Hamlet nase Laingsburg.
2.2.5	Inani labathathi-nxaxheba elitsalwe umdla	3 073	5 000	3 656	Kwagqitywa ngokujolisa kwiinzame zokuchonga iqela labantu lolongo abanenqanaba elifanelekileyo lekhono kuqeqesho olulodwa ukuphuhlisa amakhono abo ukuwasusa kwinqanaba lophuhliso ukuya kwinqanaba lobugcisa.
2.2.6	Inani leentsuku ezibalulekileyo ezibekelwe inkcubeko kwikhalenda	1	2	2	-

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.2.7	Inani lamagcisa eliqeqeshiweyo	147	50	102	Amagcisa angaphezulu anakho ukuqeqeshwa ngenxa yothelwano lomdla olubonakaliswe yiZabalaza Drama Festival noomasipala kwiSithili saseEden. Intsebenziswano nabachaphazelekayo incedise kwindleko zeenkqubo zoqeqesho ekukufuneka kwabelwene ngazo.
2.2.8	Inani labalawuli benkcubeko eliqeqeshiweyo	60	50	95	ISebe liqukumbele isiCwangciso-nkqubo esiyilwayo soLwaluko ngentsebenziswano neSixeko saseKapa. Lisebenze neSixeko ukuququzelela ngokuhlangana. Indaba yoLwaluko kweyoMngawama-2011, phambi kokuqala kwehuba lolwaluko ngeyoMngawama-2011. Intsebenziswano neArtscape yokunikezela ngenkqubo yoqeqesho ivulele amathuba kwiqela elibanzi labathabathi-nxaxheba, kubandakanywa nabalawuli abaphuma kwiingingqi zoluntu lwaseMaphandleni.
2.2.9	Inani leenkqubo zoqeqesho usemsebenzini eziqalisiweyo	4	3	3	-
2.2.10	Inani leenkqubo zomsebenzi ezinikezelweyo ukuphuhlisa amagcisa adumileyo asakhasayo	Umqondiso omtsha	-	-	Jonga inqaku*
2.2.11	Inani leenkqubo ngeziko ngalinye	Umqondiso omtsha	INkqubo enye kwiziko ngalinye kumaZiko ama-2 oBugcisa neNkcubeko eRDP	2	Kuluhlu "Ekujoliswe kuko ngowama-2011/2012", kuchazwe into yokuba iiprojekthi ezimbini ziya kumiliselwa. IKlasi yaMagcisa kumculo iqhutyelwe eGuga-Sthebe Arts kwaLanga. Imveliso yobugcisa beMozayikhi yayilwa yaze yaveliswa ngaboluki beSithili saseEden kwaNokuthula Arts Centre in Plettenberg Bay.
2.2.12	Inani lemicimbi yenkcubeko esingethiweyo	Umqondiso omtsha	1	2	Emva kokuba isiCwangciso-nkqubo soLwaluko saphuhliswa ngentsebenziswano neSixeko saseKapa, i-Indaba yoLwaluko yabanjwa ngothelwano neSixeko.

* 2.2.10. ISebe ngokwalo alinikezeli ngeenkqubo zokusebenza, linikezela ngeentlawulo ezikhutshelweyo kwinqanaba lemibutho yobugcisa ngenkcubeko ukulungiselela uphuhliso lwamagcisa adumileyo nasakhasayo.

UKUZIQHSELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.2.13	Iintlawulo ezikhutshelweyo kwiWCCC ukulungiselela ukuyixhobisa ukuze ibe nokumilisela isigunya ziso sayo esisemthethweni	R100 000	R150 000	R150 000	-
2.2.14	Inani lentsebenziswano kunye nemibutho yobugcisa kunye namaziko	11	6	8	Izibonelelo ezingaphezulu zinikiwe, zibe nomphumela wokukhula kwenani lentsebenziswano phakathi kwemibutho yamagcisa namaziko kunye necandelo elincinane leNGO.
2.2.15	Ulawulo, ulungelelwaniso nokubekwa kweliso lwentlanganiso yomntu wonke kunye neentlanganiso zamacandelo ekomiti nemisebenzi yeWCCC	18	19	12	Isithuba seofisi seWCCC engaphambili siphela ngeyeNkanga wama-2011. Ukuqeshwa kwamalungu eWCCC kuqakunjelwa kuphela ekupheleni konyaka-mali yaye ngoko akukho ziintlanganiso zibanjiwe kwiKota yokugqibela yonyaka.
2.2.16	Inani lamagcisa aqeqeshiweyo ngenkxaso-mali evela kwiINGO	554	300	722	Iminikelo yoncedo yonyaka emikhulu (iintlawulo ezikhutshelweyo) yahlawulwa kwinqanaba elincinane le-NGO ngokufunyanwa kobungqina bokulunga kweenkqubo zazo zoqeqesho ekubonisa into yokuba kubekho ukwanda kwenani lamagcisa afumene uqeqesho kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.
2.2.17	Inani leNkqubo zoqeqesho engqeshweni ziqalisiwe kwimibutho exhaswe ngemali	15	12	7	Ukuqakumbelwa ngempumelelo kweenkqubo zoqeqesho usemsebenzini, uthethwano olunzima lwaludingeka. Oku kube nomphumela wokuba mbalwa kweenkqubo zokuqeqeshwa usemsebenzini ezithe zaqakunjelwa. Lo mba uya kuqwalaselwa kunyaka-mali wama-2012/2013.
2.2.18	Uphuhliso lwababukeli ngokuhambelana nenani labantu abazimasa imiboniso yoluntu	5 660	5 000	32 146	Ekujolisweni kuko akuthethelelelweyo kwakusekwe kwiinkcukacha zolwazi lwembali kodwa ngenxa yeengxowa-mali ezingaphezulu ezifunyenweyo kulungelelwaniso oluthelekelelweyo kwisixa-mali esizigidi ezi-R8.5, yandiswa inkxaso kwiINGO.

Inkqutyana 2.3: IiNkonzo zeMyuziyam

UKUZIQHSELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.3.1	Inani labantu abatyelala amaziko	331 184	400 000	368 332	-

UKUZIHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.3.2	Inani leenkqubo zokufikelela kuluntu zimiliselwe	Umqondiso omtsha	4	4	-
2.3.3	Inani leencwadana nopapasho lwanikezelwa	5	1	1	-
2.3.4	Inani lemiboniso ebonisiweyo	2	2	1	Imiboniso yesigxina embalwa ecwangcisiweyo iboniswe ngenxa yokuba kunikezwe iingxowa-mali ukunika ingqwalasela kwiingxaki ezikwiMyuziyam yaseWorcester. Uphando lwaqakunjelwa kodwa imiboniso ayibanga nakho ukuyilwa. Oku kukhutshelwe kunyaka-mali wama-2012/13.
2.3.5	Inani leenkqubo lokukhuthaza ukhenketho lwenkcubeko	1	1	1	-

UKUZIHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.3.6	Inani lemiboniso yengingqi yesigxina yembali efakelwe yiNkonzo yeMyuziyam kwiimyuziyam ezamkelweyo	2	2	-	Imiboniso ecwangcisiweyo esisigxina ayibanga nakho ukuboniswa ngenxa yokufuduswa kweengxowa-mali ukulungiselela ukuqwalasela ngokukhawuleza iingxaki zokhuseleko kwiMyuziyam yaseWorcester. Uphando lwaqakunjelwa kodwa imiboniso ayibanga nakho ukuyilwa. Oku kukhutshelwe kunyaka-mali wama-2012/13.
2.3.7	Ukuyilwa komgaqo-nkqubo ohlangeneyo wenkonzo yeMyuziyam weNtshona Koloni nomthetho omtsha womyuziyam wephondo	Umgaqo-nkqubo oYilwayo wasayinwa nguMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko, iMidlalo noLonwabo	Ukuqulunqwa komthetho omtsha wemyuziyam nomiliso olwenziwa ngezithuba lomthetho omtsha wemyuziyam wephondo	Ekujoliswe kuko akufezekiswanga	Umgaqo-nkqubo oYilwayo waphuhlisa waze wandululwa ngomhla we-15 kweyoMdumba wama-2012 ukulungiselela uthethwano olubanzi. Amagqabantshintshi oluntu afunyanwa ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2012. Le nkqubo ithathe ixesha elide kunelo belicingelwa.

UKUZIQHHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyanflukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.3.8	Ukuqeshwa nokuxhotyiswa kwamlaungu equmru elilawulayo elilungiselelwe iimyuziyam ezamkelweyo	-	-	25	Abameli beNkulumbuso baqeshelwa isithuba seminyaka emibini eofisini kwiimyuziyam ezamkelweyo. Isithuba seofisi ngokwakaloku nje siphela ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2012, kodwa njengoko kuqakunjelwa uMgaqo-nkqubo weMyuziyam weNtshona Koloni nomthetho wemyuziyam osaxhonyiweyo, uMphathiswa wamkele ukwandiswa kwesithuba seofisi sabameli senyanga ezili-12.
2.3.9	Inani elilolongiweyo leemyuziyam ezincedwe liphondo	18	18	19	I Lwandle Migrant Labour Museum, ebhengezwe njengemyuziyam encadwa liphondo ngomhla wama-24 kweyoMdumba wama-2012, ngokunjalo ifumene inkxaso-mali evela kwiSebe.
2.3.10	Inani leemyuziyam zengingqi ezilolongiweyo	4	4	4	-
2.3.11	Inani lemisitho esingethwe yiNkonzo yeMyuziyam ngothelwano nemyuziyam ezamkelweyo	3	2	2	-
2.3.12	Inani labathabathi-nxaxheba kwinkqubo zesikolo ezinikezelwa yiNkonzo yeMyuziyam	278	400	741	Isicelo senkqubo yoncedo ngezityalo ezingamayeza sivele kumboniso ojikelezayo ongalo mba oveliswe yiNkonzo yeMyuziyam. Le nkqubo yanikezelwa kwizikolo kwingingqi ekuMazantsi eKapa.
2.3.13	Inani leemyuziyam ezamkelweyo ezincediweyo ekuveliseni, ukuvavanya ngokutsha, ukumilisela nokubeka iliso kwimigaqo-nkqubo yokuqokelela	13	12	12	-

UKUZIQHHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyanflukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.3.14	Inani leemyuziyam ezamkelweyo ezincediweyo ekuveliseni, ukuvavanya ngokutsha, ukumilisela nokubeka iliso kwizicwangciso zothintelo lolondolozo	12	12	12	-
2.3.15	Inani leeprojekthi zemblai eziqunjelweyo	3	3	3	-
2.3.16	Inani leemyuziyam ezamkelweyo ezincediweyo ukuvavanya ngokutsha iinkqubo zazo zemfundo	2	2	3	Iprojekthi enye eyangezelelweyo yaqunjelwa kungakhange kufunwe zibonelelo zangeziweyo
2.3.17	Inani leenkqubo ezintsha zemfundo eziphuhliswe yiNkonzo yeMyuziyam	3	3	4	Icandelo linamagosa amabini emfundo yaye omabini agqibe iiprojekthi ezimbini
2.3.18	Inani lezikhhalazo leemyuziyam ezamkelweyo kunye neMigangatho yoBugcisa neMiqondiso yeNguqu yeSAMA	6	6	6	-
IIMYUZIYAM ZEPHONDO: IMYUZIYAM IBARTOLOMEU DIAS, EMOSSEL BAY, IMYUZIYAM YASEGEORGE, IMYUZIYAM YASEWORCESTER KUNYE NECAPE MEDICAL MUSEUM					
2.3.19	Inani lemisitho enikezelwa ziimyuziyam zephondo	32	20	25	Imisitho emininzi yasingathwa ziimyuziyam zephondo ngenxa yothelelwano kunye nenani labachaphazelekayo, kubandakanywa noMmeli weSizwe waseJapan; neSebe leSizwe loBugcisa neNkcubeko; nangokuthatyathwa kwenxaxheba kuSuku lweHlabathi leZikhumbuzo neeNdawo
2.3.20	Inani lengqokelela yemyuziyam okanye imizekelo yemiboniso efunyenwe ziimyuziyam zephondo	81	80	161	Ngenxa yeprojekthi ezicwangcisiweyo zomboniso omtsha olungiselelwe ukuguqula imbonakalo yenkcubeko yeNtshona Koloni, iimyuziyam zephondo ziqokelele ngokuzimisela zaze zenza uqingqo olutsha.

UKUZIQHILISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.3.21	Izicwangciso zoqokelelo lwemyuziyam ezimiliselweyo ziimyuziyam zephondo	Umqondiso omtsha	4	4	-
2.3.22	Inani lezicwangciso zothintelo lolondolozo ezimiliselweyo kwiimyuziyam zephondo	4	4	4	-
2.3.23	Inani lemboniso ejikelezayo okanye yethutyana efakelweyo kwiimyuziyam zephondo	23	16	19	Kumiliselwe imboniso emininzi yethutyana ngaphezulu kwebicwangcisiwe njengexalenye yeqalo elitsha lokubonisa uqingqo olungazange lubonise ngaphambili (iprojekthi yeNyanga yoqingqo).
2.3.24	Inani labathathi-nxaxheba kwiinkqubo zemfundo ezinikezelwe ziimyuziyam zephondo	15 997	2 800	15 564	Ukukhuthazwa kweenkqubo zemfundo zeemyuziyam ezamkelweyo kulandela emva konxibelelwano neSebe leMfundo leNtshona Koloni malunga negalelo leemyuziyam kwikharithulam yesikolo. Oku kube nomphumela wokukhula kwamanani kulawo ebethelelelwe.
2.3.25	Inani lotyelelo olwenziwe zizikolo kwiimyuziyam zephondo	378	8	306	Inani elandisiweyo lotyelelo lwezikolo kwiimyuziyam zephondo liliindelekile ngenxa yesivumelwano neWCED kutyelelo lwabafundi olusesikweni kwiimyuziyam ukulungiselela ukuthabatha inxaxheba kwiinkqubo ezilungelelanisiweyo zemfundo.

Inkqutyana 2.4: IiNkonzo zeziBonelelo zeLifa

UKUZIQHILISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI WESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.4.1	Inani leendawo zelifa lemveli ezikhuthaziweyo	Umqondiso omtsha	4	4	-

UKUZIHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI WESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.4.2	Inani lwamagama eendawo acavanywe ngokutsha	50	50	405	Lo ngunyaka wokuqala wokokuba umphandi osisigxina avavanye ngokutsha amagama endawo. Isantya senkqubela phambili sophando asinakho ukuthelekelelwa ngokulungileyo.

UKUZIHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.4.3	Intlawulo ekhutshelwe kwilifa leMveli leNtshona Koloni ukulixhobisa ukuba limilisele isigunyaziso salo esisemthethweni	Umqondiso omtsha	R1 380 000	R1 380 000	-
2.4.4	AmaLungu eBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni eliqeshelwe isithuba esilandelayo seofisi yeBhunga	Ukuqeshwa kweBhunga elitsha elilungiselelwe iNtshona Koloni isithuba esiyiminyaka emi-3	-	-	-
2.4.5	Amalungu eBhunga axhotyisiweyo kunye neekomiti zawo ukuzaliseka izigunyaziso / izinyanzeliso zazo	1	1	-	Indibano yengxoxo yoqeqesho ku "Lawulo lwamaCandelo kaRhulumente" irhoxisiwe de kube ngunyaka-mali omtsha ukunika ithuba kukufunyanwa komnikezeliwenkonzo ofanelekileyo.
2.4.6	Inani leentlanganiso zeKomiti yaMagama eNdawo yePhondo leNtshona Koloni	Umqondiso omtsha	3	3	-
2.4.7	Amalungu eKomiti yaMagama eNdawo yePhondo leNtshona Koloni aqeshelwe isithuba esithile sofisi	Umqondiso omtsha	-	-	Jonga inqaku*
2.4.8	Inani loomasipala elixhotyisiweyo ukuze linjongane nokutshintshwa kwamagama endawo nokubekwa emgangathweni	Umqondiso omtsha	6 uthethwano noomasipala kwinqanaba lomasipala besithili	6	-

* 2.4.7 Isithuba esikhoyo seofisi seWCPGNC siphela ngowama-2014.

Inkqutyana 2.5: INkonzo yeelwimi

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.5.1	Inani lemibutho yolungelelwaniso yeelwimi exhasiweyo	1	1	1	-
2.5.2	Inani elihanjisiweyo lopapasho lokusetyenziswa kweelwimi	3	2	2	-
2.5.3	Inani lemiboniso yokufunda eqhutyiweyo	Umqondiso omtsha	-	-	-
2.5.4	Inani lamaxwebhu aguqulelweyo	817	516	638	Izicelo zoguqulelo zikudlulile ebe kujoliswe kuko
2.5.5	Inani leenkonzo zokutolika eziqhutyiweyo	17	14	12	Zibe mbalwa izicelo zokutolika kunokube kulindelwe
2.5.6	Inani labantu elixhotyisiweyo ukwenza uguqulelo	25	24	24	-

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.5.7	Ukukhutshelwa kwentlawulo kwiKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni ukulungiselela ukumilisela isigunyaziso sayo esisemthethweni	R150 000	R170 000	R220 000	Ama-R50 000 angezelelweyo abelwa ngoThelekelelo Okulungelelanisiweyo.
2.5.8	Inani leentlanganiso zomntu wonke kunye neentlanganiso zeWCLC apho inkxaso yolawulo inikezelwa liSebe	4	Zi-4 iintlanganiso zomntu wonke Inye intlanganiso yesicwangciso seqhinga Inye intlanganiso yecandelo lekomiti	4	-
2.5.9	Inani leentlanganiso zeForam yoLwimi lwePhondo	6	6	8	Kubekho imisitho emibini eyangezelelweyo: <ul style="list-style-type: none"> • Indibano yengxoxo ukuphucula amakhono olwimi amagcisa(22 kweyeKhala 2011); kunye • Nomsitho obanjwe ngoSuku lweHlabathi loGuqulelo (30 kweyoMsintsi wama-2011).

UKUZIQHHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
2.5.10	Inani leeprojekthi ezijolise ekukhuthazeni ukusetyenziswa kweelwimi	5	-	2	Iiprojekthi ezimbini – iKhowudi yokuZiphattha yeeLwimi kunye nokuSetyenziswa kweelwimi ezininzi noLwimi lokuthetha ngezandla – zichongiwe yiForam yeeLwimi yePhondo
2.5.11	Inani leeprojekthi ejolise ekulungiseni ukungalingani obekukho ngaphambili kwezolwimi	2	2	2	-
2.5.12	Inani leeprojekthi ezijolise ekuphuhliseni iilwimi ebezifudula zisengelwa phantsi nolwimi oluthethwa ngezandla	7	2	2	-
2.5.13	Inani lamasebe apho kunikezelwe ngenkonzo	12	13	12	-

2.2.3 Inkqubo 3: INkonzo zeThala leeNcwadi nooVimba

Injongo

Ukunikezela ngeenkonzo ezihlangeneyo zethala leencwadi novimba eNtshona Koloni. Inkqubo yahlulwe yazinkqutyana ezintathu, ezizezi: ULawulo; iThala leeNcwadi neeNkonzo zeNgcaciso; neeNkonzo zoVimba neeRekhodi zeNtshona Koloni. Inkqutyana: iNkonzo zeThala leeNcwadi neNgcaciso equlathe uMbuthe osembindini noMbuthe weNgingqi. Inkqutyana: INkonzo zoVimba iqulathe uLawulo looVimba noLawulo lweeRekhodi

Iinjongo zesicwangciso-qhinga

- Ukuxhasa nokwandisa iinkonzo zethala leencwadi kubo bonke abemi beNtshona Koloni;
- Ukuqinisekisa ngenkonzo yolawulo olululo lwerekhodi kumaqumru karhulumente;
- Nokugcina nokubonelela ngelungelo lokufumana imathiriyeli yovimba.

Izalathisi zokwenziwa komsebenzi nekujoliswe kuko - izifezekiso

INkonzo yeThala leencwadi

Ukulungiselela ukuphucula ubume bokufunda, iNkonzo zeThala leeNcwadi libale izinto zemathiriyeli zethala leencwadi ezingama-222 461 ezithe zahanjiswa kumaziko ethala leencwadi angama-343 kwiNtshona Koloni. Ukwangezelela, iNkonzo zeThala leencwadi zithenge izinto zethala leencwadi ezingama-206 574 ze zarhuma kumaphepha-ncwadi namaphepha-ndaba angama-6 931 egameni lamathala leencwadi oluntu.

Amaziko amabini abandakanywa ngesithuba sonyaka-mali – ithala leencwadi iHarare Square eKhayelitsha (iSixeko saseKapa) nethala leencwadi iKlapmuts (uMasipala waseStellenbosch). Inkonzo eyandisiweyo eyaziwa njengeWheelie Wagons exhibe ukuthabatha iinkonzo zethala leencwadi izise kwimimandla yasemaphandleni iqalise ukusebenza kwiindawo ezintandathu kwiingingqi zoluntu ezincinane zaseToekoms (uMasipala waseMossel Bay), eVersveld (uMasipala waseBergrivier), Laaste

Drift (uMasipala iWitzenberg), iWaboomskraal (uMasipala waseGeorge), iFairview (uMasipala waseKnysna) neBrakfontein (uMasipala waseHessequa).

Iinkonzo zeThala leeNcwadi zizamela ukunikezela ngezibonelelo zethala leencwadi ezithi zifizekise izidingo ezithile zoluntu ezisebenza kulo. ISebe linikezele ngezigididi ezi-R4 ngokubhekiselele kwiziko elitsha lethala leencwadi ePaarl (uMasipala waseDrakenstein). Ukuvulwa ngokusesikweni kwakungomhla wesi-9 kweyoKwindla wama-2012, ngokulingana ngqo neminyaka engama-45 emva kokuba iPaarl yamkelwe kwiNkonzo yeThala leencwadi.

Ukukhuthaza ukufunda nokusetyenziswa kwamathala eencwadi oluntu, iiprojekthi zenkuthazo ezili-15 zenzeka. Okubini okuqaqambileyo ibe ngumsitho weVeki yeSizwe yeNcwadi obanjwe ukusuka kumhla wesi-5 ukuya kumhla we-10 kweyoMsintsi wama-2011 kwindawo enevenkile ezininzi zokuthenga iPromenade eMitchells Plain ze kwandululwa iVeki yeSizwe yeThala leencwadi kwiThala leeNcwadi loLuntu ePaarl ngomhla we-16 kweyoKwindla wama-2012. Umxholo wephulo leveki yethala leencwadi wawusaziwa ngokuba "Stay Connected @ Your Library" yaye injongo yayo yayikukubonisa amathala eencwadi njengenxalenye yopapasho lokuzonwabisa oludumileyo lwehlabathi olufana neFacebook. Imathiriyeli yokukhuthaza enemibala wakhutshelwa kuwo onke amathala eencwadi oluntu ukulungiselela ukusetyenziswa kwisithuba seVeki yeThala leencwadi. Eli phulo larhoqo ngonyaka lizama ukukhuthaza iinkonzo zethala leencwadi loluntu ukubethelela ukuthandwa kokufunda.

Uphuhliso lwamakhono lube ngomnye wemimandla yokwenziwa komsebenzi okungundoqo ukulungiselela iinkonzo zeThala leeNcwadi kwisithuba sonyaka phantsi kovavanyo. Iinkqubo zoqeqesho ezilishumi elinesithandathu zanikezelwa kubasebenzi bethala leencwadi loluntu kwisithuba sonyaka-mali wama-2011/12. Oluqeqesho longenelelo kwimiba emininzi yeenkqubo zethala leencwadi loluntu zivuselele ikhono labasebenzi bethala leencwadi loluntu ukulungiselela ukwandiswa kokunikezelwa kwenkonzo kwiingcingqi zoluntu. Inani elipheleleyo elingama-373 labasebenzi bethala leencwadi laqeqeshwa.

Icandelo linikele ukulungiselela ukuphuhlisa uthungelwano lwesibonelelo soqoqosho oluhambelana nesigunyaziso esilungiselelwe iinkqubo zikarhulumente ukuba zibe zezisebenzayo nezinoxanduva. Lixhase ngemali amaziko ethala leencwadi angama-72 koomasipala abali-13 ukusuka kwiPALS ukuya kwiSLIMS (iinkqubo yoLawulo lweNgcaciso yeSITA enikwe amandla yiBrocade). Malunga nezigididi ezi-R2 zachithwa kule projekthi.

Ngothelelwano neziko le E-Innovation, iSebe leNkulumbuos, iinkonzo zeThala leeNcwadi liqhubile luqalisa ngobonelelo lwetheknoloji yengcaciso nonxibelelwano kumathala eencwadi oluntu asemaphandleni ngezixa-ali zoMnikelo woXhomekeko. Kunyaka ophantsi kovavanyo, amathala eencwadi angama-21 abonelelwa kweli qalelo leICT.

Ukunikela ngokubhekiselele ekuphuculweni kwekhono labasebenzi kumathala eencwadi asedolophini nawasemaphandleni ukuphendula ngokufanelekileyo kwiimfuno zolwazi nengcaciso yoluntu, inani labasebenzi elangezelelweyo eliqeshwe kumathala eencwadi oluntu lifekelele kuma-292. Ezi zithuba zixhaswe ngemali yingxowa-mali yoMnikelo woXhomekeko.

Iinkxaso-mali yoBambelo kaMasipala

Iinkxaso-mali yobambelo kamasipala yafunyanwa okokuqala kwesi sithuba solungelelwaniso lohlahlo lwabiwo-mali wama-2011/12. Injongo yale inkxaso-mali kukwangezelela utyalo-mali lukamasipala kwiinkonzo zethala leencwadi nokuzinzisa ukunikezelwa kwexesha elizayo kobugcisa nophuhliso lweenkonzo ezinjalo kumacandelo ali-15 oomasipala abakwicandelo B3 beNtshona Koloni. Isixa-mali esizigididi ezingama-R31 770 000 samkelwasivela kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo aze izigididi ezingama-R31 268 zakhutshelwa koomasipala abali-15 njengesahlulo sengeniso. Isambuku samalungu abasebenzi esingama-201 leethala leencwadi loluntu sahlawulwa kusetyenziswa inkxaso-mali yobambelo ekhuthshelwe koomasipala abakwicandelo B3.

Isixa-mali esingama-R502 000 sasetyenziswa ukulungiselela iindleko zabasebenzi nezokusebenza kweyunithi enoxanduva lolungelelwaniso nokulawula lweengxowa-mali. Iingxelo zarhoqo ngenyanga zangeniswa ngoomasipala. Ngokusekwe kwisivumelwano esamkelweyo nezicwangciso zoshishino, iingxelo zenkcitho zahlahlelwa zabekwa iliso ukukhangela uhambelwano. Zonke iziphumo zafezekiswa – oomasipala abakwicandelo B3 abali-15 bafumene inkxaso-mali yobambelo kamasipala nemivuzo

ukulungiselela abasebenzi bethala leencwadi abangama-201 baxhaswa ngemali kwinkxaso-mali yobambelo kamasipala. Isambuku sesixa-mali sezixa-mali ezabiweyo sachithwa ekupheleni konyaka-mali.

INkonzo yooVimba

IVeki yesizwe yooVimba, exhibe ngokuyila ulwazi, nokukhuthaza ukusetyenziswa kweenkonzo zovimba, yakhunjulwa ukususela kumhla wesi-9 ukuya kumhla we-13 kuCanzibewama-2011 kumxholo othi "Archives for the Past, Present and Future: Our Building Legacy in the Cape". Kwisithuba sale veeki, abatyeleli abali-1 038 bamkelwa baze baziswa ngemisebenzi yeNkonzo yooVimba neeRekhodi yeNtshona Koloni. IVeki yeLifa leMveli yakhunjulwa ukusuka kumhla wama-20 ukuya kumhla wama-23 kweyoMsintsi wama-2011 ngentsebenziswano neSixeko saseKapa kunye neSebe leNtshona Koloni leGenealogical Society of South Africa.

Inkonzo yovimba ibhalise ukwanda kokusetyenziswa. Isambuku sabaphand abangama-8 790 bajonge iirekhodi ezingama-48 309 kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Ibango leenkonzo zoovimba lingqinwa linani eliphezulu lemibuzo efunyanwayo nephendulwayo (1 563).

Njengenxalenye yeProjekthi yeLifa leMveli leNkcubeko loBudlelwane elawulwa ngooVimba beSizwe beNetherlands, abasebenzi bazimase indibano yeengxoxo ngokumiliselwa kwemigangatho yehlabathi yeenkqubo zekhompuyutha zovimba ukwenza oovimba babe luluhlu lweVOC [Dutch East India Company] olufumanekayo kwi-intanethi.

I Genealogical Society of Utah, USA, iqhubile ukuzifaka kwidijithali iirekhodi zovimba njengenxalenye yeprojekthi ehlangeneyo ukwandisa ilungelo lokungena lekhompuyutha kwiirekhodi zembali. Kwisithuba salo nyaka imifanekiso engama-198 173 ephuma kwiirekhodi ezingama-870 zeSlave Office, "Opgaafrollen" kunye neOfisiyeNgingqi yeSebe leMicimbi yaseKhaya zasingwaginswa.

Ukulungiselela ukuphucula iindlela zolawulo lwerekhodi ukuze zihambelane nemithetho-siseko yokuthatyathwa koxanduva, ukuba phandle nolawulo olulungileyo, iinkqubo zokuhlelwa kwerekhodi ezingama-54 zamkelwa, amaqumrhu karhulumente angama-34 ahlolwa ze abalawuli beerekhodi abali-165 baqeqeshwa.

Ukuhambelana nenkqubo yenguqu yokwenza ngokutsha yoRhulumente weNtshona Koloni, isicwangciso sokufayla esifanayo ukulungiselela ukusetyenziswa kwamasebe ephondo samkelwa kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Amanyathelo okuqala alungiselelwe ukuqaliswa kwesicatshulwa esiVulelekileyo njengeNkqubo yoLawulo lweRekhodi zaMaxwebhu lweElektroniki kwamiliselwa ukuxhobisa abasebenzi ngamakhono ayimfuneko etheknoloji yengcaciso adingekayo ukwenza imisebenzi yabo yesigunyaziso.

Inkqutyana 3.2: INkonzo zeThala leeNcwadi

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
3.2.1	Inani lamaziko amatsha ethala leencwadi elakhiweyo	-	-	-	Jonga inqaku*
3.2.2	Inani lezakhiwo zethala leencwadi elihlaziyiweyo	-	-	-	Jonga inqaku*
3.2.3	Inani lamathala eencwadi oluntu abonelelwe ngesibonelelo seICT	-	-	-	Jonga inqaku*

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
3.2.4	Inani lemathiriyeli yethala leencwadi ethengiweyo	147 524	150 000	206 574	Ekujoliswe kuko kwagqithwa ngenxa yemali eyangezelelweyo ethe yabakho evela kulondolozo lwabasebenzi nokuqokelelwa kwengeniso.
3.2.5	Inani leprojekthi zenkuthazo eziqukunjelweyo	13	17	15	Upapasho olucwangcisiweyo alugqitywanga ngenxa yolibaziseko olubangelwe yinguqu kuphawu olufanayo lwephondo.
3.2.6	Inani labasebenzi abaqeqeshwe kumathala eencwadi oluntu	321	579	373	Izifundo zoqeqesho zarhoxiswa nenxa yenkqubo yokubalwa kwesitokhwe olu-100% .
3.2.7	Inani lotyelelo lokubekwa kweliso olwenziweyo	948	1 360	1 436	Utyelelo olungaphezulu oluqhutyiweyo ngenxa yenkqubo yokubalwa kwesitokhwe okuli-100%.

Qaphela:

* 3.2.1 Akukho zixa-mali ezafumanekayo kuhlalo lwabiwo-mali lwezabelo olulinganayo ukuhlaziya izakhiwo zethala leencwadi.Ezi zaxhaswa ngemali ngomnikelo woxhomekeko.

* 3.2.2 Akukho zixa-mali ezafumanekayo kuhlalo lwabiwo-mali lwezabelo olulinganayo ukuhlaziya izakhiwo zethala leencwadi.Ezi zaxhaswa ngemali ngomnikelo woxhomekeko.

* 3.2.3 Akukho zixa-mali ezafumanekayo kuhlalo lwabiwo-mali lwezabelo olulinganayo ukuhlaziya izakhiwo zethala leencwadi.Ezi zaxhaswa ngemali ngomnikelo woxhomekeko..

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
3.2.8	Inani leenkqubo zoqeqesho kubasebenzi bethala leencwadi loluntu	14	20	16	Izifundo zoqeqesho zarhoxiswa ngenxa yenkqubo yokubalwa kwesitokhwe okuli-100%
3.2.9	Inani lamathala eencwadi aqhagamshelwe kwinkqubo entsha yekhompyutha yethala leencwadi nolawulo lwengcaciso	Umqondiso omtsha	72	72	-
3.2.11	Inani lemathiriyeli yethala leencwadi eqwalaselweyo	303 326	269 000	222 461	Ukufuduka kwiSLIMS kwayilibazisa inkqubo kweli candela njengoko abasebenzi kwafuneka bafunde imiqathango emitsha yokufaka kwikhompyutha nokunxulumanisa imathiriyeli yethala leencwadi.
3.2.12	Inani lemathiriyeli yethala leencwadi efakwe kwikhathalogu	New indicator	6 800	4 995	Ukufuka kusiyiwa kwiSLIMS kwayilibazisa inkqubo kweli candela njengoko abasebenzi bafunda imiqathango emitsha yokufaka kwikhathalogu.
3.2.13	Inani lemihumo yencwadana	7 027	7 005	6 931	Upapasho oluthile lwaphelilelwa.

Inkqutyana 3.3: Oovimba

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
3.3.1	Inani leenkqubo zohleo lokurekhoda lwamkelwa	48	36	54	Inani lezihlomelo nezongezelelo kwiinkqubo zohlelo zixhomekeke kwinani lezicelo ezamkelweyo ezivela kwiofisi zabathengi.
3.3.2	Inani lamaqumrhu karhulumente lahlolwa	31	34	34	-
3.3.3	Inani labalawuli beerekhodi abaqeqeshiweyo	153	130	165	Isifundo esangezelelweyo sanikezelwa eCalitzdorp kuyimpendulo kwisicelo esivela kuMasipala weSithili seEden.
3.3.4	Inani lezilahlweyo ezikhutshwe ngoogunyaziwe	12	12	12	-
3.3.5	Inani lemibuzo elifunyenweyo	1 616	1 300	1 563	Inani lemibuzo eyamkelweyo ixhomekeke kwinqanaba lebango loluntu.
3.3.6	Inani lemibuzo eqwalaselweyo	1 616	1 300	1 563	Inani lemibuzo eqwalaselweyo ixhomekeke kwimibuzo eyamkelweyo.
3.3.7	Inani longeniso olunekhowudi kwiinkcukacha zekyhompuyutha zeNAAIRS	60 275	60 000	60 453	-
3.3.8	Inani lezibonelelo zovimba eziphuhlisiweyo	8 608	7 500	8 790	Inani labatyeleli abarekhodiweyo kwigumbi lokufunda likudlulile oko bekujoliswe kuko. Oku kusenokuba ngumphumela wemisebenzi yolwazi osandula ukubakho yovimba.
3.3.9	Inani lamaqela oovimba alungiselelwe ukuba afunyanwe	20	20	20	-
3.3.10	Inani lamaxwebhu ahlaziyiweyo	554	500	719	(Amaxwebhu ali-117) Ekujoliswe kuko kugqithiwe, njengoko uninzi lwamaxwebhu adinge ingqwalasela ezahlukeneyo. Amaphepha ngoko abalwa ngokwahlukeneyo.
3.3.11	Inani lezibonelelo zovimba eziphuhlisiweyo	-	-	-	-
3.3.12	Inani lezibonelelo zovimba ezihlaziyiweyo	-	-	-	-
3.3.13	Inani lamaziko eICT anikezelwe ukusefenziswa luluntu.	-	-	-	-
3.3.14	Inani lomlinganiselo wemitha okhutshelweyo owamkelwe ngamaqumru karhulumente	257.16	250	256.60	-
3.3.15	Inani leeprojekthi zolwazi nezenkuthazo eziqalisiweyo	8	10	10	-

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
3.3.16	Inani leenkqubo zembali yomlomo eziqhutyiweyo	2	2	-	Nangona kungekho zinkqubo zembali yomlomo eziqunjelweyo, iileta zathunyelwa kumaziko amilisela iiprojekthi zembali yomlomo. KwiSebe, iNkonzo zeMyuziyam ziqhuba iiprojekthi zembali yomlomo ekunikwe ingxelo ngayo phantsi komqondiso weAPP engunombolo 2.3.10.
3.3.17	Inani lemisitho ekuthatyathwe kuyo inxaxheba kwiphondo, kwisizwe nakwihlabathi	2	7	7	-

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Umqondiso wokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
3.3.18	Inani leenkqubo zokuhlelwa kweerekhodi ezivavanyiweyo	117	45	113	Inani lezihlomelo nezongezelelo zenkqubo yokuhlela lixhomekeke kwinani lezicelo ezamkelweyo ezivela kwiofisi yabathengi.
3.3.19	Inani leerekhodi eziqwalaselweyo ngabaphandi	47 369	42 000	48 309	Inani leerekhodi eziqwalaselweyo liphenjelwe ngqo linani labaphandi abamkelweyo.
3.3.20	Inani lemlinganiselo yemitha elungelelwaniweyo	297.80	282	304.41	-

2.2.4 Inkqubo 4: Ezemi iDlalo noLonwabo

Injongo

Ukukhuthaza ezemidlalo nolonwabo oluya kunikela ngokubhekiselele kuxolelwaniso nophuhliso lweNtshona Koloni ngokunikezelwa kweenkqubo neenkono ezilinganayo, eziphelelayo izibonelelo ezifikelekayo. Ungenelelo lubandakanya: 1) ukukhuthazwa kwendlela yokuphila nophuhliso lwemidlalo yezikolo ngokuqinisekisa ngokuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi, ukuphuhliswa kwetalente nolawulo olululo; yaye 2) ukukhuthazwa nokuququzelelwa kokusingathwa kwemisitho yemidlalo ebalulekileyo okunoxinzelelo lokuyila nokugcina ilifa nobume obulungileyo bezemidlalo.

Iinjongo zesisicwangciso-qhinga

- Ukubonelela ngeenkqubo zophuhliso ezilungiselelwe imidlalo nolonwabo;
- Ukubonelela ngeenkono ezizodwa ezilungiselelwe imidlalo nolonwabo;
- Ukubonelela abasebenzisi nenkxaso yobugqi elungiselelwe imidlalo nolonwabo;
- Ukukhuthaza imisebenzi yolonwabo;

- Ukuyila ilungelo namathuba kwimidlalo alungiselelwe zonke izikolo nabanfundi bazo.

Imiqondiso yendlela yokwenziwa komsebenzi nekujoliswe kuko - izifezekiso

Imidlalo noLonwabo isebenzela ukungenisa imithetho yentlalo ethi ixhase intlalo yempilo, ukuzibandakanya kwimidlalo ubomi bakho bonke nokugqwesa kwimidlalo nangemdlalo. Imiba yenkqubo yile: i) ULonwabo; ii) IMidlalo yeZikolo; iii) neMidlalo.

ULonwabo lubandakanya ingqiqo: zokubonelelwa ngelungelo; ukuyilwa kwethuba; ngokunjalo nokuzinziswa nokuphumela okuzinzileyo. Le miba isekele ukuqaliswa kweNkqubo yeMOD [ukuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi; Ithuba nelungelo; UPuhliso nokukhula] kunye noLonwabo.

Ngokusetyenziswa kweNkqubo yeMOD, amaziko eMOD ayaqaliswa kwiphondo liphela ukubonelela ngamathuba olonwabo aza kuthi ngokwakaloku nje anike ingqwalasela ikakhulu: i) kubantwana abasekwixabiso lokuhamba isikolo; ii) kubasebenzi basefama; kunyeiii) nabantu abadala.

Inkqubo yolonwabo enikezelwa kumaziko eMOD iphelela kwiminyhadala eyahlukeneyo yonyaka, eyile:

- UMnyhadala waBasebenzi baseFama (KuTshazimpuzi 2011);
- UMnyhadala woSuku lweNkululeko (KuTshazimpuzi 2011);
- I Golden Games (kweyoMsintsi 2011); kunye
- IMidlalo yeMveli (kweyoKwindla 2012).

Ukukhuthaza unikezelo olusebenzayo nolufanelekileyo, ngokunjalo nozinzo nempumelelo yaye ngokusetyenziswa kolonwabo, iSebe liqeshe abalungelelanisi bemidlalo bethutyana. Ukwangezelela ukuncedisa ngomiliselo nokukhula kolonwabo, abalungelelanisi bemidlalo banikezelwa ngethuba lengqesho, ngokunjalo namathuba ophuhliso lwamakhono. Ukuza kuthi ga ngoku, abalungelelanisi bemidlalo kunye nabasebenzi abaqeshwe isigxina, bangenele izifundo zolawulo, zolawulo lwemisitho, amakhono obomi noncedo lokuqala.

Le midlalo ichazwe apha ngasentla ixhasa imfundo nokukhula kwabaqeshwa abasenkonzweni yophuhliso lolonwabo eNtshona Koloni. Abaqhubi bolonwabo kwiSebe ngoku banekhono ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokuba ulonwabo luhamba phambili ukulungiselela ifilosofi "yokuphila usempilweni" "nemidlalo yobomi bonke", nento yokuba iseka isiseko apho iMidlalo yeZikolo yeSebe neeyunithi zeMidlalo zakhiwa khona.

Ngokusetyenziswa kweNkqubo yeMOD, inkqutyana yeMidlalo yeZikolo ibonelela ngenkqubo yophuhliso lwamakhono asemva kwesikolo ecwangcisiweyo, elungisiweyo neyenziwa mihla le kulungiselelwa abantwana abasesesikolweni. Ukwangezelela, lisingethe inani leenkampu zokuchonga italente zesithili nezephondo ezilungiselelwe abafundi abanekhono lokuthabatha inxaxheba kwinqanaba eliphezulu. Apho kunokuthi kwenzeke, abo bathe bachongwa njengabanetalente ethile bayabhaliswa kwiWestern Cape Sport School (WCSS).

INkqubo yeMOD iyile ithuba lobudlelane phakathi kwesebe naphakathi kwamasebe. Iyunithi ezininzi zesebe lephondo zisebenza ngoku kunye namanye amaziko athile eMOD. Okubalulekileyo siskimu sokondla elithe iSebe loPhuhliso loLuntu lasinikezela kwinqanaba lamaziko eMOD. Oku kubonakele kusebenza kakhulu yaye yangezelele ixabiso kupuhliso loluntu kwiphondo.

Njengomphumela wokufunda kwayo kumava amalunga neNkqubo yeMOD, iMidlalo yezikolo ivelise inkqubo "iFocus Code". Apha ingqwalasela ikwikhawudi ethile yemidlalo kwiZiko elithile leMOD. Ikhawudi ethile yemidlalo iyakhuthazwa ngokusetyenziswa kwenkqubo ethi ixhibe: i) kupuhliso kwiqela elikhethwe ngokubanzi kweembaleki ezinekhono kwikhawudi ekhethiweyo; ii) kukuchongwa kweembaleki ezinekhono kwikhawudi; kunye iii) nakwikhawudi eyodwa elungiselelwe iimbaleki ezikhethiweyo.

Kwakube kuqaliswe ngenkqubo echazwe ngaphambili, inkqutyana yeMidlalo yeZikolo iphuhlisa ubudlelwane bokusebenza obulungileyo kunye namabhunga emidlalo eyahlukeneyo neemanyano ezifanelekileyo. Oku kunceda ngokunxulumanisa iikhawudi zemidlalo zesikolo kunye nabagcini bazo, abangaba, iimanyano namabhunga emidlalo. IMidlalo yeZikolo inika impembelelo kwiMidlalo yeSizwe nesiCwangciso soLonwabo ngokuqalisa ngeprojekthi elingwayo yenkqubo yoqeqesho lwabaqeqeshi

kumdlalo owaziwa njengesoftball. Ukwangezelela, iSebe linika ngokunjalo impembelelo kwiNSRP eWCSS ngokusondeza amacandelo esikolo namaqhinga omiliselelo ukuba ahambelane nesicwangciso sesizwe.

I WCSS, ngentsebenziswano neSebe, iqhubekile ngophuhliso lwayo yaye izamela ukuba neenkqubo ezilungileyo. Isikolo sijolise: i) kunikezelo ngelungelo lolwamkelo; ii) ngoyilo lwamathuba; iii) ngochongo lwetalente; iv) ngokugqwesa kwimidlalo; kunyev) ngophando olungaphezulu. Isikolo lube noludwe lwamabali ayimpumelelo malunga kuzo zonke iikhowudi zemidlalo ezili-14 esizininikezelayo.

Ukukhuthaza unikezelo olusebenzayo nolufanelekileyo, ngokunjalo nozinzo nempumelelo yaye ngokusetyenziswa kwemidlalo yesikolo, iSebe liqeshe abalungelelanisi bemidlalo bethutyana. Ukwangezelela ukuncedisa ngomiliselelo nokukhula kwemidlalo yesikolo, abalungelelanisi bemidlalo banikezelwa ngethuba lengqesho, ngokunjalo namathuba ophuhliso lwamakhono. Ukuza kuthi ga ngoku, abalungelelanisi bemidlalo kunye nabasebenzi abaqeshwe isigxina, bangenele izifundo zolawulo, zolawulo lwemisitho, amakhono obomi noncedo lokuqala.

Le midlalo ichazwe apha ngasentla ixhasa imfundo nokukhula kwabaqeshwa abasenkonzweni yokuxhasa uphuhliso olungaphezulu lwemidlalo yezikolo kwiNtshona Koloni. Abaqhubi bemidlalo yezikolo kwiSebe ngoku banekhono ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokuba inkqutyana yeMidlalo yeZikolo iba ihamba phambili ngefilosofi "yokugqwesa kwimidlalo nangemidlalo", ngokunjalo ngokuba linganaba phakathi kwemidlalo yeenkqutyana zoLonwabo neMidlalo.

Njengexalenye yefilosofi yaso nesidingo "sokugqwesa kwimidlalo nangemidlalo", iMidlalo ibambe inkonzo eyodwa yolwabiwo lwengxowa-mali kwiingqi nganye kwiingqi zemidlalo ezine kwisithuba senyanga kaCanzibe wama-2011. Uyilo lwesivumelwano sasayinwa neemanyano ezili-111, kubandakanywa amabhunga emidlalo, imibutho yabasebenzi basefama nabachaphazelekayo becandelo labalimeleyo.

Iintlawulo kumacandelo axhaswa ngemali zaziswa ngaphambili ngesithuba esikufutshane neenyanga ezintandathu ukuya kweyeSilimelawama-2012, zilandelwa kukubekwa kweliso nenkqubo yovavanyo. Oku kwalandelwa ziintlanganiso zamacala omathathu ezingomba wokuxhaswa ngemali kwamacandelo ezizinyaswe ngabachaphazelekayo boluntu, amabhunga emidlalo neemanyano zemidlalo.

Uthethwano lwemidlalo nezindaba zolonwabo zabanjwa kwiingqi nganye kwiingqi ezine zemidlalo zeNtshona Koloni, ziphelela kwi-indabayephondo ethe yamanyanisa iziphumo zeNtshona Koloni kwisiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo. Izindabazazinyazwa kakuhle ngabathunywa abaphuma kwiimanyano, kwiINGO, kwiyunivesiti, koomasipala namabhunga emidlalo.

Kwisithuba sonyaka wohlahlo lwabiwo-mali lowama-2011/2012, iSebe liqukumbele inqanaba lokuqala lophicotho lwezibonelelo lilungiselele ukuphuhlisa isicwangciso sezibonelelo sephondo. Isambuku sezigidi ezi-R2sakhutshelwa koomasipala owaseSaldanha nowaseOudtshoorn ukulungiselela ukuqaliswa kwezikolo ezithile eziphakamileyo.

ISebe lincede ekufamana ixabiso, ukusingatha nokulawula imisitho engama-36 kuzo zonke iingqi zemidlalo eqala kwihoki yomkhenkce ukuya kwijudo. Oku kwenza umnikelo obonakalayo kukhenketho lwemidlalo.

Umsitho wamabhaso emidlalo wonyaka wephondo uvuze ukugqwesa waze wabulela iminikelo eyenziwe ziimbaleki, ngabantu nemibutho abakwimidlalo ngokubanzi nakulonwabo ngowama-2011.

AMABHASO EMIDLALO ONYAKA EPHONDO NGOWAMA -2011/2012	
ICANDELO	UMAMKELI
Umlawuli wonyaka	Ruth Saunders (iHandball)
Iqela loNyaka	Cape Cobras (iKrikhethi)
Umqeqeshi woNyaka	Allister Coetzee (Umbhoxo)
UManyano loNyaka	WP Rugby Football Union
IBhaso loMcholacholi weendaba woNyaka	Mark Ward and Eugene Gunning
Ingqwalasela yokuGqwesa ngoBuchule	Hillary Jane Beaton (IMidlalo yabalimeleyo/iMidlalo yokubaleka)

AMABHASO EMIDLALO ONYAKA EPHONDO NGOWAMA-2011/2012	
ICANDELO	UMAMKELI
Umntu obhinqileyo ogqwesileyo woNyaka: Imidlalo yaBalimeleyo	Ilse Carstens (iMidlalo yokubaleka)
Indoda egqwesileyo yoNyaka: Imidlalo yaBalimeleyo	Stephanus Van de Merwe (iMidlalo yokubaleka)
Ibhaso loMphathiswa lokuNcoma	Unjngilwazi Andre Odendaal (iKrikhethi)
Unjinalwazi Tim Noakes Scientific/ Ibhaso lokuPhanda	Marius Smit (Tug-of-War) Ugqirha Omar Esau (Chess)
Umntu obhinqileyo oselula ogqwesileyo woNyaka	Alexandra Quenet (Biathlon)
Umntu oyindoda oselula ogqwesileyo woNyaka	Llewellyn Groenveld (Modern Pentathlon)
Umnt obhinqileyo ogqwesileyo woNyaka	Chantelle Doddemeade (Judo)
Indoda egqwesileyo yoNyaka	Schalk Burger (Umbhoxo)
Roll of Honour	Randall Petersen, Jan Hendrik Momberg, John De Jongh, Dave Spence, Clive Claassen, Francois Du Toit, Issy Bloomberg, Pieter Bredell

Itumente yombhoxo eyaziwa njengeSteve Tshwete, eqhubeka rhoqo ngonyaka kwiBala loMbhoxo laseKhayelitsha, idlale indima enkulu kuphuhliso lombhoxo elokishini. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye noMbutsho woMboxo weNtshona Koloni ngabaxhasi ngemali abangundoqo walo msitho. Itumente ibe liqonga elilungiselelwe iiklabhu ezibizwa ngokuba yiSunday league ezithe zazibonakalisa ngokhuphiswano.

ISebe liququzelela ngempumelelo indibano yengxoxo yeNGO eHout Bay ngomhla we-17kweyeSilimelangowama-2011. Injongo yomsitho yakukuqhagamshelana ngengxoxo necandelo elikhulayo kwimidlalo nokulinxulumanisa neemanyano zemidlalo namabhunga emidlalo kwinqanaba lengingqi. Uluhlu lweenkcukacha zolwazi ngabathabathi-nxaxheba kwicandelo lemidlalo leNGO sele lusekiwe.

ISebe ngokunjalo liseke ngempumelelo ubudlelwane kunye nazo zonke iiyunivesiti eNtshona Koloni. Iiprojekthi ezihlangeneyo ziqalise kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

ISebe lixhase ngemali iimanyano ezininzi kwiingingqi ezine ngokukhutselwa kwezixa-mali ezilungiselelwe ukuqeqesha abaqeqeshi amagosa obugcisa nabalawuli bemidlalo. Ukuphuhliswa kwamakhono kusele kungummandla ophambili njengoko iDCAS inika ingqwalasela eyodwa kwingingqi ze yabele inkxaso-mali kwiimanyano ngokukodwa kuqeqesho.

Iimbaleki zeNtshona Koloni zifumene inkxaso kwiSebe ukulungiselela ukuba zithabathe inxaxheba kwiMidlalo yoMzantsi Afrika eyayibanjwelwe ePolokwane kweyeDwarha wama-2011. Inani elipheleleyo leembaleki elingama-527 namagosa amele iphondo, laye iqela laphuma kwindawo yesibini. Iimbaleki zeNtshona Koloni zafumana imedali ezili-132, ezingama-47 yayizezegolide zaze ezingama-42 yayizezesilivere.

UMnikelo woXhomekeko weDORA uncede ulundu ngokuyila imisebenzi, ngokukhulisa amakhono nokufunyanwa kwezithuthi, izixhobo nempahla. Iinkqubo ezinika ingqwalasela kubantu ababhinqileyo, amantombazana nabantu abalimeleyo zabanjwa unyaka wonke ophantsi kovavanyo.

Impumelelo engummangaliso yafunyanwa nguPetronella Kleinsmidt (obudala buyiminyaka engama-72) oqale ukwenza ikaratie neminyaka engama-25. Ube ngumntu wokuqala omnyama obhinqileyo ukuba ngusompempe wesizwe nakwihlabathi yaye ungumntu obhinqileyo okwinqanaba eliphezulu kolu didi lwekarati alukhethileyo eAfrika. Ngoku ufumene i-Eighth Dankoluya hlobo.

Enye impumelelo enkulu ngumntu obhinqileyo yaba yileyo kaGenevieve Lentzwe Western Province Table Tennis. Uqukumbele uluhlu lweemviwo zokulawula emdlalweni kumbutho, kwiphondo nakwinqanaba lesizwe yaye ulawule imidlalo kuwo omathathu amanqanaba. Ngowama-2006, uqukumbele uViwo lokuLawula umdlalo lweHlabathi. Ngeli thuba aseSwitzerland eyele iPara-world

Championships, ubhale iiMviwo zokulawula umdlalo wabaLimeleyo. Ngokwakaloku nje, ukukuphela komntu obhinqileyo eMzantsi Afrika ogqibe iimviwo zabalimeleyo. Enye into yeyokuba nguye kuphela umntu obhinqileyo ozimiseleyo kulawulo lomdlalo weBlue Badge kuphela abanelungelo lokulawula imidlalo yeOlimpiki. Uya kulawula umdlalo kwiOlimpiki eseLondon ngowama-2012.

INkqutyana 4.2: EzemiDlalo

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Isalathisi sokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
4.2.1	Inani leemanyano zemidlalo yephondo ezamkelweyo ezixhaswayo	107	110	111	-
4.2.2	Inani lamaziko amatsha awakhiweyo	1	1	-	ISebe aliyikhuphelanga inkxaso-mali kuMasipala weSwariland. UMasipala wakhe wase waggqiba iMedia Centre kwindawo yemidlalo eEugene Louw lisebenza iingxowa-mali zalo.
4.2.3	Inani lezibonelelo ezihlaziyiweyo	4	2	2	-
4.2.4	Inani leembaleki ezixhaswa kwiinkqubo zendlela yokudlala ezikwiqondo eliphezulu	25	20	58	Imiqondiso emiselwe ziimanyano ngokuhambelana nenani leembaleki ezibandakanywe kumaqela esizwe.
4.2.5	Inani labalawuli bemidlalo abaqeqeshe amavolontiya	489	120	126	-
4.2.6	Inani labaqeqeshi eliqeqeshiweyo	58	120	126	-
4.2.7	Inani lamagcisa amagosa eliqeqeshiweyo	196	120	128	-
4.2.8	Inani labantu abakwiinkqubo zokufunda besemsebenzini	-	-	-	-
4.2.9	Inani leembaleki elibonelelwayo kuphuhliso lwemidlalo	5 016	8 000	8 944	Xa icandelo livavanya imisebenzi yeemanyano, lifumanise into yokokuba iya kukudlula ekujoliswe kuko.

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Isalathisi sokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
4.2.10	Inani lamacandelo emibutho esekiweyo nexhaswayo	5	-	-	-

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Isalathisi sokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
4.2.11	Inani lemisitho yabalimeleyo exhaswayo	Umqondiso omtsha	5(Mi-4 eyengingqi nom-1 owephondo)	5	-
4.2.12	Inani labantwana ababhinqileyo namantombazana exhaswayo	Umqondiso omtsha	2	6	Xa icandela livavanya imisebenzi yeemanyano, lifumanise into yokuba liya kukudlula lee oko kujoliswe kuko.
4.2.13	Inani lemisitho ebalulekileyo ebanjiweyo	22	30	30	-
4.2.14	Inani leenkqubo zomthambo nempilo kwigumbi lokuthamba	7	4	5	-
4.2.15	Inani leentsuku zemidlalo nezolonwabo ezibanjiweyo	0	3	-	Ukususela ngowe-1998, iiNtsuku zeMidlalo zeNgingqi nezePhondo zidla ngokuba ngolwesiHlanu. Ngowama-2009, iKhabhinethi igqibe ekubeni ezi ntsuku mazibanjwe ngomGqibelo. Ngenxa yokuhla kakhulu kwamanani athabatha inxaxheba, iintsuku zemidlalo zarhoxiswa ngowama-2010 nowama-2011 njengoko amanani abathabathi-nxaxheba engahambelani neendleko. Ikhabinethi igqibe okokuba ngowama-2012 iintsuku zemidlalo ziya kubakho ngoolwesiHlanu. Ngenxa yeso sizathu sitsha seKhabhinethi, iintsuku zemidlalo ziya kuqaliswa kwakhona.
4.2.16	Inani labaqeshwa elisebenzisa igumbi lokuthamba	1 228	600	554	-
4.2.17	Inani lamabhaso	6	6	6	-
4.2.18	Inani labantu abanikwe ingqwalasela	440	360	399	-
4.2.19	Inani leekomiti zemidlalo elisekiweyo laze laxhaswa	5	8	8	-

INkqutyana 4.3: ULonwabo

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Isalathisi sokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
4.3.1	Inani lezaxhiwo zolonwabo kunye/okanye imibutho esekiweyo zeyaxhaswa	2	7	6	-

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Isalathisi sokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
4.3.2	Inani lemisitho yolonwabo lwemidlalo kunye/okanye iinkqubo ezibanjiweyo	81	50	49	-
4.3.3	Inani labantu abathabatha inxaxheba kwimisitho yolonwabo lwemidlalo kunye/okanye iinkqubo	28 913	15 000	12 848	Inani ekujoliswe kulo labathabatha inxaxheba zange lifezekiswe ngenxa yokuba iyinkolo yokuzithandela.

Inkqutyana 4.4: IMidlalo yeZikolo

UKUZIQHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YESIZWE					
Isalathisi sokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
4.4.1	Inani labafundi abathabatha inxaxheba kukhuphiswano lwemidlalo lwamaphondo	1 339	2 150	-	Isigunyaziso sesizwe esivela kwiSRSA sesokuba imidlalo yeZikolo ayisayi kuba nazitumente zesizwe yaye nento yokuba onke amaphondo kufuneka ajolise ekusekweni kobume beekhowudi nokuthatyathwa kwenxaxheba kumanqanaba asezantsi.
4.4.2	Inani lamaqela esizwe anikezelweyo	22	24	-	Isigunyaziso sesizwe esivela kwiSRSA sesokuba imidlalo yeZikolo ayisayi kuba nazitumente zesizwe yaye nento yokuba onke amaphondo kufuneka ajolise ekusekweni kobume beekhowudi nokuthatyathwa kwenxaxheba kumanqanaba asezantsi.
4.4.3	Inani leembaleki ezinetalente ezingeniswe kwiindawo zoqeqesho lokusebenza ngamandla neenkqubo (amaqela eengingqi)	2 285	6 450	-	Isigunyaziso sesizwe esivela kwiSRSA sesokuba imidlalo yeZikolo ayisayi kuba nazitumente zesizwe yaye nento yokuba onke amaphondo kufuneka ajolise ekusekweni kobume beekhowudi nokuthatyathwa kwenxaxheba kumanqanaba asezantsi.
4.4.4	Inani lamaqela engingqi anikezelweyo	52	72	-	Isigunyaziso sesizwe esivela kwiSRSA sesokuba imidlalo yeZikolo ayisayi kuba nazitumente zesizwe yaye nento yokuba onke amaphondo kufuneka ajolise ekusekweni kobume beekhowudi nokuthatyathwa kwenxaxheba kumanqanaba asezantsi.

UKUZIQHHELISA: IMIQATHANGO YOKWENZIWA KOMSEBENZI YEPHONDO					
Isalathisi sokwenziwa komsebenzi		(Ezi zizo) zesiseko 2010/11	Owona msebenzi wenziweyo nalowo kujoliswe kuwo		Izizathu zeyantlukwano
			Ekujoliswe kuwo (2011/12)	Owona msebenzi (2011/12)	
4.4.5	Inani leekhowudi ezisekwe ezikolweni ezidlale kwimidlalo nezinye izikolo kwisithili ngasinye	17	17	14	Akusayi kubakho lukhuphiswano lwemidlalo yasemanzini nentenyeta edlalelwa etafileni eyakubakho ngenxa yobudlelwane obubi phakathi kwekhowudi yomdlalo wesikolo nomanyano. Akukho ntenetya idlalwayo ngenxa yokungasebenzi kwezibonelelo.
4.4.6	Inani leminyhadala yemidlalo yemveli esekwe kwisithili	7	8	8	-
4.4.7	Inani leekliniki zoqeqesho ezibanjiweyo ezisekwe kubaqeqeshi	4	4	5	ISoftball Junior Women's World Championship enikezele ngethuba lokuqhuba iikliniki eyangezelelweyo.
4.4.8	Inani leekliniki zoqeqesho ezibanjiweyo ezisekwe kubaqeqeshi	4	4	4	-
4.4.9	Inani lemisitho yamabhaso	5	6	6	-
4.4.10	Ingxelo yonyaka eneenkcukacha ngeWestern Cape Sport School	Isalathisesitsha	1	1	-
4.4.11	Uphuhliso/umiliselo/ucoselelo/ukugcinwa kweQhinga leMidlalo leZikolo	Isalathisi esitsha	1	1	-
4.4.12	Ingxelo yonyaka eneenkcukacha ngophando kunye/okanye uphuhliso lomgaqo-nkqubo	Isalathisesisha	1	1	-

ICANDELO 3: IINGXELO ZEMALI ZONYAKA

Siyazingca ngonikezelo ngengxelo yethu ukulungiselelaunyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2012.

3.1 Iingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi yonyaka ophela ngowama 31 kweyoKwindla 2012

Ngokuhambelana nesiGqibo seKhabhinethi 55/2007, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo isetyenzelwa yiKomiti Edibeneyo yeNtlalo yoPhicotho-zincwadi. IKomiti yoPhicotho-zincwadi iqulathe amalungu adweliswe ngasezantsi yaye kufuneka ahlalane malunga namaxesha amane ngonyaka ngokwemiqathango yayo yokusebenza. Kwisithuba sonyaka omiyo kubanjiwe iintlanganiso ezisixhenxe.

Igama leLungu	Inani leeNtlanganiso elizizimasileyo
Mnu R Kingwill	7
Mnu Z Hoosain	7
Mnu L van der Merwe	6
Mnu M Mdludlu (ixesha lakhe eliphele ngomhla wama-31 kweyeNkanga 2012)	6
Nks. A Jones (ixesha lokusebenza eliphele ngomhla wama-31 kweyeNkanga 2012)	5
Mnu M Burton (Uqeshwe ngomhla woku-1 kweyoMgungu 2012)	1

Izingxengxezo zangeniswa ze zamkelwa zeentlanganiso ezizinyasiweyo. Ikhoram yamalungu yayikho kuzo zonke iintlanganiso.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

Iingxelo zeKomiti yoPhicotho-zincwadi ethe yayiqulunqa kunye noxanduva lwayo ivela **kwicandelo lama-38(1)(a) lePFMA** kunye noMthetho **weCandelo loLawulo-mali ongunombolo 3.1**.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ngokunjalo inika ingxelo yokokuba yamkele imiqathango yokusebenza efanelekileyo esesikweni njengePhepha laMalungelo eKomiti yoPhicotho-zincwadi, ilungelelanise imicimbi yayo ihambelana neli phepha lamalungelo yaye yenza lonke uxanduva lwayo njengoko kuqulathwe apha.

Ukusebenza kolawulo lwangaphakathi

Ngokuhambelana nePFMA kunye neNgxelo kaKing III ngeemfuno zoLawulo lweQumru, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lubonelela iKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo ngengqinisekiso yokokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele yaye luyasebenza. Oku kufikelelwe ngesiCwangciso soPhicotho-zincwadi lwangaphakathi olusekwe kwingozi, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi luhlala ukwanela kolawulo ukunciphisa iingozi ze iKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeke iliso kumiliso lwentshukumo yolungiso.

Sizihlilile kwakhona iingxelo zoPhicotho lwangaPhakathi, iingxelo yoPhicotho-zincwadi kwiingxelo yeziMali yoNyaka kunye neNgxelo yeziPhathamda yoMphicothi Jikelele woMzantsi Afrika. Ngaphandle kwemiba eboniswe kuPhicotho loMphicothi-zincwadi Jikelele neeNgxelo yeziPhathamda kunye nemiba ephawulwe apha ngezantsi, akukho ntswelo yamathiriyali iphawulweyo kwinkqubo yolawulo lwangaphakathi.

Iindawo eziphawulwe luPhicotho lwangaphakathi ukuze ziphuculwe

Kulo nyaka uPhicotho lwangaphakathi, luphawulezinto eziphambili kule mimandla ilandelayo

- Iintlawulo ezigqithiselweyo- ezemiDlalo

- ULawulo lweeProjekthi – ezemiDlalo, kunye
- Inkqubo yoKwenziwa koMsebenzi

Zamkelwe izenzo zokulungisa zamkelwe ziziphathamandla kwaye zibekw'esweni yiKomiti yoPhicotho.

Ukusebenza kakuhle nangempumelelo kolawulo lwengozi

Enyakeni kwenziwe enye inkqubela phambili nge-Enterprise-wide Risk Management (ERM) nokungqanyaniswa kwengozi eziphambili zeSebe. Ikomiti yophicotho iza kubek'esweni inkqubela ngekota

Umgangatho yoLawulo loNyaka neNgxelo zeKofa ezingeniswe ngokuhambelana nePFMA kunye noMthetho wolwaHlulo lweNgeniso

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokuqulathweyo nokulunga kweengxelo zarhoqo ngekota ezilungisiweyo zaze zakhutshwa liGosa eliNika i ngxelo leSebe kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

Uvavanyo lweNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- izihlolile kwakhona iiNgxelo zeMali zoNyaka eziphicothiweyo yaze yaxoxa yaxoxa noMphicothi-zincwadi Jikelele kunye neGosa eliNika i ngxelo ngeengxelo emazidityaniswe kwi ngxelo oyoNyaka;
- iyihlolile kwakhona i ngxelo yoLawulo yoMphicothi-zincwadi Jikelele nempendulo yeziPhathamandla,
- izihlolile iinguqu ezikwimigaqo yobalo kunye nemisebenzi njengoko kuchazwe kwi ngxelo zeMali zoNyaka;
- izihlolile iinkqubo zeSebe ezokuthobelana nezibonelelo zomthetho nezolawulo;
- izihlolile kwakhona iinkcukacha kwiinjongo zangaphambili njengoko kuchazwe kwi ngxelo yonyaka;
- izihlolile yaze yanika ingcebiso apho kufanelekileyo khona ukuba makwenziwe iinguqu kwi ngxelo zemali zexesha eliphakathi njengoko zinikezelwe liSebe ixesha elingangeenyanga ezintandathu eziphela ngeowama 30 kweyoMsintsi 2011, kwaye
- liluhlolile uhlanga-hlengiso oluvela kuphicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavumelana kwaye iyayamkela imbono yoMphicothi-zincwadi Jikelele malunga neNgxelo zeMali zoNyaka, icebisa ukuba iiNgxelo zemali zoNyaka eziphicothiweyo zamkelwe kwaye zifundwe kunye nengxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele.

Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inike ingxelo yokuba i ngxelo ezintlanu zemimandla esixhenxe ecwangcisiweyo kwisicwangciso esamkelweyo soPhicotho-zincwadi obeluthiwe thaca ngowama 31 kweyoKwindla 2012. I ngxelo ezimbini ezishiyekileyo zikhutshwe emva kokuphela konyaka.

Njengoko kuchaziwe kunyaka ophelileyo, i komiti ibona ukuba enye ingxelo yophicotho-zincwadi iyafuneka nokuba kukho imfuno yezakhono ezongezelekileyo ukuxhasa

UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika

IKomiti yoPhicotho idibene noMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika ukuqinisekisa ukuba akukho miba ingasonjululwanga ephuma kuphicotho-zincwadi zolawulo. Izenzo zokulungisa okufunyenweyo okuphuma kuphicotho-zincwadi zolawulo ziza kuqhubeka zibekwe esweni yiKomiti yoPhicotho-zincwadi ngekota.

Uncomo

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ithanda ukwenza umbulelo kumagosa eSebe, kuMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika, iCandelo lePhondo loLawulo loMngcipheko kunye necandelo loPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ngentsebenziswano nengcaciso ethe yayinikezela ukusinceda ukuqulunqa le ngxelo.



Mnu R Kingwill

USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi leQela leNtlalo

Umhla: 31 kweyeThupha 2012

3.2 Iingxelo yeGosa eliNika iingxelo

Iingxelo yeGosa eliNika iingxelo kuMphathiswa neNdlu yoWiso-mthetho yePhondo leNtshona Koloni

3.2.1 Uvavanyo ngokubanzi lobume bemicimbi yemali

Izigqibo zomgaqo-nkqubo nemiba yeqhinga

Isithuba esiphantsi kovavanyo sibonise uphuhliso lomgaqo-nkqubo wemyuziyam oya kuthi ubonelele ngesicwangciso-nkqubo esiluphahla esilungiselelwe uyilo lweziko lwemyuziyam kwiphondo liphela.

Ngokuhambelana nenguqu kugxininiso lweKhabhinethi yeNtshona Koloni olusuka kulungelelwaniso loluntu luye kubandakanyo loluntu, iSebe liguqule umbono walo waya "kubandakanya ngokwentlalo, kwiNtshona Koloni esebenzayo nenekhono lokuyila".

Izigqibo ezibalulekileyo zenkcitho nemiba yeqhinga ejamelene nesebe

ISebe lixhomekeke kakhulu, ukulungiselela ukunikezelwa kweenkonzo zalo, kwizixa-mali ezifunyenwe ngokusetyenziswa koMnikelo woXhomekeko. ISebe lifumene isabelo loMnikelo woXhomekeko ovela kwiCandelo loLawulo-mali kwisixa-mali sezigidi ezingama-R95,658, esenziwengezigidi ezingama-R42,964 elungiselelwe uMnikelo weNkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba siSininzi, izigidi ezingama-R48,694 ezilungiselelwe uMnikelo weNkonzo zeThala leeNcwadi loLuntu, kunye nezigidi ezi-R4 ezilungiselelwe uMnikelo oHlangeneyo weNkqubo Eyandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente olungiselelwe amaPhondo. Iingxowa-mali yoMnikelo woXhomekeko yenza ama-27% enkcitho epheleleyo yeSebe.

Kwisithuba senkqubo yolungelelwaniso lothelekelelo olungiselelwe owama-2011/12, iSebe lifumene izigidi ezangezelelweyo zama-R31, 770 ukulungiselela ukubonelelwa kweenkonzo zethala leencwadi loMasipala abakwiCandelo B3. Le nkxaso-mali yokumelwa kamasipala iya kunceda ukusombulula umba "wesigunyaziso esingaxhaswanga ngemali" elungiselelwe eli candelo. Inkxaso-mali iya kuqhutywa kuso sonke isithuba sesiCwangciso-nkqubo seNkcitho sesiThuba esiPhakathi (MTEF).

Iinjongo zakwangaphambili

ISebe lipapashe izaLathisi zomsebenzi owenziweyo oli-173 uwonke kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka. UMphicothi-zincwadi Jikelele uvumile ukuba izaLathisi soMsebenzi owenziweyo ezili-155 ziza kusetyenziswa njengesiseko sokubaona umsebenzi. (Izalathisi zomsebenzi owenziweyo ezili-18 ezishiyekileyo azikhange zithathelwe ingqalelo njengoko ezili-12 bezingenanto ekujoliswe kuyo zaze ezi-6 azafezekiswa ngenxa yezinto eziqhubeka ngaphakathi ezingapha kolawulo lweSebe.)

Owona msebenzi owenziweyo kwizaLathisi zoMsebenzi oWenziweyo ezili-155 ungolu hlobo lulandelayo:

- Izalathisi zoMsebenzi oWenziweyo ezingama 35 zithelekelelwe ngaphezu kwe 120%;
- Izalathisi zoMsebenzi oWenziweyo ezingama 84 zithelekelelwe phakathi kwe-100% ne-120%;
- Izalathisi zoMsebenzi oWenziweyo ezi-8 zithelekelelwe phakathi kwe-90% ne 99%;
- Izalathisi zoMsebenzi oWenziweyo ezi-11 zithelekelelwe phakathi kwe-80% ne 89%. kunye
- Umsebenzi kwizaLathisi zoMsebenzi owenziweyo ezili-17 ziwe ngaphantsi kwe-80%.

Ngoko ke iSebe liphumeze umsebenzi oncomekayo kwi-89% yezaLathisi zoMsebenzi owenziweyo kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka.

3.2.2 Imisitho ebalulekileyo

ISebe libe nendima ekusingatheni imisitho eyahlukeneyo kwiphondo lonke kunyaka ophantsi kovavanyo. Oku kubandakanya:

- IDiscovery Big Walk;
- IArgus Cycle Tour;
- Amabhaso oBugcisa, eNkcubeko, eLifa, eMyuziyam, eThala leencwadi nooVimba owama-2011;
- Amabhaso eMidlalo yeNtshona Koloni;
- Amabhaso eLivo kwiMidlalo;
- INtlanganiso yeLifa leMveli; kunye
- NeNtlanganiso yeMidlalo noLonwabo kaMasipala.

3.2.3 Iprojekthi ezingundoqo

ISebe lenze umnikelo ongundoqo ngokubhekiselele kukhenketho lwenkcubeko neminyhadala yobugcisa nenkcubeko kwisithuba esiphantsi kovavanyo ngokunikela ngokubhekiselele kwimisitho efana:


- I Absa Klein Karoo Nasionale Kunstefees;
- I EKapa Carnival;
- I Die Burger Suidoosterfees;
- I Griqua National Conference (umsitho wokutyhilwa kwelitye lesikhumbuzo elibhengeza iRatelgat njengendawo yelifa lemveli yephondo ;
- UMnyhadala waseKapa; kunye
- Ne South Atlantic Arts and Culture Trust (EKapa International Jazz Festival).

Ukwangezelela, iSebe:

- lixhase amaziko emidlalo ali-111 eNtshona Koloni, eBoland, kwiSouth Western Districts neWest Coast;
- lixhase ama-65 amaziko enkcubeko kwiintlobo zomdaniso, zomculo, zokuzoba, zomdlalo weqonga noluncwadi;
- liqhubekile ngenkxaso kwiWestern Cape Sport School;
- nokuxhasa amaziko ethala leencwadi angama-343 ukukhuthaza ukufunda.

Kunyaka ngokunjalo kubekho ukwanda kweZiko leprojekthi yeMOD [ukuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi; ithuba nelungelo; noPhuhliso nokukhula]. Le projekthi ibonelela ngemisebenzi yemidlalo nolonwabo olulungiselelwe abantu abatsha ngaphandle kweeyure zokuya esikolweni. Isambuku samaZiko eMOD ali-176 sasisebenza kwisithuba esiphantsi kovavanyo.

3.2.4 Iindlela zenkcitho



Uhlahlo lwabiwo-mali (R'000)

Ezizizo (R'000)

Ipesenti yenkcitho

Ukulungiselela unyaka-mali wama-2011/12, uhlahlo lwabiwo-mali lokuqala leSebe lube luzizigidi ezingama-R313,158 lwandiswa lwaya kutsho kwizigidi ezingama-R352,480 ngesithuba senkqubo yolungelelwaniso oluthelekelelweyo, isandiso esizizigidi ezingama-R39,322 okanye i-12,55%. Ulwabiwo olwangezelelweyo luqulathe oku kulandelayo:

- Izigidi ezi-R2,682zokjubalwa kwemathiriyeli yethala leencwadi, okuxhaswa liCandelo loLawulo-mali lePhondo;
- Izigidi ezi-R31,770 endaweni yengxowa-mali yokumelwa koomsipala abakwicandelo leB3;
- Ama-R287 000 alungiselelwe iNkqubo yoNcedo lwaBasebenzi iVote 1;
- Ingeniso egciniweyo yama-R333 000 – iincwadi zethala leencwadi;kunye
- nezigidi ezi-R4,250 ezikhutshelweyo zivela kwiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukwangezelela inkxaso-mali kwimibutho yenkcubeko.

3.2.5 Imali ebe yabelwe enye into

Inombolo yemali ebe ingabelwanga oko	Ukusuka kwinkqubo	Uhlelo loqoqosho	R'000	Ukuya kwinkqubo	Uhlelo loqoqosho	R'000	
1	iNkqubo 1	Imbuyekezo yabasebenzi	(1,211)	iNkqubo 3	Impahla neeNkonzo	540	
		Impahla neeNkonzo	(1,525)				
		liArhente zeSebe neeAkhawunti	(130)		iNkqubo 4	Impahla neeNkonzo	418
						Okukhutshelweyo nenkxaso-mali	1,835
						Oomatshini neZixhobo	73
		lyonke	(2,866)		lyonke	2,866	
2	iNkqubo 2	Imbuyekezo yabasebenzi	(36)	iNkqubo 4	Impahla neeNkonzo	36	
		lyonke	(36)		lyonke	36	
		Isambuku	(2,902)		Isambuku	2,902	

Izizathu zokusetyenziswa kwemali ebingabelwanga oko

Ivoti ye-13 ichonge iingxowa-mali ezikhoyo phantsi kwembuyekezo yabasebenzi ngenxa yokusilela nokucotha ukuzaliswa kwezithuba. Iiprojekthi ezangezelelweyo ezinxulumene nemidlalo zichongiwe ze zaxhaswa ngemali evela kulondolozo lwemali yabasebenzi. Abaphathi benkqubo bacelwa ukuba bangenise izindululo ekufuneka zixhaswe ngemali evela kulondolozo. INTloko yeSebe yalwamkela ulwabiwo lokugqibela lolondolozo ngothethwano noMphathiswa. Impembelelo yeeprojekthi ezangezelelweyo yandise uhlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo ukulungiselela iMpahla neeNkonzo, okuKhutshelweyo neNkxaso-mali neZakhiwo.

Ukusetyenziswa kwemali ebingabelwanga oko kwicandelo elikhulu kwamkelwa liGosa eliNika iNgxelo ngeli thuba ukusetyenziswa kwemali ebingabelwanga oko phakathi kwamacandelo angundoqo kwamkelwe liCandelo loLawulo-mali lePhondo. Oku kuhambelana nezigunyaziso zeSebe zokusetyenziswa kwemali ebingabelwanga oko.

INkonzo ezinikezelwe liSebe

IiNkonzo ezinikezelwe liSebe zixoxwe kwiSahlulo sesi-2 sale ngxelo.

Umgaqo-nkqubo womrhumo

Yonke imirhumo irekhodiswe kwirejista yemirhumo yaye iyahlaziywa rhoqo ngonyaka.

Iinkonzo ezisimahla

Zonke iinkonzo zeSebe zisimahla kuluntu.

Uluhlu lweempahla

Iingxelo yoluhlu lwempahla inikwe kwiSihlomelo 4 kwiiNgxelo zeMali zoNyaka.

3.2.6 Izithintelo zamakhono

Izigunyaziso ezingaxhaswanga ngemali

UMthetho weNkonzo yeThala leeNcwadi wePhondo, othe waqalisa ukusebenza ngomhla wesi-9 kweyeDwarhawe-1981, kunye neMithetho ebhekiselele kwiNkonzo esiMahla yeThala leeNcwadi yePhondo (uMthetho wama-689 we-1980), kuphela kwemithetho emibini esalawula nangoku ngokusemthethweni indlela yokusebenza kwamathala eencwadi njengomsebenzi.

Injongo yoMthetho kukuqinisa nokuhlomela umthetho onxulumene nokunikezelwa kwezibonelelo ezisimahla zethala leencwadi nokunikezela ukulungiselela imiba engalindelekanga. Ulawulo loMthetho wonke, phantsi kwesiBhengezo se-115 se-1994, esipapashwe kwiGazethi kaRhulumente 15813 yomhla we-17 kweSilimela we-1994, sanikezelwa kwiPhondo leNtshona Koloni ukususela ngowama-1994.

Nangona kunjalo, uMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, we-1996ugxininisa into yokokuba onke amathala eencwadi, ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe, aphantsi kwegunya elilodwa lomthetho wephondo. Ingqiqo koomasipala yeyokuba oomasipala abanaluxanduva lwamali ukulungiselela ukunikezela ngeenkonzo zethala leencwadi. Asinguye uMasipala: uMthetho wamaCandelo kaMasipala, we-1998 (uMthetho we-117 we-1998) okanye uMasipala: uMthetho weNkqubo zikaMasipala, wama-2000 (uMthetho wama-32 wama-2000) ubonelela amathala eencwadi nenkxaso yawo ngemali ngoomasipala. Ukunika ingqwalasela kumba wesi sigunyaziso singaxhaswa ngamali, uMthetho OYilwayo weNkonzo zaMathala eencwadi neNgcaciso woMzantsi Afrika usaphuhliswa yaye uthethwano olungaphezulu kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo lusaqhuba.

Impumelelo engundoqo ngokubhekiselele kwinkxaso-mali yenkonzo yethala leencwadi loluntu yachazwa kunyaka-mali wama-2011/12, kunye nenkcazelo yolwabiwo-mali kwiNtshona Koloni esisixa-mali esizigidi ezingama-R31,770 ukulungiselela inkxaso-mali yomelo kamasipala ukulungiselela ukuqalisa

ngokunika ingqwalasela kumba wesigunyaziso sokungaxhaswa ngemali kwamathala eencwadi. Le nkxaso-mali yanikezelwa kwiSebe ngesithuba solungelelwaniso lohlahlo lwabiwo-mali ngoNovemba wama-2011.I-15 loomasipala beCandelo B3 abasesichengeni eNtshona Koloni bachongwa njengabaxhamli bokuqala benkxaso-mali omelo kamasipala.Isixa-mali ekufuneka sikhutshelwe kwaba masipala sapapashwa kwi *Gazethi kaRhulumentekwisithuba* solungelelwaniso lohlahlo lwabiwo-mali aye ukhutshelo lwenziwa ngoJanuwari wama-2012.Isixa-mali esipheleleyo sezigidi ezingama-R31,268 sakhutshelwa.

Ezi zixa-mali ezikhutshelweyo bezibekwe endaweni elingana nama-96 ukuya kwi-100% ezixa-mali abathe aba masipala benza uhlahlo lwabiwo-mali ngowama-2011/12 esilungiselelwe iindleko zabasebenzi bethala leencwadi, ngokunjalo nepesenti encinane yeendleko zokuseenza kwithala leencwadi kwabanye boomasipala abakwicandelo B3.

Icandelo elinoxanduva lasekwe kwiNkonzo yeThala leeNcwadi ukulungiselela ukuqalisa, ukwandisa, ukulawula nokubeka iliso kwinkxaso-mali yomelo kamasipala nokunceda aba masipala ukwandisa ukunikezelwa kweenkonzo zethala leencwadi.Abasebenzi abathathu baqalisile ukusebenza kwicandelo kwikota yesine ze omnye umsebenzi waqalisa ngoKuTshazimpuzi wama-2012.Utyelelo lothethwano lwaqhutywa kubo bonke oomasipala abali-15 kwisithuba sale kota.

Isimo sabasebenzi

Uyilo oluncinane lobume bombutho lweSebe lwaqunjelwa kunyaka ophantsi kovavanyo. Nangona umiliseko nokuqaliswa kobume obutsha luya kuqaliswa kunyaka-mali omtsha, olu luthathwa njengesandiso esingundoqo ngokubhekiselele kukubeka kwiqondo eliphezulu ukusebenza kweSebe. Indima nomsebenzi weZiko leeNkonzo zamaqumru amanyanisiweyo walungiswa ngocoselelo kwakhona ukunceda iSebe ngolawulo lwecandelo lalo labasebenzi.

3.2.7 Ukusetyenziswa kweNgxowa-mali zomnikelo

Akukho ngxowa-mali yomnikelo ofunyenweyo kunyaka-mali wama-2011/12.

3.2.8 Amashishini orhwebo namashishini karhulumente

IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC)

I WCCC yasekwa ngokuhambelana noMthetho weKomishini yeNkcubeko namaBhunga eNkcubeko weNtshona Koloni, we-1998 (uMthetho we-14 we-1998). Ngokuhambelana necandelo lama-47(1) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999 (uMthetho woku-1 we-1999 njengoko uhlonjwe ngoMthetho wama-29 we-1999) (wePFMA), uMphathiswa weMali udwelise iWCCC njengeshishini likarhulumente wephondo ongushedyuli 3C ukususela kumhla woku-1 kuJuniwama-2001. Iintlawulo ezikhutshelweyo kwisixa-mali esili-R150 000 sanikezelwa kwiWCCC ngokuhambelana nesabelo seMTEF yaye kufuneka ihambelane necandelo lama-38(1)(j) lePFMA.

IKomiti yeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC)

I WCLC yasekwa ngokuhambelana noMthetho weLwimi zePhondo leNtshona Koloni, we-1998(uMthetho we-13 we-1998).Ngokuhambelana necandelo lama-47(1) yoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999, uMphathiswa weMali udwelise iWCLC njengeshishini likarhulumente lephondo elingushedyuli 3C ukususela ngomhla woku-1 kuJuni wama-2001.Injongo yeKomiti yeLwimi kukuqinisekisa ngento yokuba iilwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni zifumana iwonga elilinganayo yaye iilwimi zemveli ezazivinjwe amathuba ngaphambili zeNtshona Koloni ziyakhuthazwa kakhulu. Iintlawulo ezikhutshelweyo kwisixa-mali esingama-R220 000zenziwa kwiWCLC ngokuhambelana nesabelo seMTEF yaye kufuneka zihambelane necandelo lama-38(1)(j) wePFMA. Iiprojekthi ezahlukeneyo ezinxulumene nolwimi kunye neenkqubo zaqhutywa kwisithuba sonyaka.

Lifa leMveli leNtshona Koloni (HWC)

ILifa leMveli leNtshona Koloni lasekwa ngowama-2002 ngokuhambelana nemimiselo equlunqwe nguMphathiswa ngeyoMqungu wama-2003 ngokuqeshwa kweBhunga layo. Umbutho uzuzwa ubomi bayo nesigunyaziso kuMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, we-1999 (uMthetho wama-25 we-1999) nemimiselo yomthetho omnye. Isigunyaziso sawo esingundoqo kukuchonga, kukukhusela nokugcina izibonelelo zelifa lemveli lenkcubeko leNtshona Koloni njengoko kudingwa nguMthetho. Ekwenzeni umsebenzi walo, inxibelelana norhulumente wesizwe nowengingqi. Iintlawulo ezikhutshelweyo kwisixa-mali esi-R1 380 000 yenziwa kwiHWC yaye kufuneka ihambelane necandelo lama-38(1)(j) lePFMA.

3.2.9 Imibutho apho kuthunyelwe khona iintlawulo ezikhutshelweyo

Uluhlu lwamashishini apho kukhutshelwe kuzo iintlawulo, yaye injongo yezo ntlawulo zikhutshelweyo, ibonakaliswe kwisahlulo 2 sale ngxelo.

3.2.10 Uthelelwano namashishini kaRhulumente nawangasese (PPPs)

Akukho zivumelwano zePPP ekungenwe kuzo kwisithuba sonyaka-mali wama-2011/2012.

3.2.11 Amalungiselelo olawulo lwamaqumru amanyeneyo

ULawulo loRhawaphilizo nengozi

ISebe lineKomiti esebenzayo yoLawulo loRhawaphilizo neNgozi enabameli abangamalungu ayo yonke iNkonzo yoLawulo oluPhezulu lweSebe (SMS). Isicwangciso soThintelo loRhawaphilizo, sahlaziywa ngokutsha ze samkelwa nguMphathiswa. Amaphulo olwazi oRhawaphilizo, obusela nenkohlakalo aqaliswa ukukhuthaza ingqiqo nolwazi lorhawaphilizo, ubusela nenkohlakalo. Bonke abasebenzi basayine ikhowudi yendlela yokuziphatha ethi inyanzeliswe ngokuqhubeka.

ULawulo lwengozi kwishishini lubekwe embindini kwiphondo kwiSebe leNkulumbuso. IYunithi yoLawulo lweNgozi kwiShishini yePhondo (PERMU) incede iSebe ngoququzelelo olunxulumene neemvavanyo nohlaziyo lwerejista yengozi. Isicwangciso somiliselo sasayinwa nePERMU ukuqinisekisa ngento yokuba iingozi ziyalawulwa ngokuqhubeka yaye ziyathintelwa.

UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi neKomiti yoPhicotho-zincwadi

Imisebenzi yeSebe iphicothwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi yeQela yoLwabelwano loLuntu yeNtshona Koloni. IKomiti yamkele isicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi esilungiselelwe unyaka-mali wama-2011/12. Lonke uphicotho-zincwadi olucwangcisiweyo lwangaphakathi luqhutywe kwesi sithuba siphantsi kovavanyo, apho iingxelo ezimbini zenziwa emva kokuphela konya. Ingxelo yophicotho-zincwadi lwangaphakathi isekwe kwiqhinga leSebe lerejista yengozi.

ISebe lineKomiti yophicotho-zincwadi esebenzayo esebenza ngokuhambelana nemiqathango eyamkelweyo yendlela yokusebenza. Ihlalengene amathuba amaninzi kwesi sithuba sonyaka-mali ukulungiselela ukuvavanya ukusebenza kakuhle kweenkqubo zolawulo lwangaphakathi, umsebenzi wophicotho-zincwadi lwangaphakathi, kunye nemimandla yengozi kwiSebe.

ULawulo lwangaphakathi

Luxanduva lwegosa elinika ingxelo ukuqhubeka lihlela yaye livavanya ulawulo lwangaphakathi ukuqinisekisa ngento yokuba imisebenzi yolawulo ekhoyo iyasebenza, ifanelekile yaye yenziwa elubala ze ihlaziye xa kuyimfuneko. Ukufezekisa oku, iintlanganiso zolawulo ezingundoqo zarhoqo ngekota zibanjwe noMphicotho-zincwadi, abaphathi benkqubo beSebe noMphathiswa. Le yinkqubo eqhubekayo ukuqinisekisa ngento yokuba iSebe lifumana uphicotho-zincwadi olungenaziphene.

Izicwangciso zokubuyela esimeni kwakhona kwiNtlekele nokuqhubeka koshishino

Izicwangciso zokubuyela esimeni kwakhona nokuqhubeka koshishino zaphuhliswa zaze zamkelwa ukulungiselela zonke iifisi zeDCAS ukulungiselela ukuba zinike amagqabantshintshi ngemiqathango ngokubanzi ekufuneka ithathiwe kwimeko apho kubekho uphazamiseko olubi (okanye isoyikiso apho) esichaphazela umsebenzi weSebe.

Uxanduva leGosa lokuNika i ngxelo

ISebe limilisele umgaqo-nkqubo neenkqubo ukunceda iGosa lokuNika i ngxelo ukulungiselela ukuhambelana namacandelo lama-38, 39 nelama-40 oMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1995. Ngokubhekiselele kwiintlawulo ezikhutshelweyo, iGosa eliNika i ngxelo liqinisekise ngohambelwano necandelo 38(1)(j) lePFMA lama-1999 phambi kokuba izixa-mali zikhutshelwe.

3.2.12 Imisebenzi erhoxisiweyo/imisebenzi eza kurhoxiswa

Akukho misebenzi ethe yarhoxiswa kwisithuba sonyaka-mali omiyo.

3.2.13 Imisebenzi emitsha/ecetywayo

UMthetho OYilwayo weThala leeNcwadi yoLuntu kunye neeNkonzo zeNgcaciso woMzantsi Afrika usephantsi kwengxoxo kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. UMthetho OYilwayo waxoxwa kwiiforum ezahlukeneyo yaye uthethwano luza kuqhuba kulo nyaka-mali ulandelayo.

Ingxaki engenakho ukusonjululwa yenkxaso-mali yethala leencwadi loluntu isala ingumngeni kubonelelo lweenkonzo zethala leencwadi loluntu. Kwisithuba sonyaka-mali wama-2011/12, isindululo sokusombulula umba wesigunyaziso sokuxhaswa ngemali sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo nakwiCandelo loLawulo-mali leSizwe. Umphumela yaba sisibhengezo sempumelelo esenziwa ngomhla woku-1 kweyoKwindla wama-2011 nguMphathiswa wephondo weMali, woPhuhliso loQoqosho noKhenketho obhekiselele kwinkxaso yemali koomasipala abasesichengeni ukulungiselela ukuba babonelelwe ngonyaka-mali wama-2011/12.

Kwisithuba esiphantsi kovavanyo, uyilo lweZiko leMOD lwaphuculwa ze uthelwano lwasekwa kunye neminye imibutho karhulumente ukuxhasa lo msebenzi.

3.2.14 Ulawulo lwempahla

Yonke impahla kwiSebe ifakelwe ikhowudi yaze yafakwa kwiLOGIS [iNkqubo yeNgcaciso yoLungiselelo lweNkxaso]. Iqhinga lolawulo lwempahla laphuhliswa lamiselwa ze abalawuli bempahla batyunjwa ukuqinisekisa ngolawulo olululo lwempahla. Ukubalwa kwempahla kwaqhutywa kwisithuba esiphantsi kovavanyo.

Kwisithuba sonyaka- mali wama-2010/11, iCandelo loLawulo-mali leSizwe likhuphe isikhokhelo esidinga ukuba amasebe anike ingxelo ngemathiriyeli yethala leencwadi njengempahla. Inguqu kwisicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo esilungiselelwe ulawulo lweencwadi zethala leencwadi njengempahla kunyaka-mali wama-2011/12 ibe nomphumela weenguqu kubume bendlela yokusebenza kwethu. Oku kubangele isidingo sokuyilwa komgaqo-nkqubo nemiqathango kulawulo lweencwadi zethala leencwadi njengempahla. Kudingeka ngokunjalo ukubalwa kwestokhwe esingaphezulu kwezinto ezizigidi ezi-6.3 ezigcinwe kwiindawo ezingama-358 kwilizwe lonke ukuba kuqhutywe phambi kokuphela konyaka-mali ukuqinisekisa ngerejista yempahla yemathiriyeli yethala leencwadi ethembekileyo. Inguqu zenziwe kwiTshati yezinto eziseMgangathweni yeeAkhawunti (SCOA) ukulungiselela olu phuhliso lutsha.

NgeyoKwindlawama-2012, iCandelo loLawulo-mali likhuphe isikhokhelo esihlaziyiweyo esithe sanikezela amasebe ilungelo lokukhetha ukubhengeza iincwadi zethala njengoluhlu lwempahla ukulungiselela unyaka-mali wama-2011/12 nokumiliselela inguqu kwisicwangciso-nkqubo sokunika ingxelo ukususela kumhla woku-1 kukuTshazimpuzi wama-2012. Nangona iSebe limiliselela isicwangciso-nkqubo esitsha sokunika ingxelo, kwagqitywa ukuba kubhengezwe imathiriyeli yethala leencwadi njengoluhlu lwempahla ngaphezu kokuba ibe yimpahla ngenxa yemingeni ekujanyelelwene nayo ngeli thuba kumiliselwa isicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo. Le mingeni iya kuqwalaselwa kwisithuba sonyaka-mali wama-2012/13.

3.2.15 Uluhlu lwempahla

Uluhlu lwempahla kunikwe ingxelo ngalo kwiSihlomelo 64 see ngxelo kwiMali yoNyaka.

3.2.16 Imisitho emva komhla wokunikwa kwengxelo

Oku akusebenzi kule ngxelo yangoku.

3.2.17 Ingcaciso kwiinjongo ezimiselweyo kwixa elingaphambili

Ingcaciso yokwenziwa komsebenzi ithiwe thaca kwiCandelo 2 sale ngxelo.

3.2.18 Izisombululo zeSCOPA

IKomiti igqibe ekubeni:	Iintshukumo ezithathiweyo ukuza kuthi ga ngoku ukuqwalasela izindululo
a) Yadaniswa yinto yokokuba iSebe libuyele umva lisuke kwimbono yophicotho-zincwadi lwemali olungenaziphene kungekho okufunyenweyo kwiinjongo ezimiselwe ngaphambili kunye/okanye uhambelwano nemithetho nemimiselo kwimbono yophicotho-zincwadi lwemali engenaziphene kunye nokufunyenweyo kwiinjongo ezimiselweyo kunye okanye uhambelwano.	
b) Iwuqwalasele umsebenzi olungileyo ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokuba isicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi siqakunjelwe kodwa ichaphazele inkxalabo emalunga nemiba yamakhono kuphicotho-zincwadi lwangaphakathi.	
c) IKomiti income iSebe ngokufumana imbono yophicotho-zincwadi lwemali oungenaziphene kunye nokufunyenweyo kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili kunye/okanye uhambelwano nemithetho nemimiselo	
IKomiti ichaphazele ezi nkxalabo zilandelayo:	
a) Iimathiriyeli egqwethekileyo ethe yalungiswa kwisithuba senkqubo yophicotho-zincwadi ngokubhekiselele kwingeniso yayo (izigidi ezi-R3) kunye namanqaku obhengezo: ezamkelweyo isigidi esi-R1,6 nesele zibekelwe into ethile (isigidi esi-R1,4).	Izigidi ezi-R3 kwingeniso yayo yabonwa liSebe phambi kokuba lungeniswe zekuxoxwe ii ngxelo zeMali zoNyaka kunye neAG. ISebe lalikingxoxo neCandelo loLawulo lweMali lePhondo ukusombulula lo mba.
b) Izilungiso kwanyanzeleka ukuba zenzizwe	ISebe libonise ukunqongophala kwekhono kunye/okanye

<p>kumanqaku obhengezo. Ezi zilungiso zaziymfuneko kuba iinkqubo zokunikwa kwengxelo yemali ezikhoyo kwiSebe azibanga nakho ukuqinisekisa ngokuqunjelwa kwezixamali ezibhengeziweyo.</p>	<p>ukubekwa kweliso novavanyo kulo mba. Iimbophelelo neZamkelweyo ezingabhengezwanga ezinxulumene nenkqubo yeSLIMS yeeNkonzo zeThala leeNcwadi ezithe zamiliselwa ngeyoMqungu wama-2011. Ubunzima bafunyanwa ekufumaneni ingcaciso yemali kwinkqubo njengoko inkqubo yayingaphuhliswanga kujongwe imiphumela yemali. Inkqubo yokwenziwa kwezinto ngezandla yamiliselwa ukuqinisekisa ngento yokuba ingcaciso ibhengezwe ngokulungileyo.</p>
<p>c) Izohlwayo zanikezelwa kubanikezeli ngeenkonzo abangazange bangenise isibhengezo sokokuba baqeshwe nguRhulumente okanye banxulumene nakuye nawuphi na umntu oqeshwe nguRhulumente. ISebe alizange lihambelane neemfuno zeMimiselo yeCandelo loLawulo-mali kunye naManqaku Okwenziwa koMsebenzi.</p>	<p>Ingcebiso yoMphicothi-zincwadi Jikelele yamiliselwa ngomhla wesi-4 kweyeKhala wama-2011.</p>
<p>d) Ulibaziseko kuqakumbelo lwamatyala yiYunithi yoPhondo lwaseNkundleni (FIU). Kunyaka ophantsi kovavanyo, iFIU iqakumbele amatyala amathathu kuphela kwiSebe yaye akubangakho olunye uphando oluqhyutywayo.</p>	<p>IGosa eliNika iNgxelo lihlangene neFIU amaxesha amaninzi ukuqinisekisa ngento yokuba imiba yeSebe iqwalaselwe ngexesha elifanelekileyo.</p>

3.2.19 Ukuguqulwa kwangaphambili kweengxelo zophicotho-zincwadi

Akukhange kubekho kuguqulwa kwengxelo yophicotho-zimali kunyaka-mali wama 2010/11.

3.2.20 Ukukhululwa nokunxaxha okufunyenwe kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe

Ngokuhambelana necandelo lama-79 ePFMA, iCandelo loLawulo-mali leSizwe lamkele ukufuduka kwesibhengezo seetheyibhile zokuhlawulwa kwamatyala ngemali ebekelwe oko ukulungiselela inkcitho yengqeshiso yemali ngokubhekiselele kwizithuthi zeGaraji kaRhulumente (GG) njengoko kudingeka ngokwemiqathango yeSikhokhelo sesiCwangciso-nkqubo sokuNikwa kweNgxelo yeSebe. Amanyathelo ayamiliselwa ukuqinisekisa ngobhengezo olupheleleyo lwenkcitho yezithuthi zeGG njengengqesho yemali, kubandakanywa neetheyibhile zokuhlawulwa kwamatyala ngemali ebekelwe oko, ukulungiselela unyaka-mali wama-2012/13.

3.2.21 Ingxelo zemali zethutyana

Ukulungiselela isithuba esiphantsi kovavanyo, iSebe likhuphe iingxelo zemali zethutyana rhoqo ngekota. Iingxelo zemali zethutyana ezilungiselelwe isithuba esiphela ngomhla wama-30 kweyoMsintsi wama-2011 nomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2012 zangeniswa kudityaniswe namanqaku obhengezo. Ezi ngxelo zavavanywa liCandelo loLawulo-mali lePhondo.

3.2.22 Ezinye

Oku akunakusetyenziswa kule ngxelo ikhoyo.

3.2.23 Ulwamkelo

I ngxelo zeMali zoNyaka ezithiwe thaca kwiCandelo 3 lale ngxelo yoNyaka yamkelwe liGosa eliNika i ngxelo.



Mnu BC Walters

I Gosa eliNika i ngxelo

31 kweyeThupha 2012

3.3 INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE EYA KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI UVOTO-13: YESEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEZEMIDLALO

INGXELO NGEENGXELO ZEMALI

Intshayelelo

1. Ndiziphicothile iingxelo zemali zeSebe leiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo leNtshona Koloni njengoko zithiwe thaca kwiphepa 87 ukuya kuma ku 132, equlathe ingxelo yolwabiwo-mali, ingxelo ngobume bemali njengoko bunjalo ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2012, ingxelo yendlela yokusebenza kwemali, ingxelo yeenguqu kwimpahla ekhoyo kunye nengxelo yokungena nokuphuma kwemali ukulungiselela unyaka othe waphela, kunye namanqaku, aqulathe isishwankathelo semigaqo-nkqubo ebonakalayo yokunikwa kwengxelo kunye nenye incaciso echazayo.

Uxanduva lwegosa elinika ingxelo ukulungiselela iingxelo zemali

2. Igosa elinika ingxelo linoxanduva lokulungiselela ezi ngxelo zemali ngokuhambelana nesicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo yemali yeSebe echazwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe kunye nemfuno zoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente woMzantsi Afrika, we-1999 (uMthetho onguNombolo 1 we-1999) (PFMA) kunye noMthetho weCandelo leNgeniso loMzantsi Afrika, wama-2011 (uMthetho onguNombolo 6 wama-2011) (DoRA), nolawulo olunjalo lwangaphakathi njengoko igosa elinika ingxelo limisela imfuneko ukunceda ekulungiselelweni kweengxelo zemali ezingasayi kuba nemathiriyeli yokuzigqwetha, nokokuba kungenxa yorhwaphilizo okanye impazamo.

Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele

3. Uxanduva lwam kukunika imbono kwezi ngxeloo zemali esekwe kuphicotho-zincwadi lwam. Ndiqhube uphicotho-zincwadi zam ngokuhambelana noMthetho woPhicotho-zincwadi zikaRhulumente woMzantsi Afrika, wama-2004 (uMthetho onguNombolo 25 wama-2004) (PAA), iSaziso Ngokubanzi esikhutshwe ngokuhambelana noko kunye neMigangatho yeHlabathi yoPhicotho-zincwadi. Loo migangatho idinga into yokokuba ndihambelane neemfuno ezisesikweni ze ndicwangcise yaye ndiqhube uphicotho-zincwadi ukufumana ingqiniseko efanelekileyo malunga nento yokokuba ingaba iingxelo zemali azinayo na imathiriyeli egqwethayo.
4. Uphicotho-zincwadi lubandakanya ukulandelwa kwemiqathango ukulungiselela ukufumana ubungqina bophicotho-zincwadi obumalunga nezixa-mali nezibhengezo kwiingxelo zemali. Iinkqubo ezikhethiweyo zixhomekeke kwimbono yomphicothi-zincwadi, kubandakanywa uvavanyo lweengozi zemathiriyeli egqwethiweyo eengxelo zemali, nokokuba kungenxa yorhwaphilizo okanye impazamo. Ekwenzeni ezo mvamvanyo zengozi, umphicothi-zincwadi unika ingqwalasela kulawulo olufanelekileyo lwangaphakathi kulungiselelo lwecandelo lweengxelo zemali ukulungiselela ukuyila iinkqubo zophicotho-zincwadi eziya kuthi zifaneleke kubume, kodwa zingalungiselelwanga ukuba kunikwe imbono ngokusebenza kakuhle kolawulo lwangaphakathi lwecandelo. Uphicotho-zincwadi ngokunjalo lubandakanya ukuvavanywa kokufaneleka kwemigaqo-nkqubo yokunikwa kwengxelo esetyenzisiweyo nokufaneleka

kothelekelelo lokunikwa kwengxelo olwenziwe lulawulo, ngokunjalo nokuvavanywa kokunikezelwa ngokubanzi kweengxelo zemali.

5. Ndinenkolo yokokuba ubungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyo banele yaye bufanelekile ukulungiselela ukunika isiseko sembono yophicotho-zincwadi lwam.

Imbono

6. Ngokwembono yam, iingxelo zemali zibonisa, kuyo yonke imiba, ubume bemali yeSebe lemiCimbi yeNkcubeko nemiDlalo njengoko bunjalo ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2012, kunye nendlela yokusebenza kwemali kunye nokungena nokuphuma kwemali elungiselelwe unyaka othe waphela ngokuhambelana nesicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo yemali esichazwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe neezidingo zePFMA neDoRA.

Imiba eyongezelelweyo

7. Nditsala ingqwalasela kwimiba engasezantsi. Imbono yam ayiguqulwanga ngokubhekiselele kule miba.

IiShedyuli ezangezelelweyo ezingaphicothwanga

8. Ingcaciso eyangezelelweyo ethiwe thaca kwiphepha 133 ukuya kuma ku 143 asiyiyo inxalenye yeengxelo zemali yaye inikezelwa njengengcaciso eyangezelelweyo. Andikhange ndiziphicothe ezi shedyuli yaye, ngokunjalo, andiniki imbono kuzo ngoko.

Isicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo yemali

9. Isicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo yemali echazwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe nesisetyenziswa lisebe sisicwangciso-nkqubo sokuhambelana. Amagama embono yam kwisicwangciso-nkqubo sokuhambelana kufuneka abonise into yokokuba iingxelo zemali zilungisiwe ngokuhambelana nesi sicwangciso-nkqubo yaye kungengakuba "zizimele ngokulungileyo". ICandelo lama-20(2)(a) lePAA, nangona kunjalo, lidinga ukuba ndinike imbono ngokunikezelwa okulungileyo lweengxelo zemali. Amagama embono yam ngoko abonisa le mfuno.

INGXELO NGEMINYE IMITHETHO NEMIGAQO ELAWULAYO

10. Ngokuhambelana nePAA kunye neSaziso Jikelele esikhutshwe ngokuhambelana ngoko, ndinika ingxelo koku kulandelayo kufunyenweyo okufanelekileyo kwindlela yokusebenza kuthelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili, uhambelwano nemithetho nemimiselo kunye nolawulo lwangaphakathi, kodwa olungalungiselelwanga injongo yokunika imbono.

Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili

11. Ndiqhuba iinkqubo ukulungiselela ukufumana ubungqina obumalunga nokuba lulutho nokuthembeka kwengcaciso ezikwengxelo zonyaka zokwenziwa komsebenzi njengoko zithiwe thaca kwimaphhepha 38 ukuya kuma ku 69 sengxelo yemali.
12. Indlela yokusebenza ekunikwe ingxelo ngayo xa kuthelekiswa kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili yavavanywa ithlekiswa nenqobo zokukhetha ezipheleleyo zokuba lulutho nokuthembeka. Ukuba lulutho kwengcaciso kwengxelo yonyaka yokwenziwa komsebenzi inxulumene nento yokuba ingaba inikezelwe ngokuhambelana nemithetho-siseko yokunikwa kwengxelo yonyaka yecandelo loLawulo-mali leSizwe nokokuba ingaba indlela yokusebenza ekunikwe ingxelo ngayo iyahambelana na neenjongo ezicwangcisiweyo. Ukuba lulutho

Iwengcaciso luthi lunxulumane nento yokokuba ingaba imiqondiso kunye nekujoliswe kuko kunakho ukulinganiswa (okt. Kuchazwe kakuhle, kuqinisekisiwe, kuthe ngqo, kunokulinganiswa yaye kunexesha elimiselweyo) yaye kufanelekile njengokokudingwa sisiCwangciso-nkqubo seCandelo loLawulo-mali ukulungiselela ukulawulwa kwengcaciso yendlela yokusebenza yenkqubo.

Ukuthembela kwengcaciso ngokubhekiselele kwiinkqubo ezikhethiweyo kuyavavanywa ukulungiselela ukumisela kwento yokuba ingaba iinyani zibonisa ngokwaneleyo (okt. Nokokuba ingaba zilungile, ziyinyaniso yaye ziphelele).

13. Akubangakho zinto zifunyenweyo kwingxelo yonyaka yokwenziwa komsebenzi ibhekiselele kukuba lulutho nokuthembeka kwengcaciso.

Imiba eyangezelelweyo

14. Nangona kungekho zinto zifumanekileyo ezibhekiselele kukuba lulutho nokuthembeka kwengcaciso yokwenziwa komsebenzi ethe yachongwa kwingxelo yonyaka yokwenziwa komsebenzi, nditsala ingqwalasela kumba ongezantsi:

Ukufezekiswa kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

15. Kwinani elipheleleyo lokujoliswe kuko okucwangcisiweyo, ibe li-119 kuphela elifezekisiweyo kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Oku kumele ama-23, 2% kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo okuthe akwafezekiswa kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Oku kube ngumphumela weziko wokunganiki ingqwalasela kwiinkqubo ezifanelekileyo kunye neemfuno ezinobugqina kwisithuba senkqubo yonyaka yeqhinga locwangciso.

Ukuhambelana nemithetho nemimiselo

16. Ndiqhube iinkqubo zokufumana ubungqina bokokuba icandelo lithe lahambelana nemithetho esebenzayo nemimiselo ebhekiselele kwimiba yemali, kulawulo lwemali kunye neminye imiba enxulumeneyo. Endikufumeneyo ngokungahambelani nemiba ethe ngqo kwimithetho engundoqo esebenzayo kunye nemimiselo njengoko ithiwe thaca kwiSaziso Jikelele esikhutshwe ngokwemiqathango yePAA njengoku kulandelayo:

Ulawulo lwezibonelelo zabasebenzi

17. Ubungqina bophicotho-zincwadi obaneneleyo nobufanelekileyo abukhange bube nokufumaneka obubonisa into yokokuba inkqubo eyiyo ilandelwe ukuqinisekiswa amabango kwizicelo zabagqatswa phambi kokuba baqeshwe ngokwezidingo zoMthetho weNkonzo kaRhulumente (PSR) 1/VII/D.8.

Ulawulo lwangaphakathi

18. Ndilubona ulawulo lwangaphakathi lufanelekile kuphicotho-zincwadi lwam lweengxelo zemali, ingxelo yonyaka yokwenziwa komsebenzi nokuhambelana nemithetho nemimiselo. Umba ekunikwe ingxelo nawo apha ngasezantsi phantsi kweziseko zolawulo lwangaphakathi uminyo lwentselo ezibonakalayo ezithe zaba nomphumela kokufunyenweyo kuhambelwano nemithetho nemimiselo ebandakanyiweyo kule ngxelo.

Ubunkokheli

19. Ulawulo lwezibonelelo zabasebenzi ukuqinisekisa ngabasebenzi abaneleyo nabanamakhono ngokwaneleyo luyakrokrisa ngenxa yokuhlolwa kobugcisa nemfundo yabaqeshwa namanye amabango okungazange kuqhutywe ngokwaneleyo.

EZINYE IINGXELO

Uphando

20. Uphando lwaqhutywa kwindlela erhanelwayo yokuziphatha kwezemali, enxulumene nokusetyenziswa gwenxa kwezixa-mali zemyuzyiyam, ngumphathi wemyuzyiyam – umphathi walulekwa waze wasiwa kwenye indawo.
21. Uphando lwaqhutywa kukusetyenziswa gwenxa okurhanelweyo kwesikhundla sakhe ngumabhalane kwiCandelwana: uLawulo lweMyuzyiyam neeNkonzo zeNkxaso kwinzuzo engalunganga yomnikezeli ngenkonzo – igosa larhoxiswa kangangesithuba seveki enye ngaphandle kwentlawulo ze lafumana ukutyityimbiselwa umnwe kokugqibela okubhaliweyo.

Auditor - General

EKapa

31 kweyeKhala 2012



3.4 *lingxelo zemali zonyaka*

- *Ingxelo yolwabiwo-mali olulungiselelwe unyaka ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla-2012*

Ulwabiwo-mali ngokwenkqubo nganye									
INGXELO YOLWABIWO-MALI	2011/12						2010/11		
	Ulwabiwo-mali oluhlangahlengisiweyo	Ukutshintshwa kwemali isive kweminye imisebenzi	Uloxulo	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho	Umohluko	Inkcitho ngokwe-% yolwabiwo-mali lokugqibela	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	%	R'000	R'000
1. ULawulo									
Intlawulo eyenziwe ngoku	39,266	(2,264)	(2,736)	34,266	33,919	347	99.0%	35,129	35,104
Egqithisiweyo nezibonelelo	130	-	(130)	-	-	-	-	-	-
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu	59	2,253	-	2,312	2,311	1	100.0%	1,850	1,848
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	-	11	-	11	11	-	100.0%	56	56
	39,455	-	(2,866)	36,589	36,241	348		37,035	37,008
2. ImiCimbi yeNkcubeko									
Intlawulo eyenziwe ngoku	55,096	(1,337)	(166)	53,593	53,561	32	99.9%	45,996	45,906
Egqithisiweyo nezibonelelo	19,435	(30)	130	19,535	19,535	-	100.0%	12,712	12,712
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu	361	1,366	-	1,727	1,725	2	99.9%	914	890
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	4	1	-	5	5	-	100.0%	25	25
	74,896	-	(36)	74,860	74,826	34		59,647	59,533

3. linkonzo zamaThala eeNcwadi nezoovimba abagcina limpepha neenkukacha zakudala									
Intlawulo eyenziwe ngoku	81,756	(725)	540	81,571	81,565	6	100.0%	74,425	74,132
Egqithisiweyo nezibonelelo	72,668	4	-	72,672	72,672	-	100.0%	43,036	43,003
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu	2,700	721	-	3,421	3,420	1	100.0%	1,825	1,819
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	6	-	-	6	6	-	100.0%	6	6
	157,130	-	540	157,670	157,663	7		119,292	118,960
4. EzeMidlalo noLonwabo									
Intlawulo eyenziwe ngoku	64,108	(2,977)	454	61,585	60,795	790	98.7%	59,364	59,241
Egqithisiweyo nezibonelelo	16,640	1,600	1,835	20,075	20,075	-	100.0%	16,919	16,913
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu	230	1,340	73	1,643	2,230	(587)	135.7%	2,363	2,284
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	21	37	-	58	58	-	100.0%	84	84
	80,999	-	2,362	83,361	83,158	203		78,730	78,522
TOTAL	352,480	-	-	352,480	351,888	592	99.8%	294,704	294,023

	2011/12		2010/11	
	Ulwabiwo- lokugqibela	Eyona nkcitho	Ulwabiwo- mali lokugqibela	Eyona nkcitho
IYONKE (ekhutshelweyo) Ukuvumelana kweengxelo zemali esetyenzisiweyo	352,480		294,704	
YONGEZA				
lirisithi zeSebe	1,122		635	
Eyona mali ngokwengxelo yemali esetyenzisiweyo (ingeniso iyonke)	353,602		295,339	
Eyona mali ngokwengxelo yemali esetyenzisiweyo (ingeniso iyonke)		351,888		294,023

Ulwabiwo-mali ngokwenkqubo nganye									
2011/12								2010/11	
	Ulwabiwo-mali oluhlenga- hlengisiweyo	Ukutshintshwa kwemali isiwe kweminye imisebenzi	Uloxulo	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho	Umohluko	Inkcitho ngokwe- % yolwabiwo- mali lokugqibela	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	%	R'000	R'000
Intlawulo eyenziwe ngoku									
Imbuyekezo yabasebenzi	130,199	(1,851)	(2,292)	126,056	125,700	356	99.7%	118,440	118,190
	110,027	(6,039)	384	104,372	104,140	232	99.8%	96,474	96,193
Egqithisiweyo nezibonelelo									
Amaphondo noomasipala	74,466	-	-	74,466	74,466	-	100.0%	45,405	45,405
Ii-arhente nee-akhawunti zeSebe	2,022	-	(130)	1,892	1,892	-	100.0%	785	785
Amaziko angenzi nzuzo	32,047	1,553	1,965	35,565	35,565	-	100.0%	25,359	25,359
Ezasekhaya	338	21	-	359	359	-	100.0%	1,064	1,031
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu									
Oomatshini nezixhobo	3,350	6,246	73	9,669	9,665	4	100.0%	6,962	6,845
I-Software nezinye ii-asethi ezingenakususwa	-	21	-	21	21	-	100.0%	44	44
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	31	49	-	80	80	-	100.0%	171	171
Iyonke	352,480	-	-	352,480	351,888	592	99.8%	294,704	294,023

linkcukacha ngokwe-nkqutyana: Inkqubo yoku-1 yoLawulo	2011/12							2010/11	
	Ulwabiwo-mali oluhlenga- hlengisiweyo	Ukutshintshwa kwemali isive kweminye imisebenzi	Uloxulo	Ulwabiwo- malilokugqibela	Eyona nkcitho	Umohluko	Inkcitho ngokwe-% yolwabiwo- mali lokugqibela	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	%	R'000	R'000
1.1 I-ofisi yoMphathiswa wemiCimbi yeNkcubeko, nezemiDlalo									
Intlawulo eyenziwe ngoku	4,845	(122)	(260)	4,463	4,448	15	99.7%	5,191	5,187
Ukuhlawulwa kwee- asethi ezinkulu	-	243	-	243	243	-	100.0%	225	225
Ukuhlawulwa kwee- asethi zemali	-	3	-	3	3	-	100.0%	35	35
1.2 linkonzo ezihlangeneyo zoshishino									
Intlawulo eyenziwe ngoku	19,386	(1,249)	(1,096)	17,041	17,041	-	100.0%	22,881	22,866
Ukuhlawulwa kwee- asethi ezinkulu	16	1,810	-	1,826	1,825	1	99.9%	1,559	1,557
Ukuhlawulwa kwee- asethi zemali	-	7	-	7	7	-	100.0%	11	11
1.3 linkonzo zoLawulo									
Intlawulo eyenziwe ngoku	15,035	(893)	(1,380)	12,762	12,430	332	97.4%	7,057	7,051
Egqithisiweyo nezibonelelo	130	-	(130)	-	-	-	-	-	-
Ukuhlawulwa kwee- asethi ezinkulu	43	200	-	243	243	-	100.0%	66	66
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	-	1	-	1	1	-	100.0%	10	10
Iyonke	39,455	-	(2,866)	36,589	36,241	348	99.0%	37,035	37,008

linkcukacha ngokwe-nkqutyana: Inkqubo yoku-1 yoLawulo	2011/12							2010/11	
	Ulwabiwo-mali oluhlenga- hlengisiweyo	Ukutshintshwa kwemali isive kweminye imisebenzi	Uloxulo	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho	Umohluko	Inkcitho ngokwe-% yolwabiwo- mali lokugqibela	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	%	R'000	R'000
lintlawulo ezenziwe ngoku									
Umvuzo wabasebenzi	27,157	-	(1,211)	25,946	25,662	284	98.9%	26,051	26,030
Impahla neenkonziso	12,109	(2,264)	(1,525)	8,320	8,257	63	99.2%	9,078	9,074
Egqithisiweyo nezibonelelo									
li-arhente nee-akhawunti zeSebe	130	-	(130)	-	-	-		-	-
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu									
Oomatshini nezixhobo	59	2,253	-	2,312	2,311	1	100.0%	1,837	1,835
Isoftware nezinye ii-asethi ezingenakususwa	-	-	-	-	-	-		13	13
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	-	11	-	11	11	-	100.0%	56	56
Iyonke	39,455	-	(2,866)	36,589	36,241	348	99.0%	37,035	37,008

linkcukacha ngokwenkqubo nganye: Inkqubo yesi-2 yemiCimbi yeNkcubeko	2011/12							2010/11	
	Ulwabiwo-malioluhlengahlengisiweyo	Ukutshintshwa kwemali isive kweminye imisebenzi	Uloxulo	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho	Umohluko	Inkcitho ngokwe-% yolwabiwo-mali lokugqibela	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	%	R'000	R'000
2.1 ULawulo									
Intlawulo eyenziwe ngoku	5,216	(1,496)	-	3,720	3,717	3	99.9%	1,336	1,314
Egqithisiweyo nezi-bonelelo	612	1,090	85	1,787	1,787	-	100.0%	-	-
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu	186	187	-	373	372	1	99.7%	-	-
2.2 Ubugcisa neNkcubeko									
Intlawulo eyenziwe ngoku	10,063	1,059	277	11,399	11,381	18	99.8%	9,401	9,387
Egqithisiweyo nezi-bonelelo	13,675	(1,137)	45	12,583	12,583	-	100.0%	8,862	8,862
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu	11	505	-	516	515	1	99.8%	431	426
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	3	-	-	3	3	-	100.0%	11	11
2.3 liNkonzo zeMuziyam									
Intlawulo eyenziwe ngoku	32,015	(221)	(453)	31,341	31,341	-	100.0%	28,654	28,605
Egqithisiweyo nezi-bonelelo	3,530	17	-	3,547	3,547	-	100.0%	3,300	3,300
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu	132	637	-	769	769	-	100.0%	459	440
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	1	1	-	2	2	-	100.0%	7	7

2.4 IiNkonzo yeziBonelelo zeLifa leMveli									
Intlawulo eyenziwe ngoku	4,297	(336)	-	3,961	3,961	-	100.0%	3,591	3,591
Egqithisiweyo nezi-bonelelo	1,380	-	-	1,380	1,380	-	100.0%	400	400
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu	-	16	-	16	16	-	100.0%	-	-
2.5 Iinkonzo zeeLwimi									
Intlawulo eyenziwe ngoku	3,505	(343)	10	3,172	3,161	11	99.7%	3,014	3,009
Egqithisiweyo nezi-bonelelo	238	-	-	238	238	-	100.0%	150	150
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu	32	21	-	53	53	-	100.0%	24	24
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	-	-	-	-	-	-		7	7
Iyonke	74,896	-	(36)	74,860	74,826	34	100.0%	59,647	59,533

Inkqubo yesi-2 ngokokuhlelwa kwezoQoqosho: kwezemiCimbi yeNkcubeko	2011/12							2010/11	
	Ulwabiwo-mali oluhlangahlengisiweyo	Ukutshintshwa kwemali isiweweminye imisebenzi	Uloxulo	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho	Umohluko	Inkcitho ngokwe-% yolwabiwo-mali lokugqibela	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	%	R'000	R'000
Intlawulo eyenziwe ngoku									
Imivuzo yabasebenzi	43,763	(547)	(666)	42,550	42,521	29	99.9%	39,649	39,618
Impahla neenkonzelo	11,333	(790)	500	11,043	11,040	3	100.0%	6,347	6,288
Egqithisiweyo nezibonelelo									
Ii-arhente nee-akhawunti zeSebe	1,892	-	-	1,892	1,892	-	100.0%	785	785
Amaziko angenzi nzuzo	17,402	(47)	130	17,485	17,485	-	100.0%	11,446	11,446
Ezasekhaya	141	17	-	158	158	-	100.0%	481	481
Ukuhlawulwa kwee-asethi ezinkulu									
Oomatshini nezixhobo	361	1,366	-	1,727	1,725	2	99.9%	883	859
